IBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni

INgxelo yoNyaka u2024/25

IBHODI YONGCAKAZO
NEMIDYARHO YENTSHONA
KOLONI YENTSHONAGAMBLING
AND RACING

INGXELO YONYAKA

U2024/25

IZIQULATHO

ISIGABA A: IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO 4

1. IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO NGEBHODI 4
2. ULUHLU LWEZISHUNQULEO/LWEZIFINYEZO 5
3. IMBULAMBETHE KASIHLALO 8
4. UBUME NGOKUKASOMAQHUZU 10
5. INTETHO YOKUTHABATHELA UXANDUVAA KWANOKUQINISEKISWA KOKUCHANEKA KWENGXELO YEMALI YONYAKA 12
6. UBUME NGOKWRSICWANGCISOQHINGA 13
7. IZIGUNYAZISO NGOKWEMITHETHO KUNYE NEZINYE 14
8. ISIMO SEQUMRHU 17

ISIGABA B: IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO 20

1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELEE: IINJONGO EBEZIMISELWE KWANTLANDLOLO 20
2. UBUME NGOKWENTSEBENZO 20
3. INKQUBELA ESINGISE EKUZUZEKENI KWEEMPEMBELELO KUNYE NEZIPHUMO ZEQUMRHU 34
4. IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO YEENKQUBO 35
5. UKUQOKELELWA KWENGENISO 48
6. UTYALOMALI KWIMPAHLA ENKULU 49

ISIGABA C: EZINGOLAWULO 52

1. INTSHAYELELO 52
2. IIKOMITI ZEPALAMENTE 52
3. AMAGUNYA OLAWULO 52
4. IQUMRHU ELONGAMELEYO – IBHODI 52
5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO 66
6. ICANDELO LEZOLAWULO LWANGAPHAKATHI 69
7. IKOMITI LOPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEMINGCIPHEKO KUPHICOTHOZINCWADI 69
8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO 71
9. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO 71
10. UKUNCITSHISWA KONGQUZULWANO LWEZIDINGO 71
11. IKHOWUDI YENDLELA YOKUIPHATHA 71
12. IMIBA YEMPILO, UKHUSELEKO NENDALO ENGQONGILEYO 72
13. USOSIBA WENKAMPANI 72
14. UXANDUV KULUNTU 72
15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI 72
16. UKUTHOTYELWA KWEENKCUKACHA EZINGENTSEBENZOZ YEB-BBEE 76

ISIGABA D: ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI 78

1. INTSHAYELELO 78
2. IINKCUKACHAMANANI EZINGOKUBEKWA KWELISO KWIZIBONELELO ZABASEBENZI 81

ISIGABA E: INGXELO ENGOKUTHOTYELWA KWEPFMA 88

1. INKCITHO NGAGUNYZISWANGA, ENGENZANZUZO KUNYE NEYILAHLEKO KUNYE NEELAHLEKO EZIPHATHEKAYO 88
2. UKUNGAHLAWULWA KWANGETHUBA KUNYE/OKANYE UKUNGAHLAWULWA KONKEKONKE KWAMASHISHINI 93
3. ULAWULO LWETYATHANGA LEENTENGO 93

ISIGABA F: IINKCUKACHA EZINGEMALI 96

1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE 96
2. IINGXELO ZEMALI ZONYAKA 104

ISIGABA A:

IiNkcukacha eziPhangaleleyo

IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO

1. IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO NGEBHODI

IGAMA:	YiBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni
IDILESI EBONAKALAYO:	kwa24 Fairway Close eFairway Terraces Parow EKapa 7500 Republic of South Africa
IDILESI YEPOSI:	P O Box 8175 Roggebaai 8012
I(i)NOMBOLO YOMNXEBA:	+27 21 480 7400
IDILESI YEIMEYILE:	ceo@wcgrb.co.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI:	www.wcgrb.co.za
ABAPHICOTHIZINWADI BANGAPHNDLE:	NguMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
IBHSNKI:	YiNedbank
USOSIBA WENKAMPANI:	NguHeinrich Brink

2. ULUHLU LWEZISHUNQULELO/LWEZIFINYEZO

Olu luhlu lulandelyo luqulethe zonke izishunqulelo/izifinyezo ezisetyenziswe kuyo yonke le ngxelo yonyaka, nokuba zibhekisa kweliphi na icandelo lale ngxelo yonyaka:

Isishunqulelo / Isifinyezo	Ingcaciso
ADFIN / Adfin	EzongoLawulo neMali
AFS	IiNgxelo zeMali zoNyaka
AGSA	UMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
APP	ISicwangciso seNtsebenzo yoNyaka
ARC	IKomiti yoPhicothozincwsdi neMingcipheko
ATRs	IiNgxelo zoQeqesho zoNyaka
B-BBEE	INkqubo eXananazisiweyo yokuXhotyiswa kwabaMnyama ngokoQoqosho
Board	IBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshon Koloni
board	INgqokelela yMalungu eBhodi angekho kwiSigqeba soLawulo
Capex	INkcitho eNkulu
CA(SA)	ABagcinizincwdi (boMzantsi Afrika)
CATHSSETA	UKhala weNkcubeko, ezoBugcisa, ezoKhenketho, eoNonophelo kunye neMfundo yeCandelo leMidlalo noQeqesho
CEO	USomaqhuzu
CFO	IGosa eLongamele iMali
COE	INdleko yeNgqesho
COLA	Uhlengahlengiso lwendleko yokuphila
CPI	ISalathisi saMaxabiso aBathengi
CSI	UTyalomali lweeNkampani kuLuntu
Constitution	UMgaqosiseko kaZwelonke weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka1996
COVID-19	ISifo sentsholongwane yeCorona ka2019
DoL	ISebe leNgqesho
DRP	ISicwangciso sokuzoBuyisa kwiiNtlekele
DTIC	ISebe loRhwebo, amaShishini kunye noKhuphiswano
DoI	ISebe leZiseko zoPhuhliso
DPSA	ISebe yeeNkonzo zikaRhulumente kunye noLawulo
EE	UMakulinganwe kwiNgqesho
EEA	UMthetho iEmployment Equity Act
ERM	ULawulo loMngcipheko kuShishino
EWP	INkqubo yeMpilontle yaBasebenzi
EXCO	IKomiti yaBalawuli
FIC	Iziko loLwazi ngeMali
FICA	UMthetho iFinancial Intelligence Centre Act, ka2001
FIT	IKomiti yeMali noBuchwepheshe boLwazi

IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO

Isishunqulelo / isifinyezo	Ingcaciso
GDP	IMveliso yeLizwe iYonke
GGR	INgeniso yoNgcakao iYonke
GLC	IKomiti yoNxibelelwano ngoNgcakazo
GRAP	INkqubo eNakanwa ngokuPhangaleleyo yoGcinozincwadi
HCC	IKomiti ueGalelo loLuntu
HOD	INtloko yeSebe
HR	IZibonelelo zaBasebenzi
HRM	ULawulo lweZibonelelo zaBasebenzi
ICT	UBuchwepheshe boLwazii noNxibelelwano
IIA	IQumrhu laBaphicothizincwadi baNgaphakathi
ILSF	IFasilithi eYayame kuMntu oMnye
IRBA	IBhodi eZimeleyo yoMiselo yaBaphicothizincwadi
IoDSA	IQumrhu laBalawuli boMzantsi Afrika
IT	UBuchwepheshe boLwazi
IYM	UHlolo lwaseNyakeni
LSA	IWonga leNkonzo eNde
LPM	IMitshini yeeNtlawulo eziNgephi
LRA	UMthetho iLabour Relations Act
MEC	ILungu leSigqeba seBhungaa lePhondo
Minister	UMphathiswa weMali kwiNtshona Koloni
MP	ILungu lePalamente
MTEF	ISikhokelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi
MTBPS	INtetho yoMgaqonkqubo weSabelomali seXesha eliPhakathi
NGB	IBhodi yoNgcakazo kaZwelonke
NPC	INkampani eNgajonge Ngeniso
NTR	IMimiselo yeSebe leMali likaZwelonke
OD	UPhuhliso lweQumrhu
OEM	UMvelisi weZixhobo zoQobo
OHASA	UMthetho iOccupational Health and Safety Act, ka1993
Opex	INkcitho yokuSebenza
PAC	IKomiti yeeAkhawunti zasebuRhulumenteni
PAIA	UMthetho iPromotion of Access to Information Act, ka2000
PAJA	UMthetho iPromotion of Administrative Justice Act, ka2000
PDO	INjongo eMiselwe kwaNtlandlolo
PFMA	UMthetho iPublic Finance Management Act, ka1999
PLA	Provincial Licensing Authority

Isishunqulelo / isifinyezo	Ingcaciso
PI	ISalathisi seNtsebenzo
POPI	UMthetho iProtection of Personal Information Act, 2013
PRMA	INkonzo yoNcedo loNyango lwasEmva koMhlalaphantsi
PTR	IMimiselo yeSebe leMali lePhondo
RGC	IKomiti yokuNgcakaza ngoNonophelo
SAPS	INkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika
SARGF	IQumrhu loMzantsi Afrika lokuNgcakaza ngoNonophelo
SCA	INkundla ePhaamileyo yeZibheno
SC	IGqwetha eliKhulu
SCM	ULawulo lweTyathanga leeNtengo
SCOF	IKomiti eMiyo kwezeMali kwiPalamente yeNtshona Koloni
SOP	INkqubo yokuSebenza eQhelekileyo
SR	UMngcipheko weSicwangcisoqhinga
Act	UMthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act, ka1996
TID	INgcaciso yeSalathisi sezoBuchwepheshe
TOR	IMiqathango yeZalathisi
TR	IMimiselo yeSebe leMali
Type A LPM Site	IZiza zeLPM ezineeLPM ezifikelela kwi5
Type B LPM Site	IZiza zeLPM ezineeLPMs ezi6 ukuya kwezingama20
Type C LPM Site	IZiza zeLPM ezineeLPMs ezimgama21 ukuya kwezingama40
Type D LPM Site	UMsebenzisi weSiza seLPM oZimeleyo
UPS	UKunikezelwa koMbane okuNgaphazamisekiyo
WC	INtshona Koloni
WCDoI	ISebe leZiseko zoPhuhliso kwiNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCGRB	IBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni
WCPT	ISebe leMali lePhondo leNtshona Koloni
Western Cape	IPhondo leNtshona Koloni
WFH	Ukusebenzela eKhaya
WSP	ISicwangciso seZakhono zokuSebenza

3. IMBULAMBETHE KASIHLALO

UMnu Claude Bassuday
Chairperson of the Board

Kuyandichulumancisa ukunikezela ingxelo yoNyaka yeBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni yonyakamali u2024/25.

IWCGRB iseliqumrhu lephondo elikuShedyuli 3C ethungelana nokuwiswa komthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act, enguMthetho 4 ka1996.

Isigunyaziso seWCGRB ngokwemithetho siseseso sikukubeka iliso kwicandelo longcakazo kwiNtshona Koloni. Oku ke kuzuzeka ngokwamkela kwakunye nesidima sezicelo zokungena kwicandelo longcakazo kwiNtshona Koloni ngenjongo yokuqinisekisaa ukuba ngabantu abafanelekileyo nabakulungeleyo abathi bafumane iilayisenisi zokusebenza kwiCandelo loNgcakazo leNtshona Koloni. IWCGRB ikwenza usebenzo wophicotho lokuthotyelwa kwemimiselo ngenjongo yokuqinisekisa abanini beelayisenisi bayayithobela imigao esebenza kweli candelo. Amashishini enza iintshukumo zongcakazo ezingekho mthethweni ziyabhaqwa ze zivalwe ngoncedo lweSAPS.

Ngapha koko, iWCGRB iqokelela ze iqinisekise irhaf yongcakazo kweli candelo loshishino. Kwisithuba sonyaka ophelileyo, kuye kwavela ukuhluma okukhawulezileyo kwiirhafu apho zifikelele kwiR1.5 ysigidigidi kunyakamali u2023/24. Njengoko bekulindelekile, oku kuhluma kuvele ngokukhawuleza akuyanga kwazinza, yaye ukwanda kwengeniso yerhaafu akukhange kothuse kakhulu, apho iWCGRB iqokelele ze yaqinisekisa iR15 yesigidigidi kunyakamali u2024/25.

IWCGRB iyaqhuba nokuhlola igalelo leli candelo loshishino kuluntu ngokubanzi yaye iyazingcaa ngokunikezela ingelo ethi icandelo eli lifake igalelo eliliR15 937 127 ezigidi kwiinkqubo zokuxhaswa koluntu ngokubanzi kwisithuba seli xesha lengxelo.

Inani elimiselwe ngumthetho laMalungu eBhodi sisixhenxe samalungu angekho kwisigqeba solawulo. Njengeqela, esi sixhenxe samalungu ayiNgqokelela eYongameleyo yeWCGRB. Ikhoram yomhlangano weBhodi ngamalungu amahlanu. Kulo nyaka siwushukuxayo, iWCGRB ibe namalungu asixhenxe atyunjiweyo ze kwangolo hlobob yabe imisewe ngokugqibeeleyo. Ukususela ekutyikityweni kwale ngxelo, ixesha likaNksz Fani lifikeee esipheweni ngoko ke iWCGRB isele naMalungu eBhodi amathandathu kulawo asixhenxe abemiselwe. Amaxesha amalungu eBhodi adizwe kwiSigab C esisusela kwiKhasi 50.

Isimo seWCGRB ngokwabasebenzi siye sahlala sinjalo isithusa seshumi elinesithandathu leminyaka ubuncinci ngelixa icandelo longcakazo lona beliguquka likhula ngokumandla. Kungoku nje oku kwanda kuzisingela phantsi izibonelelo zeWCGRB ukuze ibe nokuzuza ngokupheleleyo imisebenzi yayo ze melane nokulindelekileyo kubanini beelayisenisi.

IWCGRB ityumbe ishishini ukuze livavanye isimo seWCGRB kwakunye nezibonelelo ezidingekayo ukuze kube nokufezekiseka isigunyaziso sayo ngokukuko'. Le ntshukumo iqukunjelwe ze yaphunyezwa yiBhodi yeWCGRB, kodwa ke iWCGRB iya kudinga izibonelelo zemali ukuze ibe nokuxhasa ukumiselwa kwezindululo.

IWCGRB ayinalo igunya lokwandisa ingeniso yayo ngaphandle kokuba oko kuphunyezwe nguMphathisw ochaphazelekayo njengoko zonke izigqibo ezichaphazela imali kulindeleke ukuba ziphunyezwe ngumphathiswa ojongene nezabelomali.

Imithombo yengeniso yeWCGRB iphantsi kweliso lemithetho engenagunya lokuhlomela kuyo iWCGRB ze ke ngoko ixhomekeke kuRhulumente weNtshona Koloni ukuba enze izihlomelo kwimithetho.

Kuhlolo lwamaqumrhu karhulumente olwenziwe liSebe leMali kwiPhondo kutsha nje, kufumaniseke ukuba imivuzo yabasebenzi abazizikhulu kwiWCGRB ibiphakathi kweyona iphantsi xa kuthelekiswa namaqumrhu ephondo leNtshona Koloni. Ngapha koko, xa kuthelekiswa nezinye iiBhodi zoMiselo kwinkalo yoNgcakazo kuMzantsi Afrika, isimo semivuzo siphantsi kunesoninzi lwazo. Oku ke kuyibeka

kwimeko embi iWCGRB nasemngciphekweni wokuphulukana nabasebenzibayo abangundoqo besiya kumanye amaqumrhu, eneneni ke iphulukene nabathathu kubasebenzi bayo besiya kubanye ookhala.

IWCGRB sele isisebenzisa isakhiwo sayo esitsha seeofisi esikwa24 eFairway Close yaye sele ifumene umlawuli wamaphulo ofanelekileyo ukuze alawule umsebenzi wokuphuculwa kwakunye nokulungiswa kwesakhiwo seWCGRB.

Noxa ikho nje yona imingeni, iWCGRB isifezekisile isigunyaziso sayo.

IWCGRB izuze uphicotho olungenamakhwiniba ze yazuza i16 kwi19 ebelicwangcisiwe lezalathisi zentsebenzo.

liNjongo zeThuba eliPhakathi

Inkqubo yokukhululwa kohlobo olunguB lweLPM isaqhuba kakuhle yaye ukukhululwa kwayo kuza kuqala kwangethem yesithathu yonyakamali u2025/26. Ngapha koko, iWCGRB iya kube ihlola izikhokelo zeentlobo C noD zeLPM ndawonye neBingo. Oku ke akuyi kuba nefuthe kwimithombo yemali yeWCGRB kwanakwiirhafu zeNgxowa yeWCG nje kuphela, koko kunika nengqwalasela kwisicelo seli candelo sokuba ezi nkonzo zimiselwe yimithetho zenziwe zifikeleleke.

Kuyo yonke le nto, iWCGRB iya kunikezela ingqwalasela emandla kukhuselo loluntu ngokudunyelwa lungcakazo, icandelo loshishino longcakazo elingenamkhethe nelidlamkileyo kwiPhondo leNtshona Koloni, ukuxhotyiswa ngokoqoqosho kwabo babesa kusingelwa phantsi kwakunye nokuphakanyiswa kohlumo loqoqosho, uphuhliso nengqesho.

Ukuvuselelwa kwamalinge okungcakaza ngononophelo kwicandelo longcakazo kwiNtshona Koloni kufumana ingwalasela emandla kwiWCGRB apho kwenziwe uphando olusisiseko esidiza kwiWCGRB ngobuzaza bokungcakaza kwakunye nengxaki yokungcakaza kwiNtshona Koloni ngenjongo yokuba sisisek semigaqonkqubo kunye nezicwangciso ngezinye iindlela zokungcakaza kwanokuze luchazele iWCGRB ngokuqulunqwa kwemigaqonkqubo kwakunye namalunga okulwisana nengxaki yokungcakaza kwanokuze kuvuselelwe ukungcakaza ngononophelo kweli phondo.

Kunyakamali u2024/25, iWCGRB iqulunqe iSicwangciso seSicwangcisoqhinga seminyaka esusela ku2025 - 2030.

Imibulelo

Mandinakane ze ndibulele uMphathiswa wePhondo uAdv. Deidre Baartman ngenkxaso yakhe emandla kwakunye nokuyiqonda kwakhe iWCGRB, iWCPT, iSCOF, kunye nePAC ngenkxaaso kunye nesikhokelo saso, oogxa bam kwiBhodi, iKomiti yeWCGRB ejongene noPhicothozincwadi neMingcipheko ngomsebenzi wayo wokuba liliso kwakunye nesalathiso ekuzuzekeni kwesigunyaziso seBhodi kwakunye neAGSA, icandelo loPhicothozincwadi lwaNgaphaathi kunye neqoqo lolawulo leWCGRB ndawonye nabasebenzi ngokuyenza ngocoselelo imisebenzi yabo pphantsi kwezo meko zinobuzaza kwakunye nemingeni eza ngenxa yokungoneli kwezibonelelo. Imizamo yabo iyabonakala yaye inconywa ngemibulelo.

Mr Claude Bassuday
Chairperson
weBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni,
ngomhla wama31 kweyeKhala ka2025

4. UBUME NGOKUKASOMAQHUZU

UMnu Primo Abrahams
uSomaqhuzu

Kungoku nje ndinikezela ngentsebenzo yemali yeBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni (iWCGRB) yonyakamaali u2024/25.

IWCGRB inokuqokelela kuphela ingeniso njengoko kumiselwe ngumthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act, onguMthetho 4 ka996. Phantsi kwemimiselo esebenzayo ngoku yalo Mthetho, iWCGRB ayinakho ukukuzuza ukuzimela ngokwrmali. Oko ke kukhokelele ekubeni iBhodi ihlale ixhomekeke kwiimali zikarhulumente, ezisusela ubukhulu becala kwiinkxasomali zikaRhulumente weNtshona Koloni, ukuze kube nokuxhaseka imisebenzi yayo. Kulindeleke ukubaa le nkxomekeko iqhube kwisithuba sexesha eisezayo.

Kulo nyaka siwushukuxayo, iWCGRB ifumene inkxasomali engamaR24.5 million, eyande ukususela kumaR21 ezigidi ngo2023/24. Kwakwesi sithuba sinye sexesha, iirhafu kunye neentawulo ezithe zaqokelela egameni likaRhulumene weNtshona Koloni zifikelele kwiR1.75 yezigidigidi (iR1.50 yezigidigidi ku2023/24), ezimele inkxasomali karhulumente elingana ne1.40% yeerhafu neentlawulo ezithe zaqokeelwa. Inkcitho yesabelomali esiphunyeziweyo seWCGRB ku2024/25 yayingamaR86.3 yezigidi. Ukungeza apho, iR6.225 sezigidi sithe saphunyezwa ukuze kugcinweintsalela yemali. Imali eseleyo engamaR55.5 ezigidi phakathi kwenkxaomali karhulumente efumanekikeyo kwakunye nesabelomali esiphunyeziweyo ifumaneke kwizibonelelo zengeniso yeWCGRB.

Eyona nkcitho kulo nyaka ifikelele kumaR77.5 ezigidi, ngelixa ingeniso – equka inkxasomali karhulumente ifikelele kumaR98.2 ezigidi. Oku ke kukhoklele kwintsaela ethelekisekayo engamaR20.77 ezigidi ndawonye nentsaela yogcinozincwadi eliR12.47 lezigidi.

Yakuba iyazi imeko yayo ngokwemali, iWCGRB iye yazuza ukonga ngeR8.85 sezigidi xa kuthelekiswa kwisabelomali esiphunyeziweyo. Njengenxalenye yoku konga, iR6.225 sezigidi ebesibekelwe ukulungiswa kwesakhiwo besinokusetyenziswa kuba iphulo eli belisekwisigaba socwangciso ekupheleni konyaka.

Njengempendulo kwimeko yecandelo longcakazo elikhula ngokukhawuleza, iWCGRB yenze uphando loyilo lwequmrhu ngenjongo yokuvuselela iinkqubo zokusebenza zee kube nokuncedwa ngcono amahlakani ayo. Iziphumo ziye zaphunyezwa yiBhodi, apho kusahlalutywa imali yezikhundla ezintsha esuka kwiSebe leMali leNtshona Koloni (iWCPT) kwanakuMphathiswa.

Njengoko kuqaqanjisiwe nguSihlalo, iWCGRB iqokelele iirhafu kunye neentlawulo ezifikelela kwiR1.75 yezigidigidi kunyakamali u2024/25, nto leyo imele ukwanda nge16.2% ukususela kunyaka odlulileyo. IWCGRB ithabathele kuyo isakhiwo sayo esineeofisi yaye iyaqhuba nemisebenzi yokusiphucula ukuze ibe nokusisebenzisa ngokugqibeleleyo. Ukunikezelwa kwaso ngokugqibeleleyo, kuquka nexesha loluhlu lwezilibaziso, kulindeleke ukuba kwenzeke ngenyanga yeSilimela ka2026.

IWCGRB iyaqhuba ngokusebenza ngokomgaqo wokuqhuba njengesiqhelo yaye sele isenzile isabelomali senkxasomali karhulumente ukuze ibe nokuvingca izikhewu zesabelomali. Noxa kunjalo ke, kuya kudingeka enye inkxasomali ukuze kube nokuxhaseka izidingo zegalelo loluntu. Lo mba ufumana ingqwalasela yaye uya kusonjululwa kwiingxoxo ezingesicwangcisoqhinga esitsha seBhodi.

Kulo nyaka, iqumrhu lenze inkcitho engagunyaziswanga yamaR703 537 ebiphathelele ekuthengweni kweenkonzo zeenkqubo zemibho bho kunye nombane. Oku kwenzeke kuba iimpepha zeSicelo seeKowuti zingakhange zizichaze izidingo zamabakala eCIDB alo msebenzi, njengoko kumiselwe kuMmiselo 25 weMimiselo yoPhuhliso yeCandelo lezoKwakhaa. Le ntshiyelelo ibingenxa yokuhlelwa kwalo msebenzi ngempazamo njengomsebenzi wokulungisa nje endaweni yokuba uhlelwe njengomsebenzi wokwakha. Noxa le nkqubo ibingagqibelelaanga nje ngokuthotyelwa kwemimiselo, amashishini abeqashiwe wona abengabhalisiweyo kwiCIDB ngela thuba. Inkcitho engagunyaziswanga le iya kufumana ingqwalasela ngokwemigaqo yesikhokelo sothotyelo sePFMA.

IWCGRB inqwalile kwizindululo zeAGSA yaye iyaqhuba nokusebenzela ukuyithobela ngokugqibeleleyo imigqo kunye nemiyalelo.

Imibulelo

IWCGRB ibulela ngezincomo igalelo kunye nenkxaso kaMphathiswa, uAdv. Deidre Baartman, ingcebiso ephilileyo yeKomiti eMiyo yeMali kwakunye neKomiti yeeAkhawunti zasebuRhulumenteni ndawonye nangoncedo lweWCPT, iAGSA, kunye nolwaBaphicothizincwadi bayo baNgaphakathi.

ungombulelo ukub iWCGRB ibulele iinzame ezimandla kwakunye nokuzinikela kwaMalungu eBhodi yayoy, iKomiti yoPhicothozincwadi kunye neMingcipheko, ndawonye nabasebenzi beWCGRB ngegalelo labo kwimpumelelo yonyakamali u2024/25.

NguMnu Primo Abrahams
USomaqhuzu
weBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni,
ngomhla wama31 kweyeKhala ka2025

5. INTETHO YOKUTHABATHELA UXANDUVA KWANOKUINISEKISA UKUCHANEKA KWENGXELO YEMALI YONYAKA

Ngokolwazi nenkolelo lwethu oluyinene,siqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha kunye nezixa ezidizwe kule ngxelo yonyaka zithungelana neengxelo zemali zonyaka eziphicothwe nguMphicothizincwadi Jikelele. Ingxelo yonyaka igqibelele, iyechanekileyo yaye ayinazintshiyelelo. Ingxelo yonyaka iqulunqwe ngokwemigaqo yezzikhokelo zokuqulunqwa kwengxelo yonyaka njengoko zikhutshwe iSebe leMMali leSizwe. IiNgxelo zeMali zoNyaka (ezikwiSigaba F) ziquunqwe ngokwemigaqo yemigangatho yeGRAP echaphazela iBhodi

IQela eLongameleyo linoxanduva lokuqulunqwa kweengxelo zemali zonyaka kwaneziggibo ezenziwe kwezi nkcukacha. IQea eLongameleyo linoxanduva lokusekla , nokumisela inkqubo yolawulo lwezangaphakathi eyilelwe ukunikezela ngengqinisekiso ekholelekayo ngokwesidima kwanokuchaneka kweenkcukacha ezingentsebenzo, iinkcukacha ezingezibonelelo zabasebenzi, kwakunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothizincwadi bangaphandle benza umsebenzi wokuvakalisa uluvo oluzimeleyo ngeengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwethu, le ngxelo yonyaka ivakalisa ngokungenamakhwiniba imisebenzi, iinkcukacha ezingentsebenzo, iinkcukacha ezingezibonelelo zabasebenzi kwakunye nemiba yemali yale Bhodi zonyaka ofikelele esiphelwen ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025.

NguMnu Primo Abrahams Mr Claude Bassuday
USomaqhuzu
weBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni
ngomhla wama31 kweyeKhala ka2025

Mr Claude Bassuday
Chairperson of the Board
USihlalo weBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni
Ngomhla wama31 kweyeKhala ka2025

6. UBUME NGOKWESICWANGCISOQHINGA

6.1 Vision

Ukuze ibe nokunakanwa njengokhala ophala phambili ngokweenkqubo zoshishino ezisekelwe kwiingcinga ezintsha nezizinzileyo kwanokwandiswa kwamathuba oqoqosho ngendlela ethabathela uxanduva kwinkalo yoluntu.

6.2 Umnqophiso

Kukulawula nokumisela ungcakazo kwiPhondo leNtshona Koloni:

- Kukunikezela imeko ezinzileyo, esekewe kubulungisa, eyondeleleneyo nesebenzayo yomiselo;
- Kukukhuthaza ukuzithemba kunye nokuthemba kwimeko ekhuulekileyo nengenarhwaphilizo kunye nongcakazo olungekho mthethweni kwakunye neentshukumo zongcakazo; kunye
- Nokufaka igxalaba kuqoqosho lweNtshona Koloni ngendlela esekelwe kwiingcinga ezintsha nethabathea uxanduva ngokoluntu.

6.3 Imigqaliselo

Ekwenziweni kwemisebenzi yayo, iBhodi kunye neOfisi yayo basixabise kakhulu:

- *Isidima*
  Isakhono sokubakwanokunamathla kwikhodi yendlela yokuziphath kwakunye nemigangatho ephezulu yentsebenzo.

- *Kukuvuleleka nokuthabathela uxanduva*
  Umgaqo wokuba iBhodi iya kwenza ushishino lwayo ngendlela efikelelekayo, ecacileyo nebonakaayo apho iintshukumo zayuo zivulelekileyo ukuba zivavanywe ze ibe nokuphendul kumahlakani kwanoluntu ngokubanzi.

- *Isakhono*
  Ukuba nokhala osebenzangendlela nesabelayo.

- *Iingcinga ezintsha*
  Kukudala intsebenzo entle yoshishino ngokwezisombululo ezisebenzayo ezisekelwe kwiingcingane kunye nezimvo ezintsha.

7. IZIGUNYAZISO NGOKWEMITHETHO KUNYE NEZINYE

7.1 Izigunyaziso ngokoMgaqosiseko

Isigunyaziso seBhodi ngokomgaqosiseko sisusela kuShedyuli 4 woMgaqosiseko. Unyanzelisa ukuba ukumiselwa kweekhasino, imidyargo, ungcakazo kunye nokuweyija (ngaphandle kweelotto kunye neephuli zemidlalo) nako kuphantsi kwesi sigunyaziso sinye sezindlu zowisomthetho zamaphonod dneyesizwe. IBhodi kufuneka iqwalasele amalungelo abalulekieyo abo bonke bantu amiselwe kwiSahluko 2 soMgaqosiseko ekumiseleni amagunya ayo kwansekwekufeekiseni isigunyaziso sayo. ISahluko 6 soMgaqosiseko simisela, phakathi kwezinye, izigunyaziso ezisusela kwimithetho yemizi yowisomthetho eyahlukeneyo yamaphondo. Sikwajongana nesisombululo songquzulwano kwiinkalo zesigunyaziso esifanayo sikazwelonke nesephondo. ISahluko 6 sisebenzaekusebenzeni kweBhodi kwinkao yegaelo leBhodi yezihlomelo ezisacetywayo kuMthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act, Act 4 ka1996.

7.2 Isigunyaziso ngokwemithetho

Le mithetho yesizwe neyephondo ilandelayo yiyo esebenzayo kwimisebenzi yeBhodi:

IBasic Conditions of Employment Act, ka1997 (uMthetho 75 ka1997) njengoko ihlonyelwe

Lo Mthetho udandalazisa imiqathango engundoo yengqesho weendawo zokusebenzela eMzantsi Afrika yaye unefuthe elithe ngqo kubasebenzi beBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni.

IBroad-based Black Economic Empowerment Act, ka2003 (uMthetho 53 ka2003) neeKhowudi njengoko uhlonyelwe

Lo Mthetho uqulethe isikhokelo sowisomthetho ngenjongo yokuphakanyiswa kokuxhotyiswa kwabamnyama ngokoqoqosho yaye ugunyazisa uMphathise weoRhwebo noShishino ukuba akhuphe iikhowudi zenkqubo entle ze anike ingqwalasela nemiba eyayamene nayo. IBhodi inyanzelisa iinjongo zemithetho nemigaqonkqubo yenkqubo eXananazisiweyo yokuXhotyiswa kwabaMnyama ngokuthi kunyanzeliswe imiqathango yeelayisenisi kubanini beelayisenisi kwanokuze bathobele imigaqo ebophelelayo kwiBhodi njengequmrhu loluntu ngokubanzi.

ICompensation for Occupational injuries and Diseases Act, ka1993 uMthetho 130 ka1993) njengoko uhlonyelwe

Lo Mthetho umisela isikhokelo sezomthetho sembuyekezo esusela ekukhubazekeni ngenxa yomonzakalo emsebenzini okanye yezifo ezifumaneke okanye ezifunyenwe ngbasebenzi ngexa besengqeshweni okanye ukufa okususea kuloo monzakalo okanye kweso sifo; kwanokunika ingqwalasela kwimiba eyayamene nale.

IDisaster Management Act, ka2002 (uMthetho 57 ka2002) njengoko uhlonyelwe neMimiselo

Lo Mthetho umisela isikhokelo sezomthetho sokuqulunqwa komgqonkqubo ohlanganyelweyo nobumbeneyo wolawulo lweentlekele ogxile ekuthinteleni okanye ekunciphiseni umngcipheko weentlekele, ukunqanda ubuzaza beentlekele, ukulungela iimeko zikaxakeka, ukusabela okukhawulezileyo nokusebenzayo kwiintlekele kwanasekubuyeleni kwimeko yesiqhelo emva kweentlekele. Umisel ukusekwa kwamaiko kawelonke, awamaphondo nawoomaspala olawulo lweentlekele apho imigaqonkqubo igxile ekubuyiselweni kwemeko yesiqhelo kwanasekusebenzeni kwala maziko. Ukwamisela nokuthungelaniswa kwemisebenziz yeQonga leeNgcebiso kuZwelonke kuLawulo lweeNtlekele ngenjongo yokunika isikhundla iQonga likaZwelonke lokuNcintshiswa koMngcipheko weeNtlekele kuMzantsi Afrika.

IEmployment Equity Act, ka1998 (uMthetho 55 ka1998) njengoko uhlonyelwe

Lo Mthetho uqulethe isikhokelo sezomthetho sokupheliswa nya kokuxhaxhazwa ngokungenalusini emisebenzini yaye umisela iinkqubo kunye nemigaqo ekufuneka imiselwe yiBhodi ukuze ibe nokuzuza abasebenzi abaphuma kwiinkalo ezahlukeneyo nabawaziyo umsebenzi wabo nabamele ngokubanzi abemi beNtshona Koloni ngokwahlukana kwabo.

IFinancial Intelligence Centre Act, ka2001 (uMthetho 38 ka2001), njengoko uhlonyelwe ("iFIC Act")

IFIC Act yamisela iZiko loLwazi ngeMali ndawonye neBhunga leeNgcebiso ngokuHlanjwa kweMali emdaka ukuze kube nokulwiswana nomkhuba wokuhlanjwa kwemali emdaka kwanokuxhaswa ngemali kweentshukumo zabanqolobi kunye nezayamene nazo. Ngokwemigaqo yokuhlonyelwa kwalo mthetho, iBhodi, ikunye neBhodi yoNgcakazo kwiPhondo, ayiseloqumrhu libeka iliso, noxa ke abanini beelayisenisi zale Bhodi bengamaqumrhu ekusafuneka epnhendulile nje.

I-Intergovernmental Relations Framework Act, ka2005 (uMthetho 13 ka2005)

Lo Mthetho umisela isikhokelo sokuba urhulumente wesizwe, abamaphondo kunye nabamakhaya baphakanise ze babe liliso kubbudlelane obuphakathi koorhulumente ukue kube nokumiselwa amacebo kunye neenkqubo zokuba liliso ekusonjululweni kweemeko zongquzulwano Phakathi koorhulumente kwanokuze kunikwe ingqwalasela imiba eyayamene nale.

ILabour Relations Act, ka1995 (uMthetho 66 ka1995) njengoko uhlonyelwe ("iLRA")

ILRA imisela ze inikezele isikhokelo kwiBhodi, njengomeshi, ukuze yenze abe ngaphilayo amalungelo, imisebenzi, kunye nezimo ezamiselwa ngokwemigaqo yala Mthetho ze ekwenzeni oko iqinisekise ukusebenzisana kwabasebenzi kunye nokukhululwa kwendawo yokusebenzela ibe yeyentando yabasebenzi.

INational Gambling Act, ka2004 (uMthetho 7 ka2004) neMimiselo

Lo Mthetho udandalazisa izakhono zeBhodi kazwelonke nezamaphondo kwinkalo yolawulo longcakazo nemidyarho kuMzantsi Afrika. Lo Mthetho, ukunye neWestern Cape Gambling and Racing Act, ka1996 ndawonye neMimiselo ekwathungelanayo eyawiswa phantsi kwayo, iqulethe isiigunyaziso semithetho sale Bhodi. Lo Mthetho ukwamisela neenkqubo kwakunyen emigangatho efanayo winkalo yongakazo kunye nemidyarho kwiRiphabliki ngokubanzi.

IOccupational Health and Safety Act, ka1993 (uMthetho 85 ka1993) njengoko uhlonyelwe

Lo Mthetho umisela impilo nokhuseleko lwabantu emisebenzini ekusetyenzisweni kweeplanti imitshini, ukukhusewa kwabantu kwiingozi zempilo nezukhuseleko ezinokususela okanye ezinokuba ngenxa yendawo yokusebenzela, kwanokunika ingqwalasela kwimiba eyayamene nale.

IPreferential Procurement Policy Framework Act, ka2000 (uMthetho 5 ka2000) neMimiselo

Lo Mthetho uqulethe isikhokelo apho iBhodi kufuneka iphakamise ukusebenza umbono okuMgaqosiseko wokumiselwa komgaqonkqubo wokwenziwa kweentengo ngendlela ekhethayo kwakunye nenkqubo engakhethe bani, esekelwe kumalkulinganwe, evulelekileyo neyongsyo.

IPromotion of Access to Information Act, ka2000 (uMthetho 2 ka2000) ("iPAIA")

IPAIA inyanzelisa inkqubo yomthetho apho izicelo okanye ukucela ukufikelela kwiinkcukacha kunikwa ingqwalasela ze kusetyenzwe kuko yaye uphumeza ilungelo lomgaqosiseko wokufikelela kwiinkcukacha. Usebenza kumaqumrhu abucala nakarhulumente.

IPromotion of Administrative Justice Act, ka2000 (uMthetho 3 ka2000) ("iPAJA")

IPAJA yawiswa ngokususela kwicandelo 33 loMgaqosiseko woMzantsi Afrika, wokuphunyezwa kwelungelo lokuthatyathwa kweentshukumo zebango ezisemthethweni, ezisekelwe kwiingcamango nezingenamakhwiniba ngokweenkqubo kwakunye nelungelo lokufak isicelo sezizathu ezibhawe phantsi ngaloo ntshukumo yebango ithe yathatyathwa. Njengequmrhu likarhulumente, iBhodi kunyanzelekile ukuba iphumeze imigaqo yeentshukumo ezingenamkhethe njengoko kumuselwe kulo Mthetho.

IProtection of Personal Information Act, ka2013 (Act 4 of 2013) ("iPOPI") njengoko uhlonyelwe

Iinjongo zePOPI, Phakathi kwezinye, kukukhuselwa kweenkccukacha zomntu ezisetyenzise ngamaqumrhu aseburhulumenteni nawabucala; kukuza nemiqathango ethile yokumisela izidingo ezingundoqo zokusetyenziswa kweenkcukacha zomntu kwanokumisela ukusekwa koMmiseli weeNkcukacha ukuze kube nokufezekiswa amagunya athile kwanokuze kwnziwe imisebenzi kunye nentsebenzo ngokwemigaqo yalo Mthetho. Imimiselo ethi yePOPI iqale ukusebenza ngomhla we11 kwekaTshazimpuzi ka2014. Icandelo 2 nelama38; elama55 ukuya kwelama109; ele111; kunye nele114(1), (2) wakunye nele(3) aqale ukusebenza ngomhla wokuqala kweyeKhal ka2020, ze amacandelo 110, nele114(4) wona aqalisa ukusebenza ngomhla wama30 kweyeSilimela ka2021. Ifuthe loku kukuba onke amaqumrhu kwafuneka abe sele eyithoela iPOPIA ngomhla wokuqala kweyeKhala ka2021.

IPublic Finance Management, ka1999 (uMthetho 1 of 1999) ("iPFMA") njengoko uhlonyelwe

IBhodi liQumrhu likRhulumente wePhondo likaShedyuli 3C yaye nalo libotshelelwe yimimiselo yolawulo lwemali nezabelo yalo Mthetho. Eyona njongo yePFMA kukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iiasethi kunye namatyala amaqumrhu namasebe karhulumente alawulwa ngendlela eyiyo nesebenzayo. IPFMA imisela ukunakanwa koxanduva lwabantu abathwaliswe umsebenzoz wolawulo lwemali eburhulumenteni kwanokuze kunikwe ingqwalasela imiba eyayamene naleyo.

ISkills Development Act, ka1998 (uMthetho 97 ka1998)

Lo Mthetho umisela ukusekwa kwesikhokelo sequmrhu sokuze kuqulunqwe ze kumiselwe izicwangcisoqhinga zikazwelonke, ezecandelo, kunye nezendawo yokusebenzela ngenjongo yokuqulunqwa nokuphuculwa kwezakhono zabasebenzi boMzantsi Afrika; ukuhlanganiswa kwezo zicwangcisoqhinga kwiSikhokelo seZidanga sikaZweonke esikhankanywe kwiSouth African Qualification Authority Act, ka1995; ukumisela iinkqubo zoqeqesho lwabasaqalayo ezikhokeela kwizidanga ezinakanwayo zokusebenza; ukumisel ukuxhaswa ngemali kophuhliso lwezakhono ngokuthi kumiselwe iskimu senkxasomali yeentlawuo kwakunye neNgxowamali yeZakhono kaZwelonke; kukumisea kwanokuba liliso iinkonzo zengqesho; kwanokunika ingqwalasela kwimiba eyayamene nale.

ISkills Development Levy Act, ka1999 (Act 9 ka1999)

Lo Mthetho umisela ukunyanzeliswa kwerhafu yophuhliso lwezakhono kwanokunikezelwa kwengqwalasela kwimiba eyayamene nalo.

IConstitution of the Republic of South Africa (uMthetho 108 ka1996)

Lo ke ngowona mthetho mKhulu kweli lizwe yaye udandalazisa, phakathi kwezinye, inkqubo yolawulo yoMzantsi Afrika, indima kunye noxanduva lwamabakala ohlukeneyo karhulumente, amalungelo angundoqo abo bonke abemi, futhi ke udala uthotho lwamaqumrhu omgaqosiseko.

IWestern Cape Gambling and Racing Act, ka1996 (uMthetho 4 ka1996) njengoko uhlonyelwe neMimiselo

Lo ngowona mthetho ungundodoq kulawulo lwemisebenzi namagunya omiselo ale Bhodi. Udandalazisa, phakathi kwezinye, ukusekwa kwemisebenzi yale Bhodi, uhlobo lweelayisenisi egunyaziswe ukuba iziqwalasele ndawonye nemithombo yemali yale Bhodi. Ukwamiselaa nokunyazeliswa kweerhafu zemithetho kwakunye neentlawulo ezimele ukwenziwa ngabanini beelayisenisi, ndawonye nezohlwayo zamabango kwiimeko zokungathobeli.

7.3 Isigunyaziso ngokwemigaqonkqubo

IMimiselo yoMgaqonkqubo woNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni, ka1999

IMimiselo yeMigaqonkqubo eyawiswa liBhunga loLawulo imisela iingqwalasela zemigaqonkqubo ekunikezelweni kweentlobo ezahlukeneyo zeekhathegori zeelayisenisi, amakhabathiso ezicelo ezimele ukuqwalaselwa, ndawonye nemigaqo esisinyanzeliso yeelayisenisi zabanini beekhasino. Ngomhla we2 kweyeKhala ka2021, iNkundla ePhakamileyo yamisela ukuba, igatya 1.1(b) leMimiselo yoMgaqonkqubo ka1999, eleza nokuba kwikhabathiso elilodwa lommandla kweekhasino ezintlanu ezikweli Phondo, njengelingekho lungelweni, elingenakunyanzeliswa nelingasebenziyo. INkundla yongeza ngelithi iGatya 1.1(c) no(d), amisela ixesha elilishumi leminyaka lokuba kwikhabathiso elilodwa nelichaphazela iilayisenisi zabaqhuba iikhasino, ziphelelwe ngenxa yokudlula kwexesha yaye alisasebenzi. INkundla yagqithisa ngelithi iBhodi inawo amagunya okuqwalasela izicelozokufuduka kwekhasino ngokwemigaqo yalo Mthetho.

8. UBUME BEQUMRHU SEZIKO ELI

Ngomhla wama31 kweyeKhala ka2025

Amalungu eBhodi

Mnu CA Bassuday (uSihlalo)

Nkosk. C Fani (uSekelaSihlalo)

Mnu. M Burton

Mnu. A Chetty

Nkosk. A Mvandaba

Mnu. R Nicholls

Nkosk L Venter

Mnu. P Abrahams UMphathi oyiNtloko

AbaLawuli abaPhezulu

Mnu. R Bennet (uHOD) weCandelo lokuQatshelwa kokuLandelwa kwemiThetho

UNkosk L Hartman (uMlawuli: weCandelo leeNkonzo zezoMthetho)

UMnu A Matthews (uHOD weCandelo lakwaICT)

Mnu. M Msolon (uHOD) weCandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi

Nkosk. Z Siwa (uHOD weADFIN/ CFO)

Nkosk. S Sixubane (uMlawuli iHR)

IINKCUKACHA EZIPHANGALELEYO

linowuthi

ISIGABA B:

IiNkcukacha ezingeNtsebenzo

1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EBEZIMISELWE KWANTLANDLOLO

UMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika wenza iinkqubo ezinyanzelekileyo kwiinkcukacha ezingentsebenzo ngenjongo yokunikezela ingqinisekiso ekholelekayo ngokwesigqibo sophicothozincwadi. Isigqibo esi sophicothozincwadi kwezi nkcukacha zingentsebenzo ngokuthelekiswa neenjongo ebezimiselwe kwantlandlolo siyabandakanywa kwingxelo eya kubaphathi. Iziphumo ngeenjongo ebezimiselwe kwantlandlolo zona kunikezelwa ingxelo ngazo phantsi kwecandelo elisihloko sithi "iNgxelo engengxelo yentsebenzo yonyaka" yengxelo yoMphicothizincwadi.

Yiya kwikhasi 88 lale Ngxelo ukuze ufikelele kwiNgxelo yoMphicothizincwadi Jikelele, epapashwe kwiSigaba F: iiNkcukacha ezingeNtsebenzo.

2. UBUME NGOKWENTSEBENZO

2.1 IMEKO YOKUHANJISWA KWEENKONZO

2.1.1 ULAWULO LWEBHODI

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWCGRB) liqumrhu elisemthethweni elisekwe ngokomthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act. Mabini amanqanaba okuqwalasela imicimbi yeBhodi. Kwinqanaba likazwelonke, iNGB iqhuba uphononongo lokuqwalasela, ze kwinqanaba lephondo iBhodi inike ingxelo kwiOfisi kaNondyebo wePhondo kunye noMphathiswa wezeMali eNtshona Koloni. Iikomiti zokuBekwa eSweni yiPalamente yePhondo yiKomiti esisiGxina yezeMali, kunye neKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente.

I-WCGRB liqumrhu likarhulumente wephondo eliphantsi kweShedyuli 3C yePFMA nelinesithuba esikhethekileyo sokuba phantsi kweOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni njengesebe elijongene nayo. Oogunyaziwe bezongcakazo kula maphondo aseleyo asibhozo anika ingxelo kwiSebe loPhuhliso loQoqosho, nelinolona xanduva lwalo ikukuqhubela phambili uphuhliso loqoqosho ukwenzela ukuba kuzuze uluntu gabalala ze ngokwenjenjalo kudaleke amathuba ezoqoqosho.

2.1.2 STAKEHOLDERS

Njngequmrhu likarhulumente wephondo, iBhodi isebenzisana nothotho lwamahlakani. La mahlakani aquka iuRhulumnte weNtshona Koloni, uMphathiswa weMali kwiNtshona Koloni, iSebe leMali lePhondo leNtshona Koloni, abasebenzi beWCGRB, amashishini aneelayisenisi zokungcakaza nezokubheja, uluntu lweNtshona Koloni, amashishini, indalo engqongileyo kunye namajelo eendabaa.

UMphathiswa uDeidré Baartman watyunjwa njengoMphathiswa wePhondo ngomhla we13 kweyeSilimela ka2024.

Umgaqonkqubo wamahlakani weWCGRB udandalazisa amalinge kunye neenkqubo ezixhasa intsebenziswano eyakhayo namahlakani.

IBhodi yoNgcakazo kuZwelonke (iNGB) yenza imisebenzi yovavanyo looKhala bamaPhondo kwezoNgcakazo (iiPLA) kwinkalo yemiba yomiselo njengoko kudandalazisiwe kwiCandelo 33, xa lifundwa neCandelo 34, leNational Gambling Act. Ngapha koko, ngokwemigaqo yokwabelana ngeenkcukacha, iBhodi kulindeleke ukuba ingenise iinkcukacha eziphathelele kwimiba edandalaziswe kwiCandelo 35 lalo Mthetho kwiNGB.

Abanini beelayisenisi banikwa ithuba lokuzimasa imihlangano yeeKomiti ze, kwiimeko ezithile, nemihlangano yabuphuthuphuthu yeBhodi ukuze banikezele iingxelo ngamacandelo abakuwo ongcakazo. Uluntu lukwamkelekile ukuba luyizimase imihlangano evulelekileyo yeBhodi ze lubuze nemibuzo okanye luvakalise iinkxalabo.

Amanye amahlakani angundoqo aquka iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke, ezinye iiBhodi zamaPhondo zoNgcakazo, iSebe leMali likaZwelonke, iSebe loRhwebo, iCandelo noKhuphiswano, ookhala boorhuumente bamakhaya (koomaspala), ndawonye neearhente zonyanzeliso lothetho.

IBhodi ikwasebenzisana kakhulu neQumrhu loMzantsi Afrika elijongene nokNgcakaza ngoNonophelo (iSARGF) (iNgxowa yokuNgcakaza ngeNkathalo yaseMzantsi Afrika) ngokwamaphulo oqeqesho, ungenelelo lokunyangwa kokungcakaza okuyingxaki, amaphulo ophando eSARGF, ungcakazo oluyingxaki kunye neenkcukachamanani ezinxulumene neenkqubo zokuzikhwebula kungcakazo.

2.1.3 IMEKO YOQOQOSHO

Uqoqosho loMzantsi Afrika luthe lwaba sisidodo valwa umlomo kwisithuba seshumi leminyaka edlulileyo, apho iGDP yenyuke ngomyinge we0.7% kwisithuba seshumi leminyaka. Uthotho lwezithintelo zesimo kwinkalo yeentengo kuqoqosho, ezifana nolubaziseko kwiziseko zophuhliso, imeko yoshishino eyekeyeke, kwakunye nomyinge weemveliso ophantsi zithe zaba ngumqobo kuhlumo loqoqosho. Ukungoneli kokunikeezelwa kombane nako kuthe kwaba nezithintelo kuhlumo loMzantsi Afrika isithuba sohotho lweminyaka. Ukucima kombane obekuqhubekeka (unkinkisho lombane) lwaqala ngo2007 ze waqatsela ngo2022-2023. Ngelixa zikhe zakho iimeko ezingephi zokucima zibekho ku2025, kuye kwaphucuka kakhulu noko ukuxhomekekeka kwakunye nokufikeleleka ukususela ekuzeni kokuphela kweyoKwindla ka2024. Iimpucuko ekunikezelweni kombane zithatyathwe njengezisusela kulawulo olungcono lwequmrhu lombane uEskom ndawonye nenkxaso esuka kwiiofisi zopolitiko eziphezulu kaMongameli kunye neyoMphathiswa woMbane . Ukuvulwa kwemakethi yombane kumashishini ombane abucala kukhuthaze nangakumbi utyalomali kweli candelo.

Uhlumo oluyekeyeke ngokwesimo kwakunye nohubhane iCOVID-19 ziyenze yaba nobuzaza nangakumbi imingeni yoqoqosho loluntu. IGDP yoMantsi Afrika iye yabuyela emandleni kumanqanaba ayo angexesha eingaphambi kwalo bhubhane, kodwa ke Amandla oku kubuya aphinde axinwa luthotho lwezithintelo ebezikho kakade. Ukubuya kweesimo ngokwenggesho kuqhubile ngo2024 (kuthe kongezeleka izithuba zemisebenzi ezingama355,000 oko kwakhokelela kwinqanaba elingentla lengqesho kunangaphambi kwalo bhubhane) kodwa ke sona isantya sokudalwa kwamathuba emisebenzi asikwazanga ukwenyuka njengamanani enyukayo abantu abafuna ingqesho, oko kwakhokelela kwinani elandayo labantu abangaphangeliyo. Zinga lentswelangesho belimi kumyinge owenyukleyo ongama31.9% kuQ4-2024, apho amanina nolutsha ebechaphazeleka nangakumbi. Ukungalingani kuseyeyona ntp iphezulu kwihlabathi, yaye ke intlupheko ibithelekelelwa kumyinge wama63% ngo2023, ngokusekelwe kumgca wentlupheko welizwe elinengeniso esembindini ophezulu Kule meko, iNkxasomali yeSiqabu kuLuntu yeCOVID-19, eyafika ngenyanga kaCanzibe ka2020, yandiswa ngomnye unyaka sde kube yeyoKwindla ka2026, nesabelomali esingamaR259.3 ezigidigidi. Ezi zidingo zikhulayo zoluntu zenkxaso karhulumente zingabeka uzuzo lweemali zikarhulumente emngciphekweni ukuba ziyaqhuba.

Imingeni yesimo kwakunye nohlumo oluyekeyeke ziyisingele phantsi inkqubela yokuncitshiswa kwentlupheko, eyenziwe, yaba nobuzaza nangakumbi ngubhubhane iCOVID-19. Ukuzuzeka kwenkqubela kwimpilontle yamakhaya kuphazamiseke kakhulu ngenxa yokukhula kwentswelangqesho, efikelele kuma31.9% kwikota yesine ka2024, phezu kwamazinga abephezulu kakade kabhubhane. Izinga lentswelangqesho liphezulu kakhulu Phakathi kolutshsa oluphakathi kwe15 nama24 eminyaka obudala, kumyinge ongama59.6%.

Eminye imingeni yesimo nayo ithe yenyuka, kuquka nothutho kunye nemicimbi ehamba nalo, ethe yaba nobuzaza ngena yolawulo oluyekeyeke lwenkampani karhulumente uTransnet, ubusela, kwakunye nokonakaliswa, okuminxa isakhono sokuthengisa kumanye amazwe koMzantsi Afrika.

UMzantsi Afrika uselolwa qoqosho lunsenawona mazinga okungalingani asaxhathisileyo ehlabathini, apho inkcitho yezidlo kumyinge weenkcukachamanani zeGini beziku0.67 ngo2018. Ukungalingani okuphezulu kubangelwa nangakumbi yimbali yokukhuphela bucala kwakunye nohlobo lokuhluma koqoqosho, olungekho ngecala labahlelelekileyo nolungezi nezithuba zengqesgo ezaneleyo. Ukungalingani kubutyebi kwenyuke nangakumbi, yaye ukungenelela kwakho kwizizukulwana ngezizukulwana kuphantsi, nto leyo ithetha ukuba ukungalingani kuhamba ukususela kwisizukulwana ukuya kwesinye ngaphandle kwenguqu enefuthe ngokuhamba kwamaxesha.[1]

Noxa kugquba iimekeo zokuhleleleka nje eMzantsi Afrika, icandelo longcakazo lona liye lakhula ngokumandla ngokwengeniso yongcakaziyonke kunyakamali u2024.

Ngokweenkcukachamanani zeBhodi yoNgcakazo kuZwelonke kunyakamali u2023/24:

- Icandelo longcakazo likhule ngomyinge ongama25.7% phakathi konyakamali u2022/23 nonyakamali u2023/24, kodwa ke olu hlumo belungazinzanga Phakathi kweentlobo zongcakazo. Kungoku nje uhlumo luqhutywa ngokugqibeleleyo kukubheja kwezemidlalo kunye nezinye iintlobo.
- Ngaphandle kwamanani alo ohlumo aphezulu, inkalo yokubheka nayo iye yakhula kwisabelo semakethe ukuze yenze umyinge ongama60.5% wengeniso yongcakazo iyonke (iGGR). Iikhasino zona ziye zancipha ukuya kutsho kuma29.3%, ngelixa iiPM zibeyinxalenye ye7.0% kunye nebingo 3.2% yeGGR. Ukwenziwa kwecandelo longcakazo luguquke ngonyakamali u2020/21 ngexa iikhasino beziseyela yaye iqhubile nokubonakala ikhula le nkalo yokubheja.

[1] World Bank. (2025, April 11). South Africa: Overview. World Bank Group.

- Ingeniso yongcakazo iyonke (iGGR) ethe yafumaneka kwicandelo longcakazo kunyakamali u2023/24 ifikelele kuma59.3 ezigidigidi. Oku ke kumele ama25.9% ohlumo ukususela kwiGGR yonyaka ongaphambili ebingamaR47.1 ezigidigidi.
- INtshona Koloni iyedlule iGauteng njengeyona makethe inkulu kungcakazo, apho iNtshona Koloni imi kuma31.7% ngokwesabelo semakethe ekupheleni konyakamali u2023/24. IGauteng (kuma22.1%) neMpumalanga (kuma21.9%) ziphantse zakwindawo enye ngokwezabelo zemakethe.
- Uhlumo lweGGR beluphezulu eNtshona Koloni naseMpumalanga kumyinge ongama53.6% nongama49.3% ngokulandelelana.
- Uhlalutyo lweGGR nngokohlobo longcakazo lubonakalise ukuba luze nama60.5% eGGR yecandelo ngamaR35.9 ezigidigidi. Iikhasino zize neGGR efikelele kwiR17.4 ezigidigidi (29.3%). Icandelo leLPM likwinqanaba lesithathu ngokobukhulu (7.0%), lize neR4.1 yezigidigidi kunyakamali u2023/24. Icandelo lebingo lize ne3.2% sengeniso emi kwiR1.9 yezigidigidi.
- Uhlumo lweGGR Phakathi kweentlobo zongcakazo lubonakalise uhlumo olungazinzanga apho ukubheja bekukhokele kolu hlumo. Ukubheja kwenyuke ngama51.2% xa kuthelekiswa nonyaka ongaphambili. Icandelo leekhasino lubone uhlumo olungephi (0.1%), ngelixa iGGR eze neLPM yona yehle nge1.9%. Icandelo lebingo lizibonele likhula kancinci nge2.4%.
- Iirhafu/iintlawulo zifikelele kwiR4.8 sezigidigidi kunyakamali u2023/24, elilu19.2% ngaphezulu kunexabiso lonyaka ongaphambili. Ukubheja kuze nesona sixa sikhulu seerhafu/seentlawuo esimi kuma49.9%, kulandelwa ziikhasino (36.5%), iiLPM (10.2%) kunye nebingo (3.4%).
- INtshona Kololni (30.7%) yiyo ebanda eyona nxalenye yeerhafu/yeentlawulo ezifumaneke kumaphondo ngokubanzi, apho iGauteng (23.8%) kunye neMpumalanga (17.8%) nazo zenze izabelo ezivisayo.

Ushishino longcakazo kwiNtshona Koloni lungenise ingeniso yemali efumaneke ngokungawini kwabangcakazi exabisa iR18.8 yeebhiliyoni kunyakamali u2024. Oku kumele i31.7% yengeniso yemali efumaneke ngokungawini kwabangcakazi epheleleyo eyenziwe eMzantsi Afrika kunyakamali u2024.

Kulo nyakamali uphela ngowama31 Matshi 2025, iBhodi iqokelele iirhafu neentlawulo zongcakazo ezifikelela kwixabiso leR1.7 bhiliyoni, nto leyo ibonisa ukunyuka nge16% ukususela kunyaka wangaphambili. Jonga kule theyibhile ingezantsi malunga nothelekiso lwanyaka nanyaka.

Iirhafu neentlawulo eziqokelelweyo	31 kweyoKwindla ka2025	31 kweyoKwindla ka2024
IiRhafu zePhondo	1 743 796 551	1 500 271 079
IiNtlawulo zeeLayisenisi zoNyaka	4 306 377	4 001 958
Inzala, iifayini kunye nezohlwayo	100 123	198 725
Eqokelelekileyo iyonke	**1 748 203 051**	**1 504 471 762**

Iirhafu eziqokelelekileyo kwinkalo yeMdyarho yamaHashe kunye nokuBheja kumele ama70% eerhafu zephondo, uninzi kuzo olususela of provincial taxes, the majority of which is contributed by betting on sports.

2.1.4 BROAD-BASED BLACK ECONOMIC EMPOWERMENT

Uxanduva lweBhodi kukulawula ushishino longcakazo ngokukhupha iilayisenisi zabantu namaqumrhu afanelekileyo ukuba akwazi ukuqhuba ungcakazo nemidyarho kweli phondo kwanokuqinisekisa ngokuba olu shishino luyayilandela imithetho yongcakazo kazwelonke neyephondo. Ngokusebenzisa inkqubo yokukhutshwa kweelayisenisi, iBhodi ilandela inguqu kwezoqoqosho noxhotyiso olunatyisiweyo, zinto ezo ziyimiba ephambili kurhulumente kazwelonke nowephondo.

Njengommiseli kunye nokhala weelayisenisi, inyanzelwa ngumthetho ukuba inyanzelise imimiselo yeB-BBEE kolu shishino ilulawulayo ze ibeke amakhabathiso okufaneleka kwabo badinga iilayisenisi kunye neminye imiba edinga ukuvunywa ICandelo 10 leBroad-based Black Economic Empowerment Act 53 ka2023, njengoko uhlonyelwe (uMthetho weB-BBEE) iBhodi inamagunya okumisela amakhabathiso okufaneleka ukunikwa iilayisenisi kunye neminye imiba edinga ukuphunyezwa. Ibeka iliso kumalinge eB-BBEE abanini beelayisenisi, iinzuzo kunye namanqanaba okuyithobela.

Iikomiti zamacandelo zeBhodi zisebenza njengeekomiti zokuphonononga nokucebisa iBhodi yaye zibeka esweni amacandelo ahlukileyo olu shishino ukuba ayayilandela na imiqathango yeelayisenisi ekhutshwe yiBhodi. Ngaphezulu, iWCGRB ibeka amanqanaba eethagethi zeB-BBEE zabanini beelayisenisi zokushishina kumacandelo ohlukeneyo olu shishino longcakazo. Iinzuzo zabanini beelayisenisi zeB-BBEE zihlalutywa rhoqo ngonyaka, ze kumiselwe imiqathango eyahlukileyo apho kuyimfuneko, kunezizathu

yaye kunokuthetheleleka. Oku kuqinisekisa ukuxhobiseka kangangoko, iinguqu nokuphakamiseka kwamaqela ekulindeleke ukuba azuze kumalinge karhulumente okumisela iinguqu.

Abanini beelayisenisi abangabekelwanga bucala ekusebenziseni imiGaqo yeB-BBEE kufuneka baphononongwe rhoqo ngonyaka bephononongwa iarhente yojongozinga leB-BBEE ebhalisiweyo baze bangenise ezo zatifiketi zojongozinga kwiBhodi. Apho iithagethi okanye imiqathango yabaninilayisenisi zeB-BBEE zingafezekiswanga, loo mninilayisenisi kufuneka angenise iinkcukacha ezichacisa oko kungafezekiswa, yaye kufuneka ziquke neendlela eziza kusetyenziswa ukufezekisa elo zinga okanye loo thagethi ifunekayo.

Ukongeza kwiinjongo zeB-BBEE ezimalunga nenguqu, abaninilayisenisi benze izibophelelo ngezibophelelo zeebhidi ezibhekiselele kuTyalomali kuPhuhliso lweNtlalo kwimimandla eyahlukile nolukwalungiselelwe izenzo ngezenzo ezinxulumene naloo layisenisi ikhutshiweyo. Ezi zibophelelo zifakwe kwimiqathango yeelayisenisi yaye ziphicothwa rhoqo ngonyaka ukwenzela ukujonga ukuba ziyayilandela na imigaqo njengenxalenye yenkqubo yokuhlaziywa kweelayisenisi zeBhodi. Abaqhubi boshishino longcakazo abaneelayisenisi, abaqhubimashishini eekhasino kunye nababhejisi abaqaqajisela iinombolo baneeprojekthi zooTyalomali kuPhuhliso lweNtlalo ezinezicwangciso neenjongo ezilinganisekayo. La maqumrhu akwaqhuba kakuhle ngokubhekiselele kwisatiketi senqanaba leB-BBEE esikhutshwa ziiarhente zoqinisekiso ezibhalisiweyo.

Kwinqanaba likazwelonke, iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke yoMzantsi Afrika iqwalasela ize ipapashe idatha malunga nobume benguqu nokukhula koshishino longcakazo jikelele. Idatha idiza ukuba kuzwelonke nakwiPhondo leNtshona Koloni, umdla wezemali nobuninizabelo kolu shishino ugxile kumaqela athile aphambili ambalwa anomdla kuwo onke amacandelo oshishino longcakazo. Oku kukhokelela kulawulo oluphantsi kukandlunkulu kunye nokumiselwa kwemigaqonkqubo ngokufanayo kuwo onke amacandelo oshishino longcakazo, ingakumbi kwinkalo yeeKhasino naBasebenzisi beMizila, ngelixa ukuthatyathwa kwenxaxheba kuqoqosho ngokubanzi kubonakala kakhulu kwiziza zeMitshini yeeNtlawulo eZingephi (iLPM) kunye nakwicandelo labalawuli bemitshini.

Njengoko kusiya kuphunyezwa iintlobo ezinsha zongcakazo, iBhodi izinikele ekudaleni imeko evumayo nephakamisa ukuxhotyiswa kwamashishini amatsha ze yandise inkalo yokuxhobisa ngokuxananazileyo.

endaweni yeendlela ezisetyenziswa kwimimandla. Oku kusebenza kwabanomdla okuba ngabaqhubi boshishino longcakazo abaneelayisenisi, nokuthathwa kwenxaxheba kuqoqosho okuphangaleleyo kwiziza zeeLPM kunye noshishino lokuba ngumbhejisi oqaqajisela iinombolo. Ekukhutshelweni iilayisenisi kwezinye iimo zokungcakaza emva kokuvunywa, iBhodi iza kudala imeko evumela ukusebenza nenika umfutho wokuxhotyiswa kwabo basafikayo kolu shishino kwanokunika iimo ezintsha zokuxhotyiswa okunatyisiweyo.

INkundla ePhakamileyo yeziBheno idandalazise inkqubo emabakala mane emayilandelwe yiBhodi xa ihlalutya ukuzinikezela kwabanini beelayisenisi kwimigaqo yeB-BBEE rhoqo ngonyaka. Ngothungelwano nesikhokelo seNkundla, iBhodi iqukumbele umgaqonkqubo omtsha weB-BBEE kunyakamali u2023/24, emva kokubonisana neli candelo loshishino. Umgaqonkqubo lo udandalazisa iinjongo zeB-BBEE zeWCGRB ngeshishini lokungcakazo nelemidyarho kwiNtshona Koloni yaye ucacisa neenkqubo ekufuneka zilandelwe rhoqo ngekota nangonyaka. Oku ke kuqinisekisa ukuba ukumiselwa kweB-BBEE kuthotyelwa ngokusemthethweni, nangokuthi kusetyenziswe iinkqubo kunye nomongo ongenamkhethe.

2.1.5 EXPANSION OF GAMBLING INDUSTRY

IBhodi yeWCGRB igunyaziswe ukuba iphumeze iintlobo zongcakao ezimiselwe ngokomthetho kuphela ezinokunikezelwa ngamashishini ongcakazo aneelayisenisi. Ukuza kuthi ga ngoku, iBhodi sele iphumee iilayisenisi eekhasino, ilayisenisi yetoti, uHlobo A lweleayisenisi zeLPM kwakunye neelayisenisi zabaqhuba imitshini. Ezinye iintlobo zongcakazo ezingekuvulelwa yiBhodi ziquka iilayisenisi zebingo, ndawonye neelayisenisi zoHlobo lukaB, uC, kunye noD kwiLPM kwakunye neelayisenisi zejankethi.

Ukwandiswa kweshishini longcakazo kwiNtshona Koloni kungathi ekuhambeni kwamaxesha kubandakanye ukufakwa kweentlobo zeelayisenisi zeLPM ezisaseleyo, ibingo, ijankethi kwakunye nokwandiswa kwemidlalo yemitshini eqhutywayo.

Kungoku nje iBhodi inika iqwalasela isicelo sokufuduswa kwelayisenisi yekhasino. Le nkqubo ikumabakala ayo okugqibela, apho iBhodi isindululo seBhodi silindeleke kunyakamali u2025/26. Ngelixa ingezi naluhlobo lutsha longcakazo, imfuduko le kulindeleke ukuba livuselele ze landise iintshukumo zekhasino eziya kuluntu ngokubanzi.

Ukuza kuthi ga ngoku, iBhodi ikhuphe iilayisenisi eingama3 000 kwezo zingama9 000 zisasaziwe zeeLPMs ukuze zivulelwe apha ephondweni. Kusenokuphinda kuvulelwe ezinye iiLPM ezili1 500, futhi ke emva koko kulindeleke ukuba iBhodi yoNgcakazo kuZwelonke yenze uphando ngeentlobo zongcakazo eziphambili ndawonye nezo zidingekato kwimakethe kweli phondo ukuze olo phando lube nokusetyeniswa ekuvulelweni kweeLPM ezingama5 400 ezisaseleyo.

IBhodi izikhuphile iilayisenisi zeziza zoHlobo A zeLPM, ezivumela amashishini ukuba avule ukuya kufikelela kwisihlanu (5) seeLPM ezinokudlalwa ngabatyeleli kumashishini aneelayisenisi.

Iilayisenisi zeziza zoHlobo B zivumela iintshukumo ezongezeleleke de ziye kufika kuma20 eeLPM; uHlobo C lweeayisenisi, ezifikelela kuma40 eeLPM; kunye noHlobo D lweelayisenisi ezivumela ishishini lesiza esizimeleyo ukuba zinikezele ukuya kufikelela kuma40 eeLPM. La makhabathiso eziza zeLPM adinga iziphumezo ezongezelelweyo zomiselo aye zixhomekeke kwizidingo ezizodwa zotyalomali kunye nezentsebenzo.

Kungoku nje iBhodi imisela amalinge alindelekileyo omiselo ngenjongo yokunikezela isikhokelo sokuvulelwa kuHlobo B lweziza zeLPM. Zifumanekile izicelo zoHlobo B lweelayisenisi yaye ziya kunikwa ingqwalasela emva kokuqukunjelwa nokuphunyezwa kwesikhokelo somiselo.

IBhodi ikwazimisele ukuqulunqa nokuphumeza izikhokelo zomiselo lwebingo kunyakamali u2025/26. Ngaphezu kweenzuzo zoqoqosho kubanini beelayisenisi kwakunye neerhafu zongcakazo ezingenak kwiPhondo, ukwandiswa kwamathuba ongcakazo kukwadala amathuba engqesho yaye kuvulela nokungena kwabathabathinxaxheba abatsha kwishishini longcakazo. Ngapha koko, iinzuzo kuluntu ngokubanziz ezisusela kutyalomali lwamashishini kuluntu, uphuhliso lweziseko, uqeqesho lwabasebenzi, uqeqesho kwabasafuna ingqesho kunye namathuba amava okusebenza.

2.1.6 INDUSTRY DEVELOPMENTS

Sports betting

Ukususela ngo2020, abantu namashishini baye baguqukela kurhwebo olwenziwa ngeintanethi kwaza kwasetyenziswa iikhompyutha kuninzi lwamacandelo. Le nguqu ikhokelele ekukhuleni korhwebo olwenziwa kwi-intanethi, noluye lwazinzisa ukukhula okugqithisileyo kwizenzo zokubheja kwi-intanethi, kwiminxeba yesinqe nakweminye iminxeba. Abangcakazi bangabheja nokuba bakweyiphi na indawo bengadanga babe baquqa kwiindawo zokungcakaza okanye kwizakhiwo zokubheja.

Le nguqu ikhokelele ekwandeni kweerhafu eziqokelelekileyo eziphathelele ekubhejeni kwezemidlalo ngokwamaqonga ezobuchwepheshe. IBhodi sele iqwalasele ukwanda okumandla kwimidlalo yokubheka kwanakwimidlalo yeemveliso, kube kunikezelwa uthotho lwemidlalo yokubheja exananazileyo ekungoku nje zivulelwe ngamashishini aneelayisenisis zokuqhuba imidlalo ngemitshini.

Ukwanda kwemidlalo yokubhejakwezemidlalo kukhokelele ekwehleni kwabantu abadlala kwiziza zeLPM nezeekhasino. Ngenxa yoko ke, la macandelo athe azibhaqa esehlelwa yingenisi yaye ayasokola ukubuyela kwimeko yamanqanaba angaphambi kukabhubhane ngokwasemalini, kube oko kwalathis ukudodobala kula macandelo.

Imidyarho yamahashe

Imidyarho yamahashe, njengeqonga lokubheja, lehlile ngokwendumasi. IBhodi iqwalasele ukwehla okumandla kwingeniso yerhafu esusela kwimidlalo yokubheja kule ntshukumo kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo, kuquka itoti (imibhejo evulelekileyo) kwakunye nokubheka okuqingqiweyo.

Ishishini letoti kungoku nje liqwalasela amalinge amatsha anokuvuselela umdla kwimidyarho yamahashe ze kube nokubuyiselwa iziza zemidyarho yamahashe njengeendawo zokuzonwabisa ezinika umdla. Noxa kunjalo ke, kuya kunyanzeleka ukuba kwenziwe izihlomelo kwimithetho ukuze kube nokuvakaliswa ezi zindululo, futhi ke uphando lona lusaqhuba ngenjongo yokuxhasa le nkqubo.

Interactive/online gambling

Ukwanda korhwebo kwiIntanethi okwenzeka apha nakumazwe ngamazwe kuxhasa isiphakamiso sokuba kwenziwe kube semthethweni kuze kulawulwe ukungcakaza nabanye kwezobuchwepheshe. UMzantsi Afrika usaqhuba nokulandela imithetho evalela ukungcakaza nabanye kwezobuchwepheshe okanye ukungcakaza kwiIntanethi. Oko ke kuthetha ukuba akukho ndlela zimbi zisemthethweni ezilungiselele uluntu olunokuthabatha inxaxheba kungcakazo lwakumaonga ezobuchwepheshe nangekho mthethweni namashishini angenazilayisenisi nanganyanisekanga.

La mashishini angenazilayisenisi akahlawuli rhafu, akabotshelelwa ziimfuno zongcakazo olunenkathalo yaye akadali ngqesho iphathekayo. Amashishini aneelayisenisi ayanyanzeleka ukuba akhuphisane namashishini aqhuba ngokungekho mthethweni, yaye oku kwenza kube nzima kakhulu ukuwavala umphelo amashishini angekho mthethweni aqhuba kwiIntanethi. Urhulumente unoxanduva lokubamba avale abo baqhuba amashishini ongcakazo ngaphandle kweelayisenisi, yaye iWCGRB inawo amanyathelo abonakalayo ethe yawathatha kule nkalo.

Abaninizilayisenisi baye bahlolwe kwinkqubo yeelayyisenisi ngenjongo yokuqinisekisa ukuba icandelo longcakazo elisemthethweni lihlala lingenazintshukumo zarhwaphilizo kunye nezingekho mthethweni. Ekuxhaseni iinguqu kumiselo, iBhodi ingenise izindululozomgaqonkqubo kwinqanaba likazwelonke indulula ukuba inkqubo yongcakazo ngokwamaqonga obuchwepheshe afumane ukumiselwa.

Ngomhla we8 kweyeNkanga ka2024, kwapapashwa isaziso kwiGazethi kaRhulumente eyayisithi uMnu. Roger William Tobias Chance, owayeliilungu lePalamente, uzimisele ukuza neBhili ka2024 yoNgcakazo ngokwezoBuchwepheshe kwiNdlu yoWisomthetho. IBhili le ijolise ekumiseleni isikhokelo sezomthetho ekumiselweni, ekukhutshweni kweelayisenisi, kwakunye nokulawulwa kwazo zonke iintshukumo zongcakazo kwezobuchwepheshe kwanokuvulla ukudaleka kwesimo somiselo esisemgangathweni nesisebenzayo songcakazo ngokwezobuchwepheshe eMzantsi Afrika.

IiBhii zeZihlomelo ezisaYilwayo /iMimiselo yeMigaqonkqubo

URhulumente wePhondo uimisele ukwenza uhlalutyo olugqibeleleyo lwecandelo longcakazo kwiNtshona Koloni yaye ukwinkqubo yokuqulunqa uXwebhu loGayozimvo ngenjongo yokuxhasa uhlalutyo lomgaqonkqubo kwakunye nezihlomelo kumthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act, ka1996 (njengoko uhlonyelwe).

Kucingeleka ukuba uMmiselo woMgaqonkqubo okhoyo ngoku uya kususwa ngulo Mthetho Sihlomelo mtshs. UMthetho lo uya kuthi, Phakathi kwezinye iinguqu, uvulele ukufuduswa kweekhasino kwalapha eNtshona Koloni ze ukhuthazze uvuseelo lweteknoloji entsha kwicandelo longcakazo.

IBhili esaYilwayo yaMashumi aMabini yoMthetho Sihlomelo iDraft Western Cape Twentieth Gambling and Racing Amendment Bill, ka2025, yapapashwa ukuze uluntu lube nokuvakalisa izimvo ngomhla we6 kweyeSilimela ka2025. IBhili le ivakalisa ukuvulwa kweRhafu yeThuba loQoqosho, Emele ukuhlawulwa lishishini lekhasino ephunyezelwe isicelo sokufuduka.

Kulandela isigwebo seNkundla ePhakamileyo esamisela ukuba imimielo ethile yale Mimiselo yoMgaqonkqubo ibe yengaseebenziyo okanye ephelelwe lixesha, Isidingo sangaphambili sokuba ikhasino enye ibe imi komnye wemimandla emihlanu yeli phondo asisasebenzi. Ngoko ke, amashishini eekhasino kungoku nje analo ilungelo lokufaka isicelo sokufuduka kwiBhodi.

IBhodi ifumene isicelo sokufuduswa kwenye yeekhasino ebezikwiziphaluka zikaMaspala oMbaxa. IBhodi iyasiqwalasela esi sicelo, kuquka zonke izimvo, iimpikiso, kwakunye namaxwebhu axhasayo—afana neengxel ezahlukeneyo zoqoqosho ezithe zangeniswa nguMfakisicelo kunye nequmrhu elilelinye, ndawonye nengxelo yoqoqosho kaSoqoqosho oZimeleyo otyunjwe yiBhodi. Isigqibo sokugqibela ngesicelo sokufuduka kulindeleke ukuba senziwe kunyakamali u2025/26.

Amalinge oPhando

Ngokwemigaqo yeCandelo 12(19) lalo Mthetho, iBhodi igunyazisiwe ukuba yenze iintshukumo zophando kunye nophando ngeentshukumo zongcakazo kwiPhondo ngokubanzi.

Kwangokunjalo, iWCGRB ithume ukuba kwenziwe uphando ngokuxhaphaka kongcakazo kwakunye nezehlo zeengxaki eziphathelele kwiintshukumo ezivunyelwe ngeelayisenisi yiBhodi. Uphando olo luye lwaqwalasela ezi nkalo ziphambili zilandelayo:

1. Ifuthe longcakazo kuqoqosho loluntu kwiNtshona Koloni;
2. Inqanaba lokudodobala kwemakethe, ukuxhaphaka kongcakazo kwakunye nefuthe lamathuba ongcakazo aneelayisenisi;
3. Uvavanyo lwezixhobo zokuncitshiswa kwezibi kwakunye neenkqubo zolawulo lwemidlalo ezisetyenziswa ngabanini beelayisenisi; kwakunye
4. Nokusebenza kwezixhobo zokungcakaza ngobunono ekunciphiseni izibi.

njengommiseli, iBhodi kufuneka iqinisekise ukuba ukwanda kwamathuba ongcakazo kwenziwa ngendlela ethabathela uxanduva, kunqandwe ukudunyelwa okumandla kwesidingo sako. Iziphumo zophando ziya kunika ulwazi kwiBhodi ngeziggibo ayo zamaxesha asezayo malunga nokuphunyezwa

kweelayisenisi ezongezelelekileyo kunye nesicwangcisoqhinga sayo ekupheliseni ungcakazo olungekho mthethweni kwanokuphakamisa ungcakazo olwenziwa ngobunono.

Ingxelo yokugqibela yophando iphunyezwe yiBhodi ngomhla wama29 kweyeKhala ka2025.

Ungcakazo ngobunono

Ungcakazo oluneengxaki ngumngcipheko ongalindelekanga kodwa owaziwayo wongcakazo olusemthethweni. IBhodi isazinikele ekuphakamiseni ungcakazo ngononophelo yaye iyaqhuba nokumisela uthotho lwamalinge phantsi kwesikhokelo seKomiti yoNgcakazo ngoNonophelo.

Kunyakamali odlulileyo, kuye kwakgho ulwazi oluphangaleleyo Phakathi koluntu malunga neenzuzo zokungcakaza ngononophelo kwakunye neengozi ezayanyaniswa nokungcakazo okuyingxaki. Iziboneleloe ezifikelelekayo kubantu abadinga uncedo, yaye abanini beelayisenisi bayakhuthazwa ukuba bazibhaqe kwangethuba izalathisi zeendlela zokungcakaza ezifaka emingciphekweni.

Inkqubo yokuikhwebula sesinye isixhobo esithintela abantu ukuba bafikelele kumashishini ongcakazo olusemthethweni. Noko kunjalo ke, eyona njongo yeBhodi kukufundisa uluntu ngokubanzi kunye nabangcakazzi kangangokuba ukuzikhwebula kungabi nto inyanzelekileyo.

Ngokusekelwe ekwandeni kwezicelo zokuzikhwebula, kuyinto entel ke ngoko ukugqiba amalinge okusasaza ulwazi eBhodi aba nefuthe elighle. Knyakamali u2024/25, iBhodi iqwalasele izicelo ezingama452 zokuzikhwebul — umyinge omi kuma500% wokwanda xa kuthelekiswa nonyaka odlulileyo.

Izihlomelo kwiMigaqo ePhangaleleleyo yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni nephathelele kungcakazo ngononophelo kulindeleke ukuba ziqalise ukusebenza ngonyakamali u2025/26. Ei nguqu kulindeleleke ukuba zivuselele ngokumandla iinzame zeBhodi zokuphakamisa amalinge ongcakazo ngononophelo keli candelo.

2.1.7 IINKQUBO ZEBHODI ZOKUSASAZA ULWAZI

Intshayelelo ekwiWestern Cape Gambling and Racing Act inakana ukuba amathuba ongcakazo kwanawemidyarho aza nemingcipheko ethile kubemi beli Phondo, kube ke ngoko kubakho isizathu sokunyanzeliswa kwezithintelo nolawulo olufanelekileyo. Kwangolo hlobo, kubalulekile ukuba iBhodi ifundisw uluntu ngeengoziz zokungcakaza ze iqinisekise ukuba abanini beelayisenisi bamisela amalinge okungcaza ngobunono.

IBhodi iyaqhuba nokuvakalisa ulwazi ngenjongo kunye nesigunyaziso, iintlobo zongcakazo ezisemthethweni, ukungcakaza okuyingxaki, iinkonzo zenkxaso ezikhoyo kwabo bazibhaqa besebungozisi obususela kungcakazo, ndawonye nemingcipheko eyayanyaniswa nongcakazo olungekho mthethweni kwakunyen nokubaluleka kokuzixela ezo ntshukumo.

Kulo nyaka siwushukuxayo, iBhodi yenze iinkqubo ezine zokusasaza ulwazi, kuuka nezoz bezibanjwe ngentsebenziswano neNkqubo iThusong. Ngapha koko, iBhodi iye yabambisana neSARGF kwinkqubo ethabagte iveki yokwalula isandla kummanla weKapa elikuMazantsi. Ngethuba leli linge, zilishumi elinanye (11) izikolo ezithe zatyelelwa, ze kwanikezelwa nenkqubo esihloko sithi “Ukuthabatha iMingcipjeko ngeNgqiqo” kubafundi.

IBhodi isindleke iPhulo loKwazisa ngokuNgcakaza ngoNonophelo isenzela abafundi beBanga 10 ngoLwesine umhla wama27 kweyoKwindla ka2025. Omnye weyona misebenzi iphambili yeBhodi kukufundisa uluntu ngokungcakaza ngononophelo ndawonye nezibi zoluntu ezayanyaniswa nako. Oku ke kuquka ukuvakaliswa kolwazi Phakathi kolutsha ngeengoziz zokungcakaza uselula.

Ngeli linge, iBhodi isebenzisene neQonga loMzantsi Afrika kuNcakaza ngoNonophelo (iSARGF) kwakunye neHollywood Foundation.

Ngokwemigaqo yecandelo 71(2) yeWestern Cape Gambling and Racing Act (“uMthetho”), akukho mntu uphantsi kweshumi elinesibhozo leminyaka ubudala ungathi:

(a.) Angene nakuyiphi na indawo apho kungcakazwa khona;
(b.) Athabathe nxaxheba kuyo nayiphi na intshukumo yongcakazo, okanye ahathe okanye asebenzise umtshini wokungcakaza; okanye
(c.) Anyanzelise naliphi na ityala longcakazo, engayithabathelanga ngqalelo imimiselo yecandelo 79.

ICandelo 72(3) lalo Mthetho likwadiza ukuba: ***"Akukho mnini welayisenisi okanye mqeshwa womnini welayisenisi uya kuvumela namphi na umntu ongaphantsi kweshumi elinesibhozo leminyaka ubudala okanye ahlale kuyo nayiphi na indawoapho kungcakazelwa khona, okanye athabathe inxaxheba kuyo nayiphi na intshukumo yongcakazo, okanye aphathe okanye asebenzise isixhobo sokungcakaza. Akukho mzali okanye mntu umdala unonophele umntu ungaphantsi kwesumi elinesibhozo leminyaka ubudala ungathi avumele loo mntu ukuba angene okanye ahlale kuyo nayiphi na indawo apho kuqhutywa khona ungcakazo, okanye athabathe inxaxheba kuyo nayipgi na intshukumo yongcakazo, okanye aphathe okanye asebenzise isixhobo songcakazo."***

UMsitho woKwazisa ngoNgcakazo ngoNonopjelo ubuzinyaswe lishumi elinesithathu (13) lezikolo zephondo leNtshona Koloni. Le nkqubo ibigxile ekufundiseni abafundi ngeengozi zokungcakaza kwabaselula, ibafaka kumathuba amakhono akwicandelo longcakazo, kuze negqala leqakamba loMzantsi Afrika uVernon Philander, onikezele intetho ebihlasimlisa nebikhuthaza kubafundi ebalumkisa ukuba bazikhwebule kungcakazo ze baleqe amaphupha abo.

Umsitho lo wamkeleke kakhulu yaye ububanjwe kukho ootitshala babafundi kunye nabameli bezikolo. Okudale inkxalabo kwiBhodi linani labafundi abathe bona sele bengenile kwiintshukumo zongcakazo, kuquka nokubheka kwezemidlalo. Oku kubonakalisa ukuba kukho abantwana abaselula abasenokuba bayafikelela kumaqonga okungcakaza besebenzisa iinkcukacha zabantu abadala, nto leyo ixhalabisa kakhulu.

IWCGRB isazinikeleekufezekiseni isigunyazso sayo ngokuthi iphakamise ungcakazo ngononophelo kwanokukhusela abantu abasemngciphekweni – ingakumbi ulutsha. La malinge athatyathwa njengenene, apho amalinge asaqhubayo okwandisa ulwazi ngemingcipheko okungcakaza kwabaselula. IWCGRB izimisele ukusindleka imisitho ekwafana nale kumaxesha asezayo ngenjongo yokufundisa kwanokuxhobisa nangakumbi uluntu lokuhlala.

2.1.8 UKUPHELISWA KONGCAKAZO OLUNGEKHO MTHETHWENI

Kulo nyaka siwushukuxayo, zili104 izityholo zongcakazo olungekho mthethweni ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngao kwiBhodi.

Iinkcukacha ngezi zityholo zingolu hlobo lulandelayo:

- Zonke ezi zityholo zili104 zithe zaphandwa ngokugqibeleleyo kwisithuba sama30 eentsuku;
- ezingama80 kwezi zityholo ziqinisekiswe njengamashishini aqhuba iintshukumo zongcakazo ezingekho mthethweni; ze
- kwezingama24, akwabikho ngcakazo olungekho mthethweni luthe lwafunyaniswa.

IBhodi ivakalisa umbulelo wayo kwiSAPS, aiiarhente zonyanzeliso lomthetho kunye namaqonga esipolisa oluntu lokuhlala ngoncedo lwawo kulo nyaka siwushukuxayo. Ngaphandle kwenkxaso yawo, iBhodi ibingenakho ukulwisana ngempumelelo nongcakazo olungekho mthethweni kwiingingqi zokuhlala.

2.1.9 UTYALO MALI LWAMASHISHINI KULUNTU

IWCGRB isaxhomekeke kwinkxasomali yaseburhulumenteni ngokwemali ukuze ibe nokufezekisa isigunyaziso sayo esisusela emthethweni, njengoko ingakwazi kuzenzela eyayo imali. Nakuphi na ukonga kwisabelomali sayo esiphunyeziweyo kuye kunikezelwe kwiNgxowamali yePhondo leNtshona Koloni ngaphandle kokuba kuthe kwanikezelwa imvume yoko ukuze igcinelwe ukusetyenziselwa ukuxhasa amanye amaphulo amiselweyo. Ngenxa yoku kuxhomeekeka kwiimali zaseburhulumenteni, iWCGRB ayibi nakho ukwenza igalelo elibonakalayo kumalinge okutyala imali kuluntu (iCSI).

Noxa kunjalo ke, iWCGRB iye yasebenzisana no,nye umnini welayisenisi yayo njengenxalenye njengenxalenye yephulo "loKubuyela eSikolweni", yafaka igalelo eliyimali engamaR45 947.18 ekuthengeni izihlangu zesikolo kunye neencwadi zesikolo esingaphantsi kwesamabanga aphantsi kwakunye nequmrhu lempilontle yabantwana. Isisa esi samkelwe ngezandla ezishushu, apho abazali kunye nabahlohli bebevakalisa khona umbulelo ngezi zibonelelo bezidingeka kakhulu.

IWCGRB ikwabeka iliso kumagalel eCSI avela kubanini beelayisenisi, apho uninzi lufaka into ebonakalayo kwiingingqi zokuhlala abasebenza kuzo. Icandelo lekhasino neleLPM luzenze zaluqilima iinkqubo zazo zeCSI, ngelixa elabasebenzisi bemitshini kungoku nje lisenza igalelo ngokokubona kwalo. Amagalelo eCSI enziwe luqilima licandelo afikelele kwiR15 937 127 kulo nyaka siwushukuxayo, ngelixa amagalelo okuzithandela wona ehleli engalinganiseki.

2.1.10 UBUCHWEPHESHE NOLWAZI

Izenzo zotshintsho zeteknoloji, ngakumbi ngakwiICT, zithathwa njengezona zinto ziphambili ekuqhubeni utshintsho olujolise kwezeteknoloji, ezentlalo, ezoqeqesho nezenkcubeko. Izenzo zotshintsho zeICT zifuthele utshintsho olukhawulezayo zaza zawatsalisa nzima amaziko malunga nendlela anokujongana nayo nezenzo zoshishino zesiqhelo.

Imingeni ekhethekileyo ajamelene nayo amaziko kwihlabathi jikelele isafuna ukuphononongwa ngokutsha kweendlela ezilandelwayo ngokuthi kuthathelwe ingqalelo ezinye iindlela zokwenza ukuba ushishino luqhubeke. Ukuxhomekeka okumandla embaneni, iteknoloji yedijithali, inguqu nonethiwekhi zinefuthe kukomelela, ubuthathaka, amathuba nemingcipheko yamaziko. Njengokuba kunyuka ukwanda kokusetyenziswa kweintanethi, izixhobo eziqhagamshelweyo kunye nezinto eziqhagamshelene kwiIntanethi, uyakhula nomngcipheko wofikelelo olungagunyaziswanga kwiinkcukacha ezikwiIntanethi. Ngoko ke kuza kukhula ukufuneka kweemveliso zokhuseleko lweIT, iisoftwe, iinkonzo namava ziza kufuneka.

IsiGqeba esiLawulayo seBhodi khange sisinde kwezi ngxaki, kwaza kwafuneka ukuba sihlole ukukwazi kwaso ukuqhuba nokusebenza. I-WCGRB iqhubile nokomeleza amandla ayo enethiwekhi ukwenzela abasebenzi bayo abakwiindawo ngeendawo, ukunikwa kombane okuphucukileyo, iindlela zokulwela ukhuseleko lolwazi nolwendawo, yaxhobisa abasebenzi ngezixhobo eziyimfuneko ukuze bakwazi ukusebenzela ekhaya (iWFH), yaqinisekisa ngofikelelo kwiIntanethi olukhuselekileyo kusetyenziswa iinethiwekhi zabucala ukufikelela kwinethiwekhi yeWCGRB, isistim yokuvelisa, izixhobo zokusebenzisana kunye namaqonga edijithali. ImiGaqonkqubo yoKhuseleko nesiFungo sobuMfihlo seWCGRB, iNdlela yokuziPhatha eYamkelekileyo kunye neCandelo le17 nele19A eWCGRA adluliselwe kubo bonke abasebenzi ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ulwazi neenkcukacha zikhuselekile.

Ngaphandle kokuba abasebenzi beWCGRB benziwe bakwazi ukwenza imisebenzi besebenzisa iIntanethi, ukuqhuba iintlanganiso zeWCGRB ngokuqhagamshelana ngeevidiyo kwiIntanethi, ukukwazi ukuba kubambiswano kunye nonxibelelwano zizinto ezisaqhubayo ukwenza iimeko zomsebenzi osasaziweyo ukwazi ukwenzeka. Oku kuvumele ukuba kukwazi ukuqhutywa neentlanganiso zeBhodi, ezeeKomiti nezamasebe, ukwabelana ngolwazi, inkxaso eyenziwa ngeintanethi kunye noqeqesho lwabasebenzi. Unxibelelwano namaqela achaphazelekayo kuye kwaqhubeka nokwenziwa ngefowuni, ngeeimeyile kwanageentlanganiso ezenziwa ngeevidiyo eziqhagamshele kwiIntanethi.

IKomitiyezeMalineIT,kuqukaneKomitiyoPhicothozincwadinemingcipheko,zinoxanduvalokuqwalasela ukusebenza ngokukuko nangempumelelo kwezixhobo ziICT zeBhodi. Iingxelo zangaphakathi zekota ezimalunga neICT nophicothozincwadi ziye zathiwa thacha kwiikomiti ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ngokuba neendlela ezisebenzayo zokugcila ulawulo kunye nokhuseleko lwangaphakathi lweICT. Imingcipheko kunye nolawulo olunxulunyaniswa nokusebenza kweICT yangaphakathi zibandakanywe kuLuhlu lwemiNgcipheko yeBhodi zaza zalawulwa ngokufanelekieleyo. Izenzo zeICT ziye zasingathwa kusetyenziswa iNkqubo yoLawulo lweDesika yeeNkonzo yeWCGRB, ngelixa isebe leICT liye laqhuba ulungiso lwesiqhelo lisebenzisa imethodoloji esasaziweyo.

Eyona nkalo kugxilwa kuyo yiBhodi isekukuvuselela ukuzenzekela kweenkqubo zoshishino. Inkqubo yeqonga lezobuchwepheshe yokuzenzekela, iGenesis, iqhubile nokuvulela icandelo longcakazo ukuba lingenise izicelo kwiqonga lezobuchwepheshe. Ngaphezu kok, kuthe kwamiselwa iNkqubo yokuFezekiswa kweZicelo kusenzelwa iSebe lokuThotyelwa kweMimiselo ukuze licuthe amaxesha neenkubo zokuwalaselwa kwezicelo. Le nkqubela iya kuthi iqhube nokukhokela amangeniso ecandelo kwiOfisi yeBhodi.

Iziyilo zeteknoloji iyahuba nokuphakamisa iintlono ezintsha nezisekelwe kwiingcingaezintsha zongcakazo, apho ukubheja kumaqonga ezobuchwepheshe zinkqenkqeza phambili nengemakethe ekhula ngokukhawuleza. Kwisithuba seminyake emine edlulileyo, kwenyuke kakhulu ukubheja kumaqonga ezobuchwepheshe xa kuthelekiswa nezinye iintlobo zongcakazo, eifana neekhasin, iiLPM, kunye neeToti. Abamiseli kufuneka bahlale beqeqesheke ngokwaneleyo futhi benabasebenzi aboneleyo ukuze babe nokumelana neenguqu zeteknoloji kwicandelo longcakazo.

2.1.11 UKUZINYASWA KWEENGQUNGQUTHELA

Iingqungquthela ezijoliswe kwicandelo longcakazo zinikezela ulwazi oluninzi kwinkalo yeengcinga eintsha ngomiselo, iimveliso ezintsha zemakethe, iinkqubo ezintsha, amacebo ongcakazo ngononophelo kunye nezisombululo kwimingeni yongcakazo. Zikwanika namathuba okuxoxisana nabamiseli, amashishini, abaveliso kunye nabaphandi abasuka kumanye amazwe ehlabathi. Tukwabelana ngezimvo kwakunye nobudlelane obuthi bakhiwe bunexabiso elikhulu. IWCGRB ithe yabonisana nothotho lwala mahlakani kumaxesha adlulileyo yaye iya kuqhuba nokwenje njalo nakumathuba asezayo ngaphandle kwamathandabuzo.

Ukulawula inkcitho, iWCGRB izimasa iingqungquthela ezine ngonyaka. Umsitho ngaamnye uye ulichaphazele ngokuthe ngqo icandelo longcakazo ze usombulula imiba yangoku eminxayo kunye nechaphazela icandelo.

Xa kuqwalaselwa izinga eliphezulu leenguqu eziza neteknoloji, kubalulekile ukuba iWCGRB ihlale inolwazi ngeenguqu kunye nemingeni enokuza nayo.
Emva kwengqungquthela nganye, iWCGRB iye iqulunqe ingxelo eshwankathela umongo ongundoo, izifundo ezifundiweyo, ndawonye nexabiso elizuzekileyo, elisisiseko seenkqubo neentshukumo zayo.

2.1.12IZIDANDALAZISO ZOLAWULO LWAMAQUMRHU OSHISHINO ALINDELEKE NGOKWEKHOWUDI YEKING IV

Ngokwemigaqo yeKhowudi yeKing IV, iBhodi kulindeleke ukuba yenze izidandalaziso ezithile eziphathelele kulawulo lwamashishini. INgxelo yeBhodi kaKing IV iyafikeleleka kwiwebhusayithi yeBhodi apha www.wcgrb.co.za.

2.1.13 IMEKO YOKUHANJISWA KWEENKONZO

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, icandelo longcakazo nemidyarho elisemthethweni kwiNtshona Koloni, elithabatha wonke umhlaba weNtshona Koloni, belibandakanya:

Intshukumo yeLayisenisi	31 kweyoKwindla ka2025	31 kweyoKwindla ka2024
Iikhasino ezineelayisenisi	5	5
Amashishini emitshini yeentlawulo ezingephi	2	2
Abasebebenzi bemitshini abaneelayisenisi	69	64
Iitoti ezineelayisenisi	1	1
Izakhiwo ezineelayisenisi	682 (iiLPM ezingama469 Abaqulunqi abali170 Iitoti ezingama43)	702 (486 LPMs 171 Bookmakers 45 Totalisators)
Izixhobo zongcakazo ezineelayisenisi	6 834	6 834
Iilayisenisi zabasebenzi*	7 959	6 480

*IBhodi iphendula kwizicelo ezifumaneke ngendlela emiselweyo kwicandelo



Geographical Spread of Licensed Gambling Operations

Izakhiwo	1 Sixeko saseKapa	2 IEden	3 ICape Winelands	4 IOverberg	5 UNxweme olukwiNtshona	6 IKaroo ekuMbindi
Iikhasino - 5	1	1	1	1	1	0
Iziza zeLPM - 469	292	46	37	39	42	13
Abemitshini - 170	151	3	9	2	5	0
Iitoti - 43	37	1	4	0	1	0

2.2 IMEKO KUNYE NESIMO SEQUMRHU

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwinldla ka2025, uMphathiswa weMali ubesele etyumbele amalungu asixhenxe (7) kule Bhodi. IBhodi isebena ngokwesimo sequmrhu rsiphunyeziweyo esinezikhundla ezili115. Kwezi zikhundla, ama74 kuzo abecwangciselwe ngokwemali, kwavingcwa ezingama65 ze ezili9 zasala zingekavingcwa. Ukugayela ezi zikhewu kusaqhuba.

Ukwanda kwinani elipheleleyo lezikhundla eziphunyeziweyo kulandela inkqubo esandula ukuqukunjelwa kutshanje yohlalutyo lwesimo, olwenzelwe ukuqinisekisa ukuba izakhono zezibonelelo zoluntu zeBhodi ziyathungelana nesikhokelo sesicwangcisoqhinga. Olu hlalutyo belwayame kuhlumo oluqhubayo lwanyaka nanyaka kwicandelo longcakazo nemidyarho, ndawonye nakwisigqibo seBhodi sokwandisa kuthotho lweentshukumo ezimiselweyo ezisele zikho kwiNtshona Koloni.

Abasebenzi abakhoyo babonakalise ukungabi nakumelana nezidingo zomsebenzi ndawonye nokukhula okulindelekileyo kwizicelo zeelayisenisi kwakunye nasekubekweni kweliso kwezomiselo ngenxa yokwanda kwecandelo. Ekusabeleni, iBhodi igqibe ekubeni yenze uhlalutyo olugqibeleleyo lwesimo sayo ukuze ibe nokuxhobisa ngcono iqumrhu eli ukuze libe nokumelana nemisebenzi yalo eguquguqukayo.

Njengesiphumo sale nkqubo, zizikhundla ezongezelelweyo ezingama41 ezithe zaphunyezwa. Noxa kunjalo, yokushokoxeka kwemali, ezzi zikhundla azikabi nankxasomali. Oku ke kubonakalisa umngeni omandla ekumiselweni ngokugqibeleleyo kwesimo esihlaziyiweyo yaye siyiasiminca isakhono seBhodi sokwakha izakhono zangaphakathi ezidingekayo.

Sele kungeniswe isicelo ngosesikweni sokwangezwa kwenkxasomali kwiSebe leMali lePhondo (iPT) ngenjongo yokuxhasa ukusebenza kwesimo esihlaziyiweyo. IBhodi iyaqhub anokuthethathethisana namahlakani aphambili ngenjongo yokufumana izibonelelo ezidingekayo.

Le meko isagqubayo yokushokoxeka kwemali ndawonye nesimo esingekatshintshi ubukhulu becala ukususela okokoko yamiselwa le Bhodi ziyaqhuba nokuba ngumqobo kwisakhono sayo sokugaya nokugcina abasebenzi abanezakhono. Le mingeni ayichaphazeli kuphela umgangatho wentsebenzo koko kunegalelo nasekungakhuthazekini kwabasebenzi.

2.2.1 INDAWO YOKUSEBENZELA

Kulandela uhlalutyo lwenzuzo yendleko evavanya ukuba kuqhutywe na nokuqeshwa kwesakhiwo okanye kuthengwe ekuza kusetyenzelwa kuso, iWCGRB igqibe ekubeni ukuba nesayo isakhiwo kuya kuba nenzuzo engocono, ngokwasemalini nangokothutho ngokubanzi. ISebe loThutho loThutho neMisebenzi yoLuntu - ekungoku nje liliSebe leZiseko zoPhuhliso (iDoI)—alincedise iWCGRB ekutengweni nasekulawulweni kwezilunguso ezithile ngenjongo yokuvumela ukusetyenziswa kwaso okwethutyana kwanokusetyenziswa kwesakhiwo.

IDoI yazise iWCGRB ukuba ingene kwizibhambathiso namashishini anokusetyenziselwa izilungiso kwanokuba yona iya kuthabatha indima yokuba ngumlawuli weli phulo. Kuthe kwabanjwa uthotho lwemihlangaphano Phakathi kweWCGRB neDo ukuze kube nokuxoxwa ngezilungiso ezidingekayo, ze iWCGRB yanombulelo omkhulu ngolwazi olunzuulu oluze neDoI.

Ekuxhomekekeni ekuzinikeleni kweDoI kulawulo kule nkubo yeempuculo nezilungiso, inkqubela ithe yanqunyanyiswa isithuba esimalunga ne18 leenyanga. Noxa kunjalo ke, ekuhambeni kwexesha, iDoI icebise ngelithi ayizukuba saqhuba nokunikezela inkxaso kulo msebenzi wezilungiso. NJnegomvuka woko, kuye kwanyanzeleka ukuba iWCGRB iwuthathele kuyo ngokwayo umsebenzi wokulawula eli phulo, noxa ingenazo nje iakhono ezidingekayo, ze ke yazibhaqa inenkcitho engakhange iyicwangcisele.

Ngokwenkqubo yayo yeSCM, iWCGRB iye yaqasha umlawuli wamaphulo ofanelekileyo ukuze ancede. Ukuza kuthi ga ngoku, sele luqoshelisiwe ucwangciso, uyolo kunye namabakala okushedyula. Inkqubo yeSCM yokuqasha ikontraka – ndawonye neentshukumo ezizezinye zolwakhiwo – ziza kuqala ngoku.

Umlawuli wephuo uthelekelele ixesha lokuqukunjelwa kweli phulo, kuquka noluhlu lwezinto eziza kulibazisa, ukuya aliyi semva kmhla wama30 kweyeSilimela ka2026 phantsi kweyona meko imbi ngokulibaziseka.

IWCGRB iyaqhuba nokusebenza phantsi kwemeko yokusebenzela ekhaya naseofisini yaye iya kuyigcina le nkqubo de kube kusebenzeleka kuso ngokugqibeleleyo isakhiwo esitsha.

Ekuqaleni, iWCGRB ifumene isiphumezo sokuyigcina imali engamaR31.5 yezigidi isenzela isakhiwo sokusebenzela. Isakhiwo sithengwe ngemali engamaR22 yezigidi, encediswe yingeniso engsphulelo yokunxusa esisigisidi seR1 (esusela kwiR1.485 yesigidi), kunye neVAT esiR3.3 sezigidi – nto leyo ifikelela kumaR26.3 yezigidi. Oku kushiye ibhalansi ezizigidi eziR6 njengendleko yezilungiso. IR9.6 yezigidi esusela kunyakamali u2022/23 ze yafumaneka nemvume yokuyigcina intsalela. IWCGRB isalinde isiphumezoz sokufuikeleka kwiR6 yezigidi. Xa kunokuba njalo, isisonke sixa esiya kufikeleleka ukuze kube nokuqosheliswa eli phulo siya kuba liR15.6 lezigidi.

Kodwa ke, isakhiwo esi asisamelani nemimiselo ehlaziyiweyo yempilo, eyokhuseleko kunye neyemililo. Indleko yokuqinisekisa ukuthotyelwa okugqibeleleyo ibonakala ingadlulela kwimali ekhoyo, ingakumbi xa kubandakanywe neVAT.

2.2.2 AMALINGE EMPILO NOKHUSELEKO EMSEBENZINI

Ngokwemigaqo yeOccupational Health and Safety Act (iOHASA), kunyanzelekile ukuba umqeshi anikezele, njengoko kukwazeka ngamandla akhoyo, imeko yokusebenzela eekhuselekileyo nengekho mngciphekweni kwimpilo yabasebenzi/.

Ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo yeOHASA, iBhodi imisele Komiti ejongene neMpilo noKhusleko eMsebenzini (iKomiti yeOHASA), ebandakanya abameli abasuka kuwo onke amasebe akweli qumrhu. Ikomiti le ixhotyiswe ngezibonelelo ezidingekayo ukuze ibe nokwenza umsebenzi wayo ngendlela eyiyo, kuuka ukuhlolwa kweemeko zokusebenzela kwanokumuselwa kwamalinge okuthintela aza kunciphisa imingcipheko.

2.2.3 UQEQESHO NOPHUHLISO

Ukongezwa kwakunye nokuphuculwa kwezakhono kubasebenzi kysengomnye woondoqo beBhjhodi, njengoko oku kubalulekile ekusetyenzisweni ngendlela kwanokuphuhliswa kwezakhono zoluntu. Ukutyala kuhlumo kwakunye nakhono kuxhasa intsebenzo yequmrhu kwanokuzinza kwalo kwisithuba sexesha elide elisezayo.

Kwisithuba sonyaka odlulileyo, iBhodi ityale amaR338 686 kuqeqesho nophuhliso lwabasebenzi, abamele malunga ne0.62% bendleko yabasebenzi bebonke. Amalinge oqeqesho athe amiselwa kuwo onke amanqanaba equmrhu ze ayilelwa ukuvuselela izakhono zeengcali, ukuxananaisa ulwazi, kwanokomeleza izakghono ngothungelwano neenjongo zesicwangcisoqhinga seBhodi.

Xa kuqwalasela isimo esiguquguqukayo secandelo longcakazo, kukwabalulekile ukuba amalungu eBhodi ahlale enolwazi futhi enazo iakhono zokwenza imisebenzi yawo. Ukua kuthi ga ngoku, amalungu eBhodi abhaliswe kwiQumrhu laBalawuli loMzantsi Afrika (iloDSA). I-IoDSA le ibonelela ngekxaso ephathekayo kunye neenkonzo zophuhliso ezijoliswe ekwenzeni luqilima izakhono kunye nokuphakamisa iinkqubo zolawulo eziphilileyo.

Ngapha koko, ukuzinyaswa kweengqunguthela ezichaphazelekayo kwanakwimisitho yecandelo kukhuthazwa ze kuxhaswe nangakumbi, kuqinisekiswa ukuba abalawuli neBhodi bahlala benolwazi ngeenguqu zeli candelo, iinguqu kwinkalo yemimiselo kwakunye neenkqubo ezivelayo.

2.3 IINGUQU EZIPHAMBILI KUNYE NEENGUQU KWIMITHETHO

Icandelo longcakazo licandelo loshishino eliqhutywa yiteknoloji einezidingo ezisekelwe kwiingcinga ezintsha nezikhawulezileyo ngenjongo yeziphumezo zomiselo. IBhodi iyaqhub nokuhlalutya iinkubo zayo yaye isebenzela ukuguqukela kwiinkqubi zemitshini kwinkalo yayo yomiselo.

ISebe leMali lePhondo leNtshona Kolona (iWCPT) lithume ukub kubekho uphando ngezikhokelo zoqoqosho nemigaqonkqubo ezisebenza kwicandelo longcakazo kwiNtshona Koloni. Inkampani yangaphandle yenz olu phando, yaye iziphumo kunye nezindululo ziya kusetyenziselwa ukuqulunqa uXwebhu loGayozimvo kwakunye noXwebbhu lokuvakalisa iziMvo zikaRhulumente ngeMimiselo yoNgcakazo. Ezi ziphumo ingathi ekugqibeleni zikhokelele kwimeko yomgaqonkqubo oohlaiyiweyo wokumiselwa kongcakazo kwiNtshona Koloni.

2.3.1 UKUVULWA KWAMATYALA

Icandelo longcakazo lizibonakalisile ukuba liyazithanda iinkundla nto leyo ikhokelela ekubeni izigqibo zeBhodi zicelwe umngeni ngokusekelwe kwizidingo zoqoqosho ezisusela kumdla okhoyo wabanini beelayisenisi kwakunye namanye amahlakani. Eminye imiba yeyezidingo zoluntu ngokucacileyo oksnye kumanye amatyeli, izigqibo eziwiswa ziiNkundla zethu zinika ingqinisekiso ngokomthetho kwiiba apho iBhodi kuny nabanini beelayisenisi benezimvo ezahlukeneyo ngokomthetho. Kwezo meko ke, amaqumrhu aye avumelane ngokuba eyona ndlela iya kuba kukufumana umyalezo osisigunyaziso. Njengommiseli, iBhodi inika ingqwalasela kwimiba yezidingo zoluntu ngokubanzi yaye izidingo zoshishino kuphela. Kungoko ke iBhodi ingathabathi nxaxheba kuyo yonke imiba esiwa ezinkundleni apho ikhankanywe njengehlakani elinomdla kodwa isekela imimiselo yayo ekubeni iyithabathe na inxaxheba kumba osenkundleni ngohlobo lwesiqabu esifunwayondawonye nefuthe lomthetho kwisigunyaziso seBhodi kwakunye necandelo elimiselayo.

Ishishini lekhasino lifake isicelo soMyalelo oNyanzelisayo oqinisekisa, Phakathi kwezinye, amanqaku eFree Play awakuko “ukwehla” ngenjongo yokukhompyuthwa kwengeniso ehlengahlengisiweyo iyonke yayi awayiyo inxalenye yengeniso erhafiswayo ngokwemigaqo yeCandelo 64 lalo Mthetho, xa ufundwa noShedyuli III. IBhodi yayalelwa ukuba ifake ezo rhafu zihlawulwe ngokugqithisileyo

kwiirhafu eziseza kudingeka kuMfakisicelo ngokweMigaqo yeCandelo 64 lalo Mthetho. IBhodi kunye noMphathiswa banikwa imvume yokuba bangabhena kwesi eSCA, ze isigwebo saba ngecala leBhodi. ABafakisicelo iSaziso seSiceo soKubhena kwiNkundla yoMgaqosiseko. IBhodi kunye noMphatthiswa weMali kunye naMathuba oQoqosho bafaka iSaziso soMnqweno wokuPhikisa kwakunye neeNtetho eziFungelweyo kwiNkundla yoMgaqosiseko. Umba wachotshelwa kwiNkundla yoMgaqosiseko ngomhla we4 kweyoMdumba aka2025 ze isigwebo sankonywa.

IShishini leLotto kunye neKomishoni zikucele umngeni ukuba semthethweni nokuthungelana noMgaqosiseko koMsebenzisi woMtshini onikezela imibhejo kuyo nayiphi na ilotto ngokwemigaqo yelayisenisi yongcakazo ekhutshwe nguKhala wePhondo kwiiLayisenisi / yiBhodi yoNgcakazo echaphazelekayo, kwanokuba oku kuyakhabana neCandelo 57(2)(g) leLotteries Act. Ekubheneni kwiNkundla ePhakamileyo iNkundla ePheleleyo yamisela ngelithi:

(i) Iskimu, isicwangciso, ummiselo okanye inkqubo yoMlawuli woMtshini apho inikezela imibhejo, nokuba yeyohlobo lwemiselwe kwantlandlolo , kwisiphumo seelotto oko kuthatyathwa njengokungekho mthethweni;
(ii) UMlawuli woMtshini uyathintelwa ekunikezeleni imibhejo, nokuba iyemiselwe kwantlandloko, kwisiphumo sayo nayiphi na ilotto; yaye
(iii) UMlawuli woMtshini, iBhodi echaphazelekayo kunye nomnye uMlawuli woMtshini bayalelwa ukuba bahlawule iindleko zeShishini leLotto

ISCA yakhupha umyalelo owalathisa onke amaqumrhu achaphazelekayo ukuba aziswe ngalo mba kwanokuba achaze ukuba aya kuba yinxalenye yale ntshukumo na. IWCGRB yazisa bonke aBalawuli beMtshini ukuba ngale ntshukumo yeSCA. IBhodi ifake iSaziso soMnqweno wayo woKuthabatha iNxaxheba kule ntshukumo, ndawonye nangeSicelo sayo sokungenelela kule ntshukumo. Umyalelo ongomnye kunye/okanye umhla wokuwiswa kwawo usalindiwe.

2.3.2 IINGQWALASELA ZANGOKU ZEMITHETHO

IBhili yoMthethosihlomelo woNgcakazo kuZwelonke (iB27B-2018) yapapashwa ngo2018. IBhili le ijolise kuhlomeleni kwiNational Gambling Act (ka2006) ngenjongo yokutshintsha umgangatho weBhodi yoNgcakazo kuZwelonke ibe liqumrhu elisebenzayo eliphendula kwiDTIC, apho uSomaqhuzu inguye igosa elongamele eli qumrhu. IBhili le ikwajolise, Phakathi kwezinye, ukuza nezinye iintlawuo ezimiselwe ngumthetho eziza kujongana nohlolo lwamashishini ongcakazo afumana iilayisenisi kumaqurhu ephondokanokuze kuqwalaselwe umba wolawulo ophathelele kwiBhunga loMgaqonkqubo woNgcakazo kuZwelonke. IBhili ifumene ingqwalasela kuzo zombini iziNdlu zePalamente ze yakhatywa liBhunga leSizwe lamaPhondo ngomhla we14 kweyoMnga ka2021 futhi ke sele idluliselwe kwiKomiti yoXolelwaniso ngokwemigaqo yoMthetho 186(1) (a). IBhili yaphelelwa lixesha ngokwemimiselo yoMgaqo 333(2) weNdlu yoWisomthetho kaZwelonke 333(2), ngomhla wama21 kwekaCanzibe ka2024. IBhili yavuselelwa ngomhla wama25 kweyeKhala ka2024 kwiNdlu yoWisomthetho kaZwelonke. IBhili yadluliselwa kwiKomiti yoXolelwaniso, ngomhla we15 kwekaCanzibe ka2025, ukuze ifumane ingqwalasela. IBhodi yooKhala beeLayisenisi kumaPhondo kwakunye noNgcakazo kuZwelonke yacelwa ukuba inikezele izimvo ngeenkaloe ezithile ezine zale Bhili, ezathi zanikezelwa kwiKomiti yoXolelwaniso ngomhla wama28 kwekaCanzibe ka2025. IKomiti yabonisana ngale Bhili yayiqwalasela ze yamkela ngokusesikweni ngoLwesihlanu umhla we13 kweyeSilimela ka2025. Uxwebhu olutsha lweBhili enguB27D-2018, iseza kupapashwa.

IWestern Cape Nineteenth Gambling and Racing Amendment Act (ka2021) ("uMthethosihlomelo weShumi elineThoba") wapapashwa kwiGazethi yePhondo ngomhla wama23 kweyeSilimela ka2021. Lo Mthethosihlomelo weShhumi elineThoba umisele iintlawulo ezintsha zaMashishini aziiKhasino kwakunye nezaBasebenzisi beMizila, yaye uya kuba uyenze luqilima nangakumbi injongo yeBhodi yokuzimela ngokwemali ngokwezidingo zesabelomali sayo. UMthethosihlomela weShumi elineThoba wathi, ngokunjalo, awenziwa waqalisa ukusebenza. IBhili esaQulunqwayo yoMthethosihlomelo weShumi elineThoba yokuSiphulwa koMthetho woNgcakazi kwiPhhondo leNtshona Koloni, ka2022 ("iBhili yokuSiphula") emisele inkquo yokuqulunqa ethungelana noMthethosihlomelo weShumi elineThoba, iqinisekisa ukuba injongo ekwafanayo ibikukuphakamisa nokunikezela isikhokelo ukuzimela ngokwemali kweBhodi, ukuze iintlawulo ezithile zihlawulwe kwiBhodi, ukubizwa kweentlawulo zamashishini aziikhasino, izihlomelo kwimimiselo ephathelele kwiintlawulo zemitshini yongcakazo enezithintelo kwanemiba echaphazelekayo apho. Le Bhili yokuSiphula yalathise ukuba, ngenxa yeziphumo ezinobuzaza zikabhubhane iCOVID-19 ngecandelo loshishino longcakazo, iSebe leMali lePhondo ikwinkqubo yokwenza uhlalutyo olugqibeleleyo lwemeko yongcakazo neyemidyarho kwiNtshona Koloni, kube kukho neNkqubo yoHlalutyo loMgaqonkqubo. Ngapha koko, la msebenzi wokuphakanyiswa nokunikezelwa kwesikhokelo kwinkqubo yokuzimela ngokwasemalini kweBhodi usengumsebenzi obalulekileyo kuRhulumente weNtshona Koloni. Umthetho iWestern Cape Nineteenth Gambling and Racing Amendment Act, onguMthetho wokuSiphula, ka2022 ("uMthetho

wokuSiphula") wamiselwa ngomhla we10 kweyoMqungu ka2024 yaye usiphula "uMthethosihlomela weShumi elineThoba".

IBhili esaQulunqwayo wamaShumi amaBini yoMthethosihlomello woNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni, ka2025 wapapashwa, kugaywa izimvo, ngomhla wesithandathu kweyeSilimela ka2025, nomisela intlawulo yeRhafu yaMathuba oQoqosho ngumnini welayisenisi yeshishi leKhasino, iyanikezelwa. IBhili le imisela indlela eya kubalwa ngayo irhafu ndawonye nexesha eya kuhlawulwa ngayo yona liShishini leKhasino.

IBhili yoNgcakazo ngezoBuchwepheshe (B11-2024) wamiselwa yiNdlu yoWisomthetho kaZwelonke ngomhla we16 kwekaTshazimpuzi ka2024. Inguqu emandla kule Bhili kukuba igunyazisa amaPhondo, ukuba amisele ukukhutshwa kweelayisenisi, kwanokuqokelela iintlawulo ezimiselweyo kwelo Phondo. Injongo yale Bholo kukubonelela ngesiseko somthetho kwakunye nolawulo olusemgangathweni nolululo lweentshukumo zomiselo longcakazo kumaqonga ezobuchwepheshe kwanokuqinisekisa kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika. IBhili ikwabonelela nangemigaqo kwanemigangatho kwinkalo yongcakazo kumaqonga ezobuchwepheshe aza kusebenza kwiRiphabliki ngokubanziz, ngenjongo yokuthintela nokukhusela abaselula, kwanabantu abasemngciphekweni ekubeni babe secicini lokuchaphazeleka kumafuthe amabi ongcakazo, kwanokukhusela abadlali, uluntu ngokubanzi kwakunye namashishin ongcakazo lwamaqonga ezobuchwepheshe. Sipapashiwe iSaziso kwiGazethi ngmhla we8 kweyeNkanga ka2024 essidiza ukuba uMnu Roger William Tobias Chance, oliLungu lePalamente, unomnqweno wokuza neBhili yoNgcakazo ngokoBuchwepheshe, ka2024, kwiNdlu yoWisomrthetho kaZwelonke yePalamente. Olu uxwebhu lwale Bhili lukwafana noxwebhu olwapapashwa ngomhla we16 kwekaTshazimpuzi ka2024.

IMimiselo yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni, ka1996: iSihlomelo esisaQulunwayo, sika2022 sapapashelwa ukugaya izimvo ngomhla weshumi kweyeSilimela ka2022. Imisela iMimiseo esebenzayo ekuhlengahlengisweni lweelayisenisi, elona nani likhulu leelayisenisi zamashishini aziikhasino likwiSixeko saseKapa, umgama ophakathi kweekhasino, iinkccukacha zezicelo eziphathelele ekufudusweni kwekhasino, ndawonye nentlawulo yerhafu yoqoqosho rhoqo ngenyanga.

IMimiselo yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Kololni (iiNtlawulo neeNdleko, zika2016) kwakunye neSihlomela seSibini esisaQulunqwayo (sika2022) yapapashelwa izimvo ngomhla weshumi kweyeSilimela ka2022 yaye ibonelela nangokuphi na ukuchophela, uphando okanye ukukhangela okuphathelele ekufudusweni kweshishini okanye intshukumo emiselwe kwiCandelo 41B (1) lalo Mthetho.

IMimiselo yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni (iiNtlawulo neeNdleko ka2016): uMthethosihlomelo, ka2025 yahlaziywa ze yapapashwa kwiGzethi ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025 ngenjongo yokphakamisaukwenyukaa kwamaxabiso kwisicelo esimiselwe ngumthetho, iintlawulo zeelayisenisi kunye nezophando. Ezi ntlawulo zihlengahlengiswa minyaka le kusenzelwa ukuthungelana namazinga okwenyuka kwamaxabiso futhi ke iintlawulo ezihlengahlegisiweyo ziqale ukusebenza ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka2025.

3. INKQUBELA ESINGISE EKUZUZEKENI KWEEMPEMBELELO NEZIPHUMO ZEQUMRHU

Intetho yeFuthe: iCandelo elimiselwa ngokugqibeleleyo.

Iziphumo:

- Amacandelo eBhodi, izibonelelo kunye neenkqubo ezisetyenziselwa intsebezo eyiyo, esemgangathweni nekwinqanaba eliphezulu yesigunyziso sayo. Le nkqubo izuze ezisibhozo (8) kwezilishumi (10) iimveliso ebezicwangcisiwe kulo nyaka siwushukuxayo, apho imveliso enye ibizuzeke ngokungagqibelelanga.
- ISebe leeLayisenisi liqinisekisa ukuba bonke abantu namaqumrhu asebenza kwicandelo longcakazo ayamelana nezidingo zemigangatho yokufaneleka. Undoqo ophambili isekukuvavanywa kwabafakizicelo – abangabantu nabangamaqumrhu – ukuba baziphathe ngesidima ekukhutshweni kweelayisenisi. Ukuyicwalisa nangakumbi imisebenzi, isebe liyaqhuba nokumisela iqonga lezobuchwepheshe kuzo intlobo zongcakazo ukuze kungeniswe ze kuqwalaselwe izicelo zeelayisenisi, kuvuselwle intsebenzo esemgangthweningelixa kugcinwe iinkqubo zomiselo eziluqilima zokuqinisekisa ukuthobela. Ngaphezu kokuvavanya ukufanelek, le nkqubo isazinikele ekuqwalaseleni zonke izicelo ezintsha nesezikho kakade zeelayisenisi ngokwemigaqo yeethagethi zentsebenzo yonyaka, kube ke ngoko kufakwa igxalaba kwiinjonhgo zesicwangcisoqhinga esiphangaleleyo seminyaka emihlanu. Le nkqubo izinzileyo iyakuqinisekisa ukuthotyelwa

kwemimiselo ngelixa ixhasa amahlakani eli candelo ngokwesikhokelo esiphuculiweyo sokunikezelwa kweelayisenisi. Le nkqubo izuze ezimbini (2) kwezintathu (3) iimveliso ebezicwangcisiwe kulo nyaka siwushukuxayo, ngelixa enye imvelio izuzeke ngokungagqibelelanga yona.

- Iintshukumo zongakazo nemidyarho kwiNtshona Koloni ziyayithobela imigaqo yemithetho nemimiselo. Le nkqubo inoxanduv lokunyanzelisa ukuthotyelwa kwemimiselo yongcakazo neyayamene nalo kwinkalo yemimiselo yemithetho kwakunye nezidingo zemimiselo kubo bonke abanini beelayisenisi ababeka iintshukumo zongcakazo nezokubheja ukuze zihlawulelwe luluntu jikelele kwanokuze kwenziwe neentshukumo zophando kwangethuba kwiimeko zeentshukumo zongcakazo ezingekho mthethweni kweli Phondo. Le nkqubo izuze ezimbini (2) kwiimveliso zayo ebezicwangcisiwe kulo nyaka siwushukuxayo.
- Izimbululo kunye neenkqubo ezisekelwe kwiingcinga ezintsha ezisebenzayo ezithembakeleyo nezikhuselekileyo zeICT ezikhoyo. Le nkqubo inoxanduva lokusebenzisa iinkqutyana ezibalulekileyo zeICT, ezolawulo, iinguqu ezikhawulezileyo, ulawulo olululo ndawonye neenkqubo ezithembakeleyo nezikhuselekileyo kwiOfisi yeBhodi. Ezi nkalo zivulele le Nkqubo ukuba izuzezonke iimveliso zeethagethi zayo ebezicwangcisiwe kulo nyaka ze ke ngoko zathungelaniswa kunye neenjongo zesicwangcisoqhinga seminyaka emihlanu.

4. IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO YEENKQUBO

iNkqubo 1: IBhodi nezingoLawulo

Injongo yale Nkqubo

Kukuncedisa uMphathiswa kwanokunika Amandla kwisigunyaziso somthetho esinikwe iBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni.

Iziphumo

Amacandelo, izibonelelo kunye neenkqubo zeBhodi ezisetyenziselwa intsebenzo eyiyo, esemgangathweni, eyiyo kwanekwinqanaba eliphezulu esusela kwisigunyazso sayo.

Isimo seNkqubo

Le nkqubo ibandakanya aMalungu eBhodi asixhenxe, uSomaqhuzu, uMphathi wezoMthetho, uMcebisi oMkhulu wezoMthetho: wecandelo leeNkonzo zoMthetho, iGosa eLongamele iMali, iGosa eliyiNtloko kwezeMali, iGosa eLongamele ezoLawulo, uMphathi weZibonelelo zaBasebenzi, iGosa lezoLawulo kwaHR, uSosiba weBhodi ndawonye nabasebenzi abaphunyeziweyo.

Inkqubo le imi ngolu hlobo lulandelayo:
- iBhodi
- Abalawuli abaPhezulu
- iiNkonzo zoMthetho
- Izibonelelo zaBasebenzi
- Ezolawulo neMali

Iziphumo, iiMveliso, iZalathi zeeMveliso, iiThagethi kunye neZona Nzuzo

Kunyakamali u2024/2025, kuthe kwamiselwa ezi nguqu zilandelayo zaphakathi enyakeni kwinkalo yesalathisi sentsebenzo yale Nkqubo:
Isalathisi 1.9, inkqubo yeNgxelo ngeSalathisi kwitheybhile engentsebenzo kwikhasi 41 yeyoNyaka, ngelixa iTID ekwikhasi 62 yona ivakalisa ukuba iyeyekota. Iinguquq zingenxa yempazamo kwezolawulo.
Isalathisi 1.9, uhlobo lokubala kwiTID ilungiswe yenziwa engaQokelelaniyo.

INkqubo 1: IBhodi nezoLawulo								
Isiphumo	**Imveliso**	**Isalathisi seMveliso**	**Eyona Ntsebenzo iPhcothiweyo 2022/2023**	**Eyona Ntsebenzo iPhcothiweyo 2023/2024**	**Eyon Thagethi iCwangcisiweyo 2024/2025**	**Eyona Nzuzo 2024/2025**	**Ukutenxa kwithagethi ecwangcisiweyo ukuya kwEyona Nzuzo 2024/2025**	**Izizathu zokutenxa**
**Bandakanya nemihlanga yabuphuthuphuthu engaphandle kwemihlangano yeBhodi neyeeKomiti, umzekelo, imihlangano neSebe leMali kwiPhondo kwakunye noMphathiswa weMali kwiPhondo, kwakunye nexesha elichithwe kweminye imiba yeBhodi.*

IKOMITI YEEAKHAWUNTI ZASEBURHULUMENTENI (IPAC), NEZINDULULO EZISUSELA KWINGXELO YONYAKA U2023/24		
Umhla wesindululo	**Iinkcukacha**	**Inkqubela yomiselo**
4 kweyeDwarha ka2024	IKomiti iyithabathela ingqalelo imingcipheko yesicwangcisoqhinga echaphazela abasebenzi abangesosigxia abaqeshelwe ukuncedisa eli Qumrhu; kuquka umthwalo womsebenzi wesimo onjongo ikukuphelisa amathuba amade engqesho yethutyana. 7.4.1 Kukuba eli Qumrhu lixoxele iKomiti ngamalinge ethe yawamisela ngenjongo yokunqanda nokuthintela ukuba iphinde yehle le meko.	Iza kushedyulwa yiPAC
	IKomiti iyithabathela ingqwalasela into yokuba iQumrhu ibe alikwazanga ukumisela amakhabathiso okuthengiswa kwamashishini ombuso, kwanokuba ingakwazanga ukuqulunqa amakhabathiso okungena kwiintlanganisela zentsebenziswano necandelo abucala kwanokuba lingakwazanga ukumisela amakhabathiso okunikezela izibonelelo, iinkasomali kwakunye nezikimu zotyalomali ekuxhaseni inkqubo eXananazisiweyo yokuXhotyiswa kwaBamnyama ngokoQoqosho. 7.4.2 Kukuba iQumrhu eli lixoxekel iKomiti ngamalinge eliwamiseleyo ukujongana nale mingeni ibhaqekileyo.	Iza kushedyulwa yiPAC
	IKomiti iyiqwalasele eyokuba umhlaba nezakhiwo ezisebenzisa isixhobo sokuphinda kumiselwe amaxabiso zaziphinde zahlalutywa amaxabiso kulo nyaka nto leyo ikhokelele ekunakanweni kwelahleko engumvuka womonakalo obonakalayo wamaR4 297 946. Ngapha koko, iKmiti iyiqwalasele into yokuba iBhodi inakane isixa selahleko engumvuka womonakalo esingamaR4 297 944 kwinkalo yomhlaba besakhiwo. Ilahleko engumvuka womonakalo le ivele ngenxa yokuphinda kuvavanywe ixabiso lesi sakhiwo. IBhodi isithenge ngexabiso eliphezulu esi sakhiwo, ze ngaphezu koko, iBhodi yahlawula iiRhafu ezingabuyisekuyo zeeNtengo ezifikelela kwiR3 300 000. Njengoko iBhodi ingeloshishini elihlawula iVAT, iBhodi ayizukuzibuyiswa iirhafu ezingabuyisekiyo ayizukuzibuyiselwa yaye ke oko kukhokelele kwilahleko engumvuka womonakalo kwesi sakhiwo. 7.4.3 Kukuba iQumrhu eli lixoxele iKomiti ngalo mba, kuquka indleko iyonke yokuthengwa kwesi sakhiwo ndawonye nengcaciso yale nkqubo yokuphinda kumiselwe ixabiso esetyenziswe yiBhodi.	Iza kushedyulwa yiPAC

IKOMITI EMIYO EJONGENE NEMALI, NEZINDULULO EZISUSELA KWINGXELO YONYAKAMALI U2023/24		
Umhla wesindululo	**Iinkcukacha**	**Inkubela yomiselo**
4 kweyeDwarha ka2024	Ingxelo egcweleyo esuka kwiBhodi yoNgcakazo neMidyarho ekulawulweni kwaMalinge oKunikela kwaMashishini eLuntwini kwinkalo yeelayisenisis ezahlukeneyo zongcakazo.	Sele ingenisiwe ingxelo
	Ingxelo egcweleyo ngomsebenzi owenziwe yiBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni kwinkalo yokungcakazo ngobunono.	Sele ingenisiwe ingxelo

5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

IBhodi izimisele ekusekeni iziko eliqinisekisa ngokuba ulawulo lwemingcipheko luyinxalenye ephambili yazo zonke izenzo zalo kunye nokukwazi ukwenza okungundoqo. ULawulo oluNdindeneyo lwemiNgcipheko yeZiko (iERM) ijonge ukuqinisekisa ngokukhula nempumelelo eqhubekayo yeBhodi. Umsebenzi weERM uncedisa onke amanqanaba olungiselelo lweeofisi ekufezekiseni iziphumo eziphambili zeBhodi ngokuza nendlela elungeleleneyo yokuphonononga nokuphucula ukusebenza kolawulo nothintelo lwemingcipheko.

I-ERM ilungiselelwe ukuqaphela izehlo nokuqhubeka okunokwenzeka (esikubiza ngokuba yimingcipheko) nokunokuchaphazela kakhulu ukukwazi kweBhodi ukufezekisa iziphumo zayo eziphambili okanye ukugcina imisebenzi yayo nokuba ezo zinto ziyichaphazela kakuhle na okanye kakubi. Ngenkqubo yeERM, imingcipheko eqatshelweyo iyahlolwa ithelekiswa nenqanaba lokukwazi kweBhodi ukumelana nomngcipheko lowo, ukwenzela ukunika isiqinisekiso esifanelekileyo ngokunxulumene nokufezekiswa neenjongo zeBhodi.

Iinjongo zeBhodi zokulawula imingcipheko ziquka:
- Ukudibanisa ulawulo lwemingcipheko nesiqhelo kunye nezigqibo eziphambili zeWCGRB;
- Ukuqikelela nokujongana neemeko eziguquguqukayo zentlalo, zendalo nezomthetho;
- Ukulawulwa kwemingcipheko ngokwezona ndlela zisebenzayo nokubonisa ukuthathwa kwezigqibo ezisekelwe kulwazi oluphandisisiweyo;
- Ngokunxulumene nokulandela imithetho njengowona mgangatho uphantsi kufuneka ufezekisiwe;
- Ukuhambelanisa iindleko zolawulo lwemingcipheko kunye neenzuzo ezijongiweyo; kunye,
- Nokwazisa uluntu malunga nemfuneko yolawulo lwemingcipheko.

IsiGqeba esiLawulayo seBhodi sinoxanduva sokuba ngukhala wolawulo lwemingcipheko kwiBhodi, nalapho siya kuthi sinike inkxaso yolawulo, sicebise malunga nokufezekiswa kwemigaqonkqubo evunywe yiBhodi. Rhoqo ngonyaka iBhodi iye isebenzisane nesiGqeba esiLawulayo ukuphononongа imingcipheko yayo enokuchaphazela umsebenzi, isiCwangciso sokuSebenza soNyaka neethagethi zaso, njengenxalenye yeseshoni yocwangciselo lonyaka yeBhodi. Le mingcipheko iye iphononongwe rhoqo ngekota, ukwenzela ukufezekiswa ngempumelelo kweendlela zokuyithomalalisa imingcipheko ukuze kuqinisekiswe ukuba yonke imingcipheko eqatshelweyo ilawulwa ngokwamazinga amkelekileyo okukwazi melana nayo.

Ukuqesha kweBhodi igosa lolawulo lwemingcipheko luxanduva lwegosa eliphezulu lolungiselelo lweeofisi, nelikwiofisi yoMphathi wezeMali oyiNtloko yaye elo gosa lijongene nolungiselelo lobhaliso lwemingcipheko kunye neengxelo zemingcipheko zekota. Ikomiti yoLawulo lwemiNgcipheko yenziwa sisiGqeba esipheleleyo soLawulo. Ikomiti yoLawulo lwemiNgcipheko idibana rhoqo ngekota ukuze inike imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi weBhodi kunye nemingcipheko evelayo eqatshelweyo, ngokunjalo nemeko yezicwangciso zokulungiselela ukuthomalalisa loo mingcipheko. Imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi, izenzo zokuthomalalisa imingcipheko kunye nemingcipheko evelayo ethe yaqatshelwa ithi ixelwe kwiKomiti yoPhicothozincwadi neFITEC rhoqo ngekota. Zonke iintlanganiso zeKomiti yeFIT nezeKomiti yoPhicothozincwadi zichotshelwa nguMphathi oyiNtloko, iGosa lezeMali eliyiNtloko kunye negosa lezemingcipheko, baze banike ikomiti ingxelo esesikweni kwintlanganiso nganye.

IKomitana yeBhodi neKomiti yiFIT ziphononongа le mingcipheko kunye nobhaliso lwemingcipheko nalapho kugxilwa kakhulu kwimingcipheko enokuvela. IKomiti yoPhicothozincwadi yiyo esebenza njengeKomiti ejongene nemiNgcipheko, nejongene nokubeka esweni imingcipheko yeBhodi, phakathi kweminye enokujongwa. IKomiti yemiNgcipheko incediswa nguMsebenzi woPhicothozincwadi lwangaPhakathi kunye neengxelo ezinikwa iBhodi.

Ngeli thuba lemali liphononongowayo iOfisi yeBhodi iqhube oku kulandelayo:
- Ukuphononongwa komGaqonkqubo wemiGcipheko yeEMR kunye nokuKhula kwemiNgcipheko
- Uphononongo lwekota loBhaliso lwemiNgcipheko olwenziwa yiEXCO
- Ukunikwa kweengxelo zekota kwiKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kunye neKomiti yeFIT.

Apha ngezantsi kubekwe imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi, mingcipheko leyo ijamelene nayo iBhodi, kunye neendlela zokuyithomalalisa ezithe zalandelwa:

Imingcipheko yeSicwangcisoqhinga	IiNkqubo zoLawulo eziNqandayo
SR1: Ukungabi nakho kweQumrhu ukufezekisa isigunyaziso salo.	1. Ukuxhaswa ngemali ngokwemigaqo yePFMA 2. AInkqubo eyiyo yohlahlo lolwabiwomali (ucwangciso lwezibonelelo) 3. Icandelo leenkonzo zomthetho lePT likhuphe uluvo oluqinisekisa imimiselo yamaxesha ukuze kube nokuqeshwa kwangethuba aMalungu eBhodi. 4. Isimo ngokutyunjwa kwamalungu eBhodi sixoxwa kwiKomiti yoNxibelelwano ngoNgcakazo (iGLC) 5. IBhodi isebenzisa ukuphina kumiselwe imihlangano kwakunye nezikaxakeka, iinkqubo zeround robin ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iBhodi ihlala isebenza. 6. Amalungu eBhodi agcweleyo de kube sekupheleni konyakamali u 2024/2025 7. Imihlangano yekota ethe yabanjwa noMphathiswa 8. Ukuqashwa kwabasebenzi abangesosigxina/ii-intheni ukuze zincedise ekiminxekeni kwezibonelelo 9. Imihlangano noMEC, iGLC kunye neminye imihlangano namahlakani.
Imingcipheko yeSicwangcisoqhinga	**IiNkqubo zoLawulo eziNqandayo**
SR2: IQumrhu elingaSebenziyo nelingekho Mgangathweni.	1. Ukuhlalutywa kwalo Mthetho xa sikho Isidingo ze kwenziwe amangeniso kwiPT mnakuMphathiswa ondulula ukuba kwenziwe izihlomelo kulo Mthetho njengoko naxa kunesidingo. 2. Imihlangano nabanini beelayisenisi ukuze kube nokucaiswa indlela etolikwa ngayo imithetho 3. Ingcebiso/izimvo zomthetho xa sikho isidingo 4. Isimo samalungu eBhodi atyunjiweyo kuxoxwa ngaso kwiKomiti yoNxibelelwano ngoNgcakazo (iGLC) 5. Inkxasomali ngokwemigaqo yePFMA 6. Inkqubo yohlahlo lolwabiwomali efanelekileyo (ucwangciso lwezibonelelo) 7. Inkqubo yolalutyo emaqnqanaba aluthotho 8. Umiselo lwesicwangiso sezakhono zasemsebenzini (iWSP) 9. Ukuqwalaselisiswa kwanohlalutyo lweenkcukacha luthoth olweeKomitana zale Bhodi 10. Imihlangano namahlakani apho kuvela isidingo 11. IWSP, uqeqesho, iingqunguthela kunye namaqonga kazwelonke 12. Imihlangano yekota ephakathi kweCandelo likaMphathiswa kunyen neWCGRB 13. Ukuqeshwa kwabasebenzi abangeso sigxina/iiintheni ukuze zincedise ekushokoxekeni kwezibonelelo 14. Imihlangano noMEC, iGLC kunye neminye imihlangano namahlakani
SR3: Ukusetyenziswa kwezibonelelo zequmrhu ngendlela engasebenziyo nengekho mgangathweni.	IWSP, uqeqesho, iingqungquthela kunye namaqonga kazwelonke 1. Ucwangciso olululo kunye neenkqubo zohlahlo lolwabiwomali 2. Imihlangano eyenzeka rhoqo nabasebenzi 3. Umthwalo womsebenzi wesimo ngenjongo yokuphelisa amaxesha amade kakhulu 4. Ukuqeshwa kwabasebenzi abangeso sigxina/ii-intheni ukuze zincedise ekushokoxekeni kwezibonelelo

SR4: Ukuphulukana nokuthenjwa ngamahlakani.	1. Ukusoloko kusetyenziswana namahlakani ngendlela esisidingo 2. Imihlangano noluntu ngokubanzi 3. Ukuqeshwa kwabasebenzi abangeso sigxina/ii-intheni ukuze zincedise ekushokoxekeni kwezibonelelo 4. Ukuhlalutywa kwalo Mthetho xa sivela Isidingo ze kwenziwe amangeniso kwiPT nakuMphathiswa ondulula ukwenziwa kwezihlomelo kulo Mthetho kwanaxa sikho isidingo. 5. Imihlangano noMEC, iGLC kunye neminye imihlangano namahlakani
SR5: Ukuphazamiseka kweentshukumo ezibalulekileyo zoshishino.	1. Isicwangciso solawulo lokuqhuba koshishino esikhoyo ukuze kube nokugcinwa umsebenzi weenkonzo ezibalulekileyo zoshishino emva kwentlekele okanye kwesehlo esibi. Isicwangciso solawulo lokuqhuba koshishino sihlalutywa rhoqo ngonyaka kuyo yonke imisebenzi 2. yoshishino yeWCGRB ekusabeleni kwiziphazamiso. 3. Izivumelwano zenqanaba lenkonzo 4. Abo bafaka iibhidi kulindeleke ukuba babe banazo izinikezelo ezifanelekileyo zokuzikhwebula ndawonye neinshorensi yamatyala
SR6: Ukungathotyelwa kwemimiselo yemithethoNoncompliance with legislative prescripts.	1. Uhlalutyo olwenzeka rhoqo (kuquka ukusebenzisana a namahlakani) kwanokuphunyezwa kwemigaqonkqubo neenkqubo 2. Amasebe omthetho abhalisele ukufumana iincwadi zomthetho. 3. ISebe leMali likaZwelonke kunye neSebe leMali lePhondo ahambahambisa iinowuthi zokusebenza kunye neesetyhula. 4. Ukuqulunqwa kwemigaqonkqubo emitsha ngentsebenziswano namahlakani. 5. Ukuqhelaniswa nendawo kwabasebenzi abatsha kunye namalungu eBhodi 6. Unxibelelwano kwakunye nemihlangano yocweyo lwemigaqonkqubo emitsha kwakunye neenguqu kwimigaqonkqubo. 7. Imigaqonkqubo yangaphakathi emitsha epapashwe kwi-intranethi kwakunye nemigaqonkqubo yangphandle epapashwe kwi-intanethi (iwebhusayithi). 8. Ukuthatyathwa kwenxaxheba kumaqonga ecandelo nawomiselo 9. Uqeqesho kunye nemihlangano yocweyo ngemigaqonkqubo kunye nemithetho
SR8: Abantu abangafanelekanga kundululwa ukuba banikwe iilayisenisi.	1. Inkqubo yesinikezelo somdla 2. Umiselo lwezidingo zoqeqesho kubasebenzi abakhethwe yinkqubo yeSicwangciso seZakhono zoMsebenzi. 3. Ukusetyenziswa kwezibonelelo zangaphakathi nezangaphandle zokuqinisekisa 4. Ukusetyenziswa kweenkqubo eziseMgangthweni zokusebenza 5. Inkqubo yohlalutyo emanqanaba aluthotho 6. Ukuqeshwa kwabasebenzi abangeso sigxina/ii-intheniukuze zincedise ekushokoxekeni kwezibonelelo
Imingcipheko yeSicwangcisoqhinga	**IiNkqubo zoLawulo eziNqandayo**
SR9: Ukungabikho kwesakhono sokufumanisa ukungathotyelwa kwemimiselo yomthetho kwakunye nezidingo zemimiselolo.	1. Ukuzinyaswa kweengqungquthela ezijolise kwicandelo buqquq, imihlangano yocweyo kunye noqeqesho, kuzwelonke nakumanye amazwe 2. Inkqubo yokuvakaliswa komdla 3. Ukuthotyelwa kweSOP yeSebe kunye nemigaqonkqubo ye 4. Imihlangano yokunikezelwa kwengxelo kunye neengxelo zeNkosi zasemva kophicotho, 5. Imihlangano yokunikezelwa kweengxelo zasemva kohicotho zaMakhosi, ukuba siyavela isidingo. 6. Inkqubo yohlalutyo emanqanaba aluthotho 7. Imihlangano ebanjwa rhoqoq namahlakani eli candelo 8. Ukuqeshwa kwabasebenzi abangeso sigxina/ii-intheni ukuze ancedise ekushokoxekeni kwezibonelelo

SR10: Ukungabikho kwesakhono sokufumanisa kwanokuvala iintshukumo zongcakazo ezingekho mthethweni.	1. Imihlangano ebanjwa rhoqo neearhente zonuanzeliso 2. Ukuzinyaswa kwemihlangno yaMaqonga oNyanzeliso 3. Uqeqesho olunikezelwa kumagosa onyanzeliso apho kuvela khona isidingo 4. Uthotho looNtamnani abayiMfihlelo 5. Umhlangano woCweyo ngoNyanzeliso lwaNyaka naNyaka 6. Ukulandelelwa kwezityholo zongcakazo olungekho mthethweni 7. Iinkqubo zokusasazwa kolwazi 8. Ukusetyenziswa kweNkqubo yeMigangatho yokuSebenza ekuphandweni kweentshukumo zongcakazo olungekho mthethweni
SR11: ICT Iinkqubo kunye nezisombululo azisebenzi, azithembakelanga, azisekelwanga kwiingcingaezintsha yaye azikhuselekanga.	1. Ucwangciso olululo, uhlahlo lolwabiwomali (luquka iZibonelelo zeMali neZabasebenzi), izakhono (inani labasebenzi) kwakunye nabasebenzi abanezakhono 2. Kwamiselwa iinkqubo zolawulo lokhuseleko 3. Kamiselwa imigaqonkqubo kunye neenkqubo 4. Uhlolo oluqhubayo, ulawulo kunye Ongoing monitoring, administration and managing of the ICT environment, 5. Kwamiselwa iICT yeDRP, izakhono zeGenerator kunye nezeUPS 6. Ukuhlala kuzinyaswa uqeqesho, iisemina, imihlangano zophuhliso lwetalente, 7. Ukunikezela ingxelo kwiiKomiti zophuhliso lweICT 8. Umiselo lwezindululo zohlalutyo lokhuseleko kwezobuchwepheshe 9. 9. Umiselo lomgaqonkqubo neenkqubo wePOPI 10. 10. Unxibelelwano olumiselweyo kunye noMvelisi weZixhobo zoQobo (iOEM) ngazo naziphi na izidingo zezixhobo / iintsilelo / nothutho

6. ICANDELO LOPHICOTHOZINCWADI LANGAPHAKATHI

IBhodi ayinalo icandelo elingaphakathi loPhiothozincwadi laNgaphakathi kodwa lo msebenzi liwufumana kwiinkampani zangaphandle ezinamava afanelekileyo nezingamalungu eQumrhu laBaphicothizincwadi baNgaphakathi okanye beBhodi eZimeleyo enguKhala waBaphicothiincwadi. IBhodi iqashe iiNgcali kwezoPhicothozincwadi njengaBaphicothizincwadi bayo baNgaphakathi de kube ngumhla wama31 kweyeKhala ka2025. Esi sibhambathiso sithe songezelwa ixesha de kube ngomhla wama30 kweyoMsintsi ka2025.

7. UPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI NEMINGCIPHEKO

Ukubekwa esweni kolawulo lwemingcipheko yeBhodi kunikwe iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kusenzelwa ukuncedisa iBhodi ekwenzeni imisebenzi yayo ngokwePFMA.

Ngoko ke iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko ijonga ukuba kuyenzeka oku:
- Ikhona imigaqonkqubo yokuchonga, ukulungisa nokulawula imingcipheko;
- Ukuba zikhona iindlela zokuphononononga imingcipheko neendlela zolawulo zangaphakathi;
- Indlela yokuchonga imingcipheko evelayo nokuphononononga iindlela ezikhoyo zokuyilawula;
- Ikhona indlela esebenzayo yolawulo lwangaphakathi; yaye
- Yonke imingcipheko engafakwanga kwi-inshorensi iphononongwa ilawulwe ngokukuko.

IKomiti eSebenzayo yoPhicotho lwangaphakathi izinikezela kuSomaqhuzu iingxelo ezingomsebenzi waseofisini ze ezingowokusebenza izinikezele kwiKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko.

IMigangatho yaMazwe ngaMazwe yeNtsebenzo yeeNgcali ezingaBaphicothizincwdi baNgaphakathi (IIA) 1312 ifuna uhlolo lwangaphandle luqhutywe ubuncinane kanye rhoqo ngeminyaka emihlanu, luqhutywa ngumhloli oqeqeshiweyo ozimeleyo okanye iqhela lohlolo elisuka ngaphandle kweziko. Umsebenzi wophincothozincwadi lwangaphakathi lweBhodi uye wahlolwa ngokoMgangatho 1312 wonyakamali ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2022. Izindululo ezivele kolu hlolo zisekwinkqubo yokuba ziqukunjelwe.

Ukuzinyaswa kwemihlangano ngamalungu eKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko kudweliswe ngezantsi apha:

IGAMA LELUNGU	INANI LEMIHLANGANO EZINYAZISIWEYO
1. UMnu L Nene [nguSihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko] [Watyunjwa njengelungu ngomhla we17 kweyoMdumba ka2021 de kwaba ngumhla we16 kweyoMdumba ka2024, waphinda watyunjwa ngomhla we13 kweyoKwindla ka2024 de kube ngumhla we12 kweyoKwindla ka2027.] [watyunjwa njengoSihlalo ukususela ngomhla wesihlanu kweyoKwindla ka2025 de kube ngomhla we12 kweyoKwindla ka2027.]	5 kwemi6
2. UMnu P Mukheli [Uyunjwe ukususela ngomhla we5 kweyeSilimela ka2023 de kube ngowesine kweyeSilimela ka2026.]	5 kwemi6
3. UMnu Y Rini [Watyunjwa ukususela ngomhla we13 kweyoKwindla ka2025 de kube ngowama29 kweyoMdumba ka2028.]	1 ko1
4. UMnu A Seymour [Watyunjwa ukususela ngomhla wokuqala kweyoKwindla ka2022 de kube gowamakweyoMdumba ka2025.]	5 kwemi5

Igama	Izidanga	Ngowan-gaphakathi okanye ngowanga-phandle	Ukuba ngowanga-phakathi, isikhundla kwiBhodi	Umhla wokutyunjwa	Umhla wokubeka phantsi	Inani lemih-langano ezinyasi-weyo
UMnuu L Nene	ISidanga sezoS-hishino – iBCom (kwe-zoGcinozincwa-di) IDiploma yasEm-va kweSidanga kwezingoLawulo (kuGxilwe kwezingoLawulo lwamaShishini) IMastazi kuSh-ishino lwaMazwe ngaMazwe	Ngowanga-phandle	Akunjalo	Um-hlawokuphindaat-yunjwe: 13 kweyoKwindla ka2024	Awukho	5 kwemi6
UP Mukheli	IOnazi kwiB Comm (kwezoPhicotoz-incwadi)	Ngowanga-phandle	Akunjalo	5 kweyeSilimela ka2023	Awukho	5 kwemi6
UY Rini	IMastazi kwezoShishino UyiCA (SA) ebhalisiweyo	Ngowanga-phandle	Akunjalo	13 kweyoKwindla ka2025	Awukho	1 ko1
UA Seymour	IOnazi kwiB. Compt. UyiCA(SA)	Ngowanga-phandle	Akunjalo	1 kweyoKwindla ka2022	Awukho	5 kwemi5

8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO

IBhodi iyayimisela imigaqonkqubo kunye neenkqubo zokuqinisekisa ukuthotyelwa kwayo yonke imithetho nemimiselo emele ukulandelwa leli qumrhu. IBhodi ichonge imithetho nemimiselo enyanzelekileyo ukuba iyithobele yaza yaqhuba umgaqo-sikhokelo wokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bayo bayayilandela le mithetho nemimiselo.

ISebe leeNkonzo zoMthetho lale Bhodi lirhuma kumaQumrhu ahlukeneyo eeNkonzo zoMthetho, maziko lawo akwiIntanethi, nathi ayazise malunga nemithetho emitsha okanye ehlaziyiweyo athso anike iqonga lokuqwalasela izigwebo malunga namatyala ahlukileyo enkundla. ISebe lezoMthetho lichonga lize lenze utshintsho lisebenzisa le mirhumo litsho lazise abasebenzi malunga notshintsho kwanohlalutyo olo. Kulo nyakamali ka2024/2025, iBhodi ayikhange yohlwayelwe nakuphi ukophulwa kwemithetho okanye imimiselo.

9. URHWAPHILIZO NOBUQHOPHOLOLO

IBhodi ifezekise umgaqonkqubo wokulwa noRhwaphilizo nobuQhopholololo, noye wahlaziywa kulo nyaka uphononongwayo. Le nkqubo iquka umnxeba wasimahla kazwelonke kuney nebhokisi yokunika ingxelo engenagama. IKomiti yeBhodi ejongene nokuLwa noRhwaphilizo noBuqhopholololo ibekelwe ukuphononononga naziphi izehlo zorhwaphilizo ize iOfisi yeBhodi inike ingxelo kwiKomiti yezeMali neIT kwakunye neKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko malunga nazo naziphi izehlo ekuthe kwanikezelwaingxelo ngazo.

10. UKUNCIPHISA UNGQUZULWANO LWEZIDINGO

Amalungu eBhodi yeWCGRB athi ekuqaleni konyakamali ngamnye agcwalise aze anike uluhlu lwazo zonke izinto anemidla kuzo nezinokuthi zingqubane nomsebenzi wawo njengamalungu eBhodi. Amalungu ebhodi kufuneka axele kuchaphazeleka anokuba nako kuyo nayiphi na imiba ekwiajenda phambi kwentlanganiso nganye yebhodi okanye yekomiti.

Xa kuthe kwakho nakuphi ukungqubana kwemidla, kufuneka ilungu leBhodi lazise uSihlalo lize emva koko liphume okanye lithathe inxaxheba kwingxoxo leyo ukuba iBhodi iwuthatha loo mba njengongenangxaki iphathekayo. Abasebenzi beWCGRB nabo kukwadingeka ukuba babhengeze nayiphi imiba ebachaphazelayo kwiintlanganiso zeBhodi okanye zeeKomiti, nakuzo naziphi iingxoxo, udliwanondlebe kunye nezigqibo ezithathwa yiOfisi.

IBhodi isaqhuba neenzame zayo zokungapheleli nje ekuqinisekiseni ngokuzimela, koko ibonakale ukuba izimele. Zonke izenzomali zenziwa ngendlela engalawulwa ngqo yiBhodi, nangona ushishino luyiqonda kakuhle indlela eyenza ngayo iBhodi, ukuba ayamkeli zipho, ngoko ke ayisaziphiwa izipho iBhodi. UMphicothizincwadi ukwasebenzisa uphicothozincwadi lonyaka ukuvavanya ukungachaphazeleki kwabo.

11. IKHOWUDI YOKUZIPHATHA

IKhowudi yokuziPhatha eYamkelekileyo ingundoqo ekubeni iBhodi ifezekise umgomo wayo wokwenza uluntu luyithembe ukuba inokuzisa imeko ezinzileyo, enobulungisa neyokuba kulandelwe imithetho. Le Khowudi yokuziPhatha idinga ukunikwa kwemigangatho ephezulu ngokukhokelela abasebenzi beBhodi kunye namalungu ayo kweyona ndlela yokusebenza iyiyo kunye nokuqhubeka kokuphucuka kwemigangatho. Ukulandelwa kweNdlela yokuziPhatha eYamkelekileyo inyanzeliswa ize ibekwe esweni ngawo; ngoko ke nakuphi ukuphulwa kwayo kujongwa ngokweKhowudi neeNkqubo zoLuleko zeBhodi.

Bonke abasebenzi kunye namalungu eBhodi bayakwazi ukuyifumana le Khowudi yokuziPhatha Yamkelekileyo kwiIntanethi ngokuba bangene kwi-intranethi yeBhodi, nalapho wonke umntu akwaziyo ukufikelela kuyo. Xa umsebenzi omtsha okanye amalungu eBhodi egqiba kunyulwa, le Ndlela yokuziPhatha iba yinxalenye yomQulu wokubacacisela umsebenzi, nalapho kufuneka aba bantu basayine ukuba bayifumene.

12. IMIBA YEMPILO, EYOKHUSELEKO NEYENDALO ENGQONGILEYO

IBhodi imisele iKomiti yeMpilo noKhuseleko eMsebenzini (eyiKomiti yeOHASA) eyasekwa ngokwemigaqo yeOccupational Health and Safety Act 85 ka1993. Le Komiti yeOHASA, enabameli bawo onke amasebe kwiBhodi, idibana qho ngekota kunyaka wonke ukwenzela ukuphonononga imeko yeMpilo noKhuseleko kwiBhodi kunye nokujongana nemiba enokuvela.

13. USOSIBA WENKAMPANI

IBhodi ayinaye uSosiba weNkampani. Noxakunjalo nje, uMnu Brink unguSosiba weBhodi.

14. UXANDUVA KULUNTU

Ngelixa iBhodi ingenazinkqubo zakukhathalela uluntu kulo nyaka, kodwa iBhodi inemiqathango eyibekayo kubanini-layisenisi ukuba baqinisekise ukuba babeka imali bucala ukwenzela ukuncedisana noluntu oluhluphekayo.

IBhodi isebenzisana nothotho lwamaqumgu ohlukileyo anxulumene noluntu kurhulumente yaye iyamelwa kwiinkqubo ezahlukeneyo zokunceda uluntu ilufundisa gnayo kunye neengxaki ezinokuba ngumvuka wongcakazo.

15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI KUNYE NEMINGCIPHEKO

Sichulumncie ukunikezea ngengxeo yonyakamali ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025.

Amalungu eKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko nokuzimasa kwawo

IKomiti yoPhicothozincwadi kunye neMingcipheko ibandakanya amalungu adweliswe ngezantsi apha yaye ihlangana ubuncinci kane ngonyaka ngokwemigaqo yesikhokelo sayo.

NAME OF MEMBER	INANI LEMIHLANGANO EZINYASIWEYO
1. UMnu L Nene [onguSihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko] [Watyunjwa ukususela ngomhla we17 kweyoMdumba ka2021 de kube ngomhla we16 kweyoMdumba ka2024. Watyunjwa njengoSihlalo ukususela ngomhla wesihlanu kweyeSilimela ka2023 de kube ngomhla we16 kweyoMdumba ka2024. Watyunjwa kwakhona ngomhla we13 kweyoKwindla ka2024 de kube ngomhl we12 kweyoKwindla ka2027, watyunjwa kwakhona njengoSihlalo ukususela ngomhla wesihlanu kweyoKwindla ka2025 de kube ngowe12 kweyoKwindla ka2027.]	5 kwemi6
2. UMnu P Mukheli [Owatyunjwa ukususela ngomhla wesihlanu kweyeSilimela ka2023 de kube ngomhla wesine kweyeSilimela ka2026.]	5 kwemi6
3. UMnu Y Rini [Owatyunjwa ukususela ngomhla we13 kweyoKwindla ka2025 kube ngowama29 kweyoMdumba ka2028.]	1 ko1
4. UMnu A Seymour [Owatyunjwa ukususela ngomhla wokuqala kweyoKwindla ka2022 de kube ngowama28 kweyoMdumba ka2025.]	5 kwemi5

UMnu Linda Nene
USihlalo weKomiti
yoAudit and Risk Committee

Kwisithuba sonyakamali u2024/25, mithandathu imihlangano eyabanjwa yaye ukuzimasa kwamalungu kudweliswe kule theybhile ingentla apha.

UXanduva lweKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko

IKomiti yoPhicothozincwadi neMimngcipheko iyifezekisile imisebenzi njengoko kumiselwe kwiCandelo 51(1)(a)(ii) lePublic Finance Management Act kwanakuMmiselo weSebe leMali 27.1.10. yamkele imigaqoefanalekileyo nesesikweni yezalathiso, njengoko idandalazisiwe kwiTshata yeKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko , yayenza imisebenzi yayo ngentobeko kule tshata, ze yayenza nemisebenz yayo njengoko kulindelekile.

IKomiti le iwenzile nomsebenzi wokuzivavanya rhoqo ngonyaka kwinkalo yokuthobela kwayo imisebenzi elindelekileyo ngokwemigaqo yeNgxelo yeKing IV kwezingoLawulo loShishino kwakunye nemigaqo yezalathiso, iMimiselo yeSebe leMali likaZwelonke echaphazelekayo, kunye nePublic Finance Management Act. IKomiti le iyithobele yonke imimiselo

Imihlangano

Abaphicothizincwadi bangaphandle nabangaphakathi bayayizimasa imihlangano yeKomiti, bafikelela ngokungenazithintelo kwiKomiti kunye noSihlalo wayo, yaye banikwa amathuba okubonisana neKomiti bengekho abalawuli, kub ngolo hlobo kuqinisekiswa ukuzimela kwayo.

IKomiti izihlalutyile iingxel oezingeniswe ngabaphicothizincwadi bangaphandle nabangaphakathi. Iziphumo ezi nkqubo zohlalutyo zinikezelwe njengeengxelo kwiBhodi rhoqo ngummeli okwiKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko genxa yeSikhundla sakhe ze rhoqo ngonyaka nguSihlalo.

Ukusebenza kwecandelo loLawulo lwezaNgaphakathi

Uhlalutyo lwethu lweziphumo zoPhicothozincwadi lwaNgaphakathi, ngokusekelwe kwiimvavanyo zomngcipheko ezenziweyo, ludandalazise amanqe athile. Ezi ke ziye zadluliselwa kubaphathi ze mhlawumbi kwathatyathwa amanyathelo oluleko okanye kungoku nje kuaqhutywa loo nkqubo yokuwamisela ngenjongo yokuthintela imingcipheko.

Inkqubo yezolawulo lwangaphakathi iyilelwe ukunikexel ngengqinisekiso esekelwe ekongeni ethi iiasethi zikhuselekile kanokuba amatyala kunye nemali yokusebenza alawulwa ngendlela yiyo. Inkqubo esetyenziswa yiWCGRB kulawulo lwemali nolwemingcipheko ivavanywe yafumaniseka iyesebenzayo, esemgangthweni nevulelekileyo.

Ngokwemigaqo yePublic Finance Management Act kunye neyeNgxelo yeKing IV kuLawlo lwezoShishino, uPhicothozincwadi lwaNgaphakathi lunikezela ngengqinisekiso kwiKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko kwanakubalawuli yokuba iinkqubo zolawulo lwangaphakathi zizezifanelekileyo nezisebenzayo. Le ngqinisekiso izuzeka ngokweenkqubo zolawulo loomngcipheko kwanangokufumaneka kweentshukumo zokulungisa kwakunye nemisebenzi yokuphucula endululweyo.

Akukho zintsilelo zither zabhaqwa kwinkqubo yolawulo lwezangaphakathi kwiingxelo zabaphicothizincwadi bangaphakathi, kwingxelo yophicothozoncwadi ngeengxelo zemali zonyaka, okanye kwingxelo eya kubalawuli yoMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika.

IKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko ikholisekile ekubeni umsebenzi wophicothozincwadi lwangaphakathi owenziwa liqumrhu langaphandle usebenza kakuhle yaye uthe wanika ingqwalasela efanelekileyo kumsebenzi wokunqansa kunye neenkqubo zolawuo eziphathelele kwimingcipheko ehlala ichaphazela iWCGRB.

UMsebenzi woPhicothozincwadi waNgaphakathi oQukunjelweyo

Kulo nyaka siwushukuxayo, kuthe kwaqukunjelwa ezi ntshukumo zohlalutyo lophicothozincwadi lwangaphakathi zilandelayo ukuze kube nokuvavanywa umiselo kwakunye nokusebenza zeenkqubo zolawulo lwangaphakathi kwezzi nkalo zahlukeneyo:

- IiNkcukacha ezingeNtsebenzo kwiiNjongo ebeZicwangciswe kwaNtlandlolo (iiPDO)
- Ukulandelelwa kweziphumo zophicothozincwadi zantlandlolo zangaphakathi nezangaphandle
- ULawulo lokuQhubekeka koShishino
- UHlalutyo loMngcipheko kwezoBuchwepheshe
- UHlalutyo loLawulo lweTyathanga leeNtengo
- UHlalutyo lweNgeniso
- UHlalutyo lweSebe leIT (iiNkqubo zokuLandelela zeICT kunye nezoLawulo lweeNkqubo)
- UHlalutyo lweSebe lokuThotyelwa kweMimiselo
- UHlalutyo lweenkqubo zolawulo zeWCGRB
- IOfisi kaSomaqhuzu kunye neyeBhodi
- UHlalutyo lweSebe leeLayisenisi
- UHlalutyo leSebe leMali nelezoLawulo
- UHlalutyo loLawulo lweMingcipheko yoShishino
- UHlalutyo lweCandelo leZibonelelo zaBasebenzi

ULawulo lwaseNyakeni kunye neNgxelo yeKota

IWCGRB ingenise iingxelo zekota kwiQumrhu eLongameleyo. IKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko ikholisekile ngumxholo kunye nomgangatho weengxelo eziqulunqwee ze zangeniswa kulo nyaka siwushukuxayo.

UMsebenzi weMali

Ukuqulunqwa kweengxelo zemali, kuquka iingxelo zemali zonyaka, kuqukunjelwe phantsi kwesikhokelo sikaNksz. Z. Siwa, oyiCA(SA). IKomiti izihlalutyile yaye ikholisekile bubungcali kunye namava kaNksz. Siwa, noSomaqhuzu, angfanelekileyo.

IKomiti ivakalise iinkxalabo zayo kwiBhodi malunga namanda kunye nokushokoxeka kwezibonelelo kwicandelo lemali, xa kuthelekiswa nezidingo zeWCGRB. Iyayiqonda eyokuba lo mba wenyusiwe wasiwa kuSomagunya oPhezulu yiBhodi.

INgqinisekiso eHlangnanyelweyo

IBhodi imisele ingqinisekiso ehlanganyelweyo kwiqumrhu ngokubanzi. Ingqinisekiso ifuaneka kuthotho lwababoneleli nendlela ehlanganyelweyo ngenjongo yokunqanda ukuphindaphindana kweenzame kwanokuze kuqinisekiswe ukuqwalaselwa komngcipheko.

ISicwangciso soPhicothozincwadi lwaNgaphakathi siqulunqwe kusetyenziswa indlela esekelwe kumngcipheko ngemboniswano nabalawuli. Ngapha koko, abaphicothozincwadi bangaphakathi nabangaphandle bayasebenzisana. Kunyakamali u2024/2025, iKomiti iqwalasele imingcipheko enikezelwe ngabalawuli, yavavanya ze yaphumeza izicwangciso zabaphcothizincwadi bangaphakathi nabangaphandle, ze yahlalutya iziphumo zomsebenzi wabo wophicothozincwadi.

IKomiti ikholisekile ukuba umsebenzi wababoneleli bengqinisekiso abazimeleyo, ngetsebenziswano neenkqubo zolawulo lwezangaphakathi zabalawuli, unikezela ngengqinisekiso efanelekileyo.

Uvavanyo lweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko ithe:

- Yahlalutya ze yaxoxa ngeeNgxelo zeMali zoNyaka eziphicothiweyo neziqulunqwe yiWCGRB ikunye noMphicothiincwadi Jikelele woMzantsi Afrika, abalawuli, kunye neBhodi;
- Yahlalutya ingxelo eya kubalawuli yoMphicothizincwadi Jikelele ndawonye nempendulo yabalawuli;
- Yahlalutya ukuthotyelwa kwezidingo zemithetho nezemimiselo yiWCGRB; ze
- Yahlalutya uhlengahlengiso lophicothozincwadi olususela kwinkqubo from the audit process.

Abaphicothizincwadi bangaphakathi

IKomiti iqwalasele ukuzimela kunyenokusebenza komsebenzi wophicothozincwadi lwangaphakathi. Ihlalutye ze yaphumezaiTshata yoPhicothozincwadi lwaNgaphakathi kwakunye neSicwangciso soPhicothozincwadi lwaNgaphakathi sika2024/25. Ngokusekelwe kubaphicothizincwadi bangaphakathi, iKomiti ikholisekile ekubeni iingqinisekiso ezinikezelweyo ziyathungelana neKhowudi yokuZiphatha yeQumrhu laBaphicothizincwadi baNgaphakathi.

Iingxelo zophicothozincwadi lwaangaphakathi zingeniswa kumhlangano weKomiti ngamnye yaye zinika ulwazi ngemeko yemicimbi yolawulo lwezangaphakathi. IKomiti ikholisekile ngokusebenza komsebenzi woPhicothozincwadi lwaNgaphakathi.

Abaphicothizincwadi bangaphandle

IKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko ikholisekile kukuzimela kwakunye nokungakhethi cla kwabaphicothizincwadi bangaphandle. Uvavanyo lwayo lubandakanyeingqwalasela yezinye iinkonzo ezenziweyo kwakunye nokuthotyelwa kokuzimela kwakunye namakhabathiso ongquzulwano lwezidingo njengoko kumiselwe yiBhodi Ezimeleyo yoMiselo yaBaphicothozincwadi (iIRBA).

IKomiti indulule ukuba iBhodi iphumeze isicwangciso qhinga sophicothozincwadi sika2024/25. Ikwavavanye intsebenzo kunye nokuziphatha kwabaphicothizincwadid bangaphandle ngesi sithuba sokunikezelwa kwengxelo yaye ikholisekile ngumgangatho womsebenzi wophicothozincwadi lwangaphandle.

IKomiti isihlalutyile isicwangciso somiselo seBhodi sokuqwalasela imiba yophicothozincwadi ethe yaphakanyiswa kunyaka ongaphambili yaye ikholisekile ukuba loo miba isonjululwe ngokufanelekileyo okanye ikwinkqubo yokusonjululwa.

IKomiti yoPhicothozincwadi neMingcipheko iyavumelana yaye iyalwamkela uluvo loMphcothizincwadi Jikelele ngeeNgxelo zeMali zoNyaka yaye indulula ukuba ezi Ngxelo zeMali zoNyaka zamkewel ze zifundwe kunye nengxeo yoMphicothizincwadi Jikelele.

NguMnu Linda Nene FIIA (SA), CPrac (SA), CCSA, CRMA
onguSihlao weKomiti yoPhicothozincwadi kunye neMingcipheko yeBhodi yoNgcakazoneMidyarho yeNtshona Koloni
Umhla: 31 kweyeKhala ka2025

16. UKUTHOTYELWA KWEENKCUKACHA ZENTSEBENZO YEB-BBEE

Le theybhile ilandelayo iqukunjelwe ngokwemigaqo yokuthotyelwa kwemimiselo yeB-BBEE yomthetho iB-BBEE Act ka2013 kwananjengoko kumiselwe liSebe lezoRHwebo, uShishino noKhuphiswano.

Ingaba iQumrhu likaRhulumente elo liyisebenzise nayiphi na iKhowudi yeNtsebenzo eNtle (iSatifikethi samaNqanaba eB-BBEE 1 – 8) kwinkalo yoku kulandelayo:		
Amakhabathiso	**Impendulo Ewe/Hayi**	**Ingxoxo**
Ukumiselwa kwamakhabathiso amalungelo okukhutshwa kweelayisenisi, iinyoba okanye ezinye izigunyaziso kwinkao yentshukumo yoqoqosho ngokwemigaqo yawo nawuphi na umthetho?	Ewe	IBhodi imisela imiqathango yeelayisenisi kumacandeo ohlukeneyo eli shishini, eyalathisi kwinqanaba eingundoqo lokuthotyelwa kweB-BBEE ekulindeleke ukuba lizuzeke. Ngapha koko, ukuba lo nqanaba liqinisekiseke kwisetifiketi sesiqinisekiso esikhutshwe yiarhente yengqinisekiso emiselwe ngokusesikwen.
Ukuqulunqwa nokumiselwa komgaqonkqubo weentengo kumashishini athile?	Ewe	IBhodi imisele uMgaqonkqubo wayo weSCM, inika ingqwalasela izidingo ezidandalaziswe kwiMimiselo yeSebe leMali, iMiyalelo yeSebe leMali, iMimiselo yokuThenga kuMashishini Athile kwanayo yonke imithetho echaphazelekayo enento yokwenza nolawulo lwetyathanga leentengo.
Ukumiselwa kwamakhabathiso okutnengiswa kwamashishini ombuso?	Hayi	IBhodi ayiloShishini loMbuso.
Ukuqulunqwa kwamakhabathiso okungena kwiindibansela necandelo labucala?	Hayi	IBhodi ayiloqumrhu linikezela iinkonzo. Ingukhala womiselo noqwalasela izicelo zeelayisenisi.
Ukumiselwa kwamakhabathiso okunikezelwa kweenyoba, iinkxasomali kunye nezkimu zoztyalomali ngenjongo yokuxhasa inkqubo eXananazisiweyo yokuXhotyiswa kwaBamnyama ngokoQoqosho?	Hayi	IBhodi iya kuwamisela loo makhabathiso ze xa inikezela ngeenyoba, iinkxasomali kunye nezkimu zotyalomali ngenjongo yokuxhasa ukuXhotyiswa kwaBamnyama ngokoQoqosho.

ISIGABA D:

ULawulo lweZibonelelo zaBasebenzi

1. INTSHAYELELO

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, iBhodi inesimo sequmrhu esiphunyaziweyo esibandakanya izikhundla ezili115. Kweli nani, ama74 ezikhundla asafumana inkxasomali kungoku nje, apho ama65 avingciweyo ze kwasala izikhewu ezilithoba.

Ukwanda kwinani elipheleleyo lezikhundla kungumvuka wohlalutyo lwakutsha nje lesimo sequmrhu, ofumanise isidingo saezinye izakhono zokuxhasa ukukhula kongcakazo kunye nemidyarho

Ukwanda oku kwinani elipheleleyo lezikhunda kususela kuhlalutyo lwesimo sequmrhu, olufumanise Isidingo sezahono ezongeelelekileyo ukuze kube nokuxhaswa ukukhula kwecandelo longcakazo nemidyarho—elimiselwa yiBhodi—kwanokuqinisekisa ukuqhuba kokuthotyelwa kwezidingo zemimiselo ezinezidingo zomiselo eziqhubekekayo.

Noxa kunjalo, umiselo olugqibeleleyo lwesimo esihlengahlengisiweyo sisilela ngenxa yokushokoxeka kwemali. Ukufezekisa iinzuzo ezicetyiweyo zohlalutyo lwesimo kwanokuqinisekisa ukuba iBhodi inezibonelelo ezaneleyo ukuze ibe nokuzalisekisa isigunyaziso sayo, inkxasomai eyongezelelekileyo iyadingeka ukuze kube nokusetyenziswa ze kugcwaliswe izikhundla eezisandula ukudalwa.

ICandelo leZibonelelo zaBasebenziz linikezela ngeenkonzo ezigqibeleleyo kwakunye nenkxaso yesicwangcisoqhinga kwiWCGRB. Uxanduva lwayo lususela kuthotho lwemisebenzi yolawulo lwabantu kwakunye nemisebenzi yophuhliso lwequmrhu, kuquka:

- Ukugaya nokuqhelanisa
- Ukugaywa kwetalente kwanokugcinwa kwayo
- Ulawulo lwentsebenzo
- Uphuhliso lwezakhono noqeqesho
- Ubudlelane nabasebenzi kunye necandelo lorhwebo
- Umakulinganwe kwezengqesho kunye nolawulo lweyantlukwano
- Impilo nokhuseleko emsebenzini
- Impilontle yabasebenzi kunye nenkxaso yempilo yengqondo
- Ukuthotyelwa kweHR kunye nokunikezelwa kweengxelo zomthetho
- Uphuhliso lwemigaqonkqubo, uhlalutyo kunye nomiselo
- Amarekhodi aseHR kunye nolawulo lweenkcukacha

Icandelo lezolawulo lwenkqubo yemivuzo liawulwa ngokwahlukileyo liSebe lezoLawulo neMali.

UBUME BEMIBA YEZIBONELELO ZABASEBENZI (IHR) KWIBHODI

Oku kulandelayo ngoondoqo beHR abebemiselwe lo nyaka siwushukuxayo:

- Ukugaya nokuqasha abasebenzi abanezakhono ezidingekayo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iBhodi ixhobe ngeezakhono kunye nobungcali obudingekayo ukuze kube nokuzalisekiswa iinjong ozesicwangcisoqhinga nezentsebenzo yayo.
- Ukuphakanyiswa kweyantlukwano kubasebenzi kwakunyenomakulinganwe, apho kugxilwe ingakumbi ekumelweni ngokuliganayo kwamqela amiselweyo kuwo onke amabakaka nama, ngothungelwano neSicwangciso seBhodi sikaMakulinganwe kwiNgqesho.
- Ukutyala imali kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi oluqhubayo ngokwamalinge agxilileyo oqeqesho ayanyaniswe neZicwangciso zokuPhuhla koMntu, ukuze kube nokuvuselelwa izakhono zabasebenzi ze kuxhaswe iakhono ezikumgangatho ophezulu.
- Ukudalwa nokugcinwa kwendawo yokusebenzela ekhuselekileyo nethobela imimiselo, efumana isikhokelo kwimithetho yempilo nokhuseleko emsebenzini kwakunye neenkqubo ezizezona zingcono.
- Ukumiselwa kwenkcubeko esekelwe kwiinkubo zolawulo lwentsebenzo evuelekileyo ezixhasa ukuthabathela uxanduva kunye nogqweso.
- Ukudalwa kwenkcubeko yequmrhuexabise impilontle yabasebenzi nephakamisa inkqubo esekelwe kuluntu.
- Ukwenziwa kwemisebenzi yohlalutyo lwemigaqonkqubo yeHR rhoqo ukuze kuqinisekiswe ukuthotyelwa kwemithetho, ukusabela kwizidingo zabasebenz ezivelayo, kwanokuthungelaniswa neenjongo zequmrhu.
- Ukwenziwa kovavanyo lwemisebenzi ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iingcaciso ngeisebenzi, izimiselo, kunyenezimo zemivuzo zihlala zifanelekile, yaye zithungelaniswe neenguqu kwisimo sequmrhu.

ISikhokelo soCwangciso lwezaBasebenzi kwakunye neZicwangcisoqhinga zoGayo

Icandelo leZibonelelo zaBasebenzi liyaqhuba nokuqhuba izicwangcisoqhinga ezingundoqo ukuze kubee nokujongwana nemingeni efunyanisiweyo yabasebenzi. Izidingo zengqesho zeBhoddi zizalisekiswa ngokuthi kugaywe ze kukhethwe abagqatswa abaza kuqeshwa ngokwezakhono, amava nezidanga zabo ngenjongo yokufezekiswakwezidingo zomsebezi lowo.

Zonke izikhundla, ezangaphakathi nezangaphandle ekufuneka zifikelele kwelona nani likhulu labatu, ingakumbi kumaqela ekugxilwe kuwo. Amaqonga ezibhengezo, kuquka namajelo einyanethi, akhethwa ngendaba yokuba abiza kancinci kwanethuba lokuba angafikelela kwinani elifanelekileyo labantu ekujoliswe kubo.

Kulandelwa indlela evulelekileyo nengakhethe cala xa kuqeshwa. Ummeli weKomiti kaMakulinganwe kwiNgqesho iyabandakanyeka kwinkqubo yokucuthwa kwenani labagqatswa ze amenywe kwimihlangano yodliwanondlebe njengomakhimkhanya. ISebe leZibonelelo zaBasebenzi liye liqinisekise nangakumbi ukuba yonke imihlangano yodliwanondlebe yengenamakhwiniba, elandelelanayo, evulelekileyo, engaxhaphaziyo neyayamene neenkqubo ezizizo zokusebenza.

Isikhokelo solawulo lwentsebenzo yabasebenzi

IBhodi inenkqubo yolawulo lwentsebenzo ndawonye noMgaqonkqubo woLawulo lweNtsebenzo ophunyeziweyo onikezela isikhokelo esicacileyo sokulinganisela nokuvuselela intsebenzo yabasebenzi neyequmrhu.

Inkqubo yolawulo lwentsebenzo iquka uhlalutyo lwaphakathi enyakeni ndawonye novavanyo lonyaka, apho kuqhuba uhlolo lweethagethi zentsebenzo ezayamene nesivumelwano sentsebenzo yomsebenzi ngamnye.

Apho okulindeleke kwintsebenzo kungafikelelekiyo, kuye kuthatyathwe amanyathelo afanelekileyo ngokwemigaqo yeLabour Relations Act ngokwenkqubo emiselweyo yolawulo lwentsebenzo efe amanqe.

Iinkqubo zempilontle yabasebenzi

IWCGRB iyalunakana uxanduva lwayo lokuthintela kunye/okanye lokunqanda uxinzelelo lwempilo yengqondo ndawonye nemingeni yomntu ekujanyelwene ngayo ngabasebenzi neentapho zabo. IBhodi izinikele ekuphakamiseni iindlela zokuphia ezisempilweni nezixhasa imilontle yabasebenzi.

Inakana ukuba aimiba engekasombululeki yomntu okanye echaphazela umsebenzi ingaba nefuthe elibi kubantu nakwiqumrhu. Iziphumo zingabandakanya ukwanda kwezinga lokungaphangeli, umfutho ophantsi, ukwehla kwezinga loentsebenzo, izinga eliphezulu lokubeka phantsi kwabasebenzi kwakunye nomngcipheko wokungabi nazakhono.

INkqubo yeMpilontle yaBasebenzi (iEWP) yasekelwa ukubonelel ngendawo yokusebenzela enenkathalo, enika inkxaso nejolise kuluntu. Inkqubo le ijolise ekuncediseni abasebenzzi ekulawuleni imingeni yabo njengabantu, eyomoya neyoluntu enokuthi ichaphazele iimpilontle yabo yentsebenzo.

IEWP ihlolwa ngokweengxelo zekota nezonyaka, eziquka ukuhlalutywa kweenguqu, ukufunyanswa kwemingcipheko, iimpembelelo zentsebenzo kwakunye nezindululo zamalinge agxilileyo. Iinkonzo ziquka umnnxeba osebenza 24/7/365 weengcebiso neentuthuzelo, unonophelo kwiqonga lezobuchwepheshe, iingcebiso ubuso ngobuso, inkxaso kwiintsizi kunye nokusabela kwizehlo ezinkulu.

Ukuqulunqwa kwemigaqonkqubo

ICandelo leZibonelelo zaBasebenzi lihlalutya imigaqonkqubo yeHR ngenjongo yokuqinisekisa uthungelwano nemithetho ecaphazelekayo kwakunye neenkqubo zokusebeza ezintle. Olu vavanyo luqhubayo lubalulekile ekugcinweni kwemeko yokusebenzela engenamkhethe, ethobela imithetho nesebenzayo.

Uqulunqo lwemithetho lulandelayo inkqubo yokubonisana eegqibeleleyo ebandakanya amahlakani achaphazelekayo – kuquka abasebenzi, abalawuli, kunye nabacebisi bomthetho – ukuze kube nokuqinisekiswa ukuthatyathwa kwenxaxhena koluntu ngokubanzi ze kufumaneke nesivumelwano.

Iinzuzo

Kulo nyaka siwushukuxayo, iCandelo leZibonelelo zaBasebenzi lenze eli galelo lilandelayo:

- Lihlalutye ze lahlaziya imigaqonkqubo yeHR ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho kwanokusebenza ngendlela okuqhubayo.
- Linikezele isikhokelo sokugaya nokukhetha abasebenzi abanezakhono ngenjongo yokuxhasa iinjongo zesicwangcisoqhingas nezentsebenzo yeWCGRB.
- Lingenise iSicwangciso seZakhono zaseMsebenzini (iWSP) kunye neNgxelo yoMiselo loQeqesho ngokwemigaqo yezidingo zeCATHSSETA.
- Uqeqesho oluhlanganyelweyo kwakunye namalinge ophuhliso njengoko emiselwe kwiWSP.
- Iqinisekise ukungeniswa kwangethuba kweNgxelo kaMakulinganwe kwiNgqesho kwiSebele leMisebenzi, ngokwemigaqo yeEmployment Equity Act.
- Lavuselela iinkqubo zolawulo lweenkcukacha zeHR ngenjongo yokuphucula ukusebenza kweenkqubo.
- Lamisela iSicwangciso seNkcubeko yeQumrhu nesobuNkokheli ngenjongo yokuvuselela imeko yokusebenzela ephilileyo.
- Laphakamisa iNkqubo yoNcedo kuBasebenzi ngenjongo yokwandisa ulwazi kwanokusebenzisana nabasebezi.
- Lagcina imeko yokusebenzela ekhuselekileyo nesempilweni kubo bonke abasebenzi.

Imingeni

Umngeni omkhulu usekukushokoxeka kwemali ekhouyo ukuze kumiselwe isimo sequmrhu esihlaziyiweyo. Esi simo ke sibalulekile ekufezekisweni kwezidingo zongcakazo nmidyarho kwanokuthungelaniswa kwazo neenjongo zesicwangcisoqhinga sequrhu.

Ukususela ekusekweni kwayo, isimo seBhodi siye sahlala singenazinguqu ubukhulu becala noxa zikho nje iinguqu ezimandla kwimisebenzi yomiselo kweli qumrhu. Oku kuye kwandisa imithwalo yomsebenzi kubasebenzi abakhoyo, Kubeka uxinzelelo kwinkonzo yokuhanjiswa kweenkonzo kwakunye nesidima sentsebenzo.

Ngapha koko, isimo sequmrhu esiplati siyawacutha amathuba okuphuhla ngokwamakhono, loo nto ikhokelele ekushiyweni ngabasebenzi. Noxa lubonakala nje lona utyalomali kuqeqesho, sele ingumbono oqhelekileyo owokushiywa ngabasebenzi abanezakhono bekhangela amadlelo aluhlaza ngokwamakhono, nto leyo ikhokelela ekuphulukneni nolwazi namava ngeli qumrhu.

Amanqanaba emivuzo ale Bhodi angaphantsi kunemiyinge yeli andelo, nto leyo ithintela Amandla aayo okugaya nokugcina iingcali ezinezakhono. Indibanisela yemithwalo emikhulu yomsebenzi kunye nemivuzo ephantsi ngokwentelekiso iyasichaphazela isimo sabasebenzi, ibe nefuthe kwinkuthazo, ukubonisana kunye netsebenzo.

Izicwangciso zeKamva zeHR kunye neeNjongo zeSicwangcisoqhinga

ICandelo leZibonelelo zaBasebenzi liya kuqhuba nokuthungelanisa amalinge neSicwangciso seSicwangcisoqhinga seBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni kwakunye neSicwangciso seNtsebenoz yoNyaka. Aba ndoqo balandelayo bafunyanisiwe:

- Utyalomali oluqhubayo kuqeqesho lwabasebenzi kwakunye nophuhliso, kube kugxilwe kwezobuchwepheshe, ezobunkokheli, kunye nezakhono ezichaphazela ukuthotyelwa kwemimiselo.
- Ukugaywa nokugcinwa kwabasebenzi abazinga alabo lomsebenzi liphezulu nabaneakhono ukuze kube nokuxhaswa isigunyaiso seBhodi somiselo esihamba namaxesha.
- Ukumiselwa kweSicwangciso esihlaziyiweyo sikaMakulinganwe kwezeNgqesho, apho amalinge agxile ekungabonakalini kwabantu abasuka kumaqela athile ngokokhlanga.
- Ukugcinwa kwendawo yokusebenzela ekhuselekileyo, esempiweni nebandakanayo, ngokwemigaqo yeyemithetho yeMpilo noKhuseleko eMsebenzini.
- Ukwenziwa luqilima kwenkcubeko ekhatshelwa yintsebenzo ngokuthi kuphuulwe ulawulo lwentsebenzo kwakunye nezikhokelo zokuthabathela uxanduva.
- Ukuphakanyiswa kunye nomiselo oluqhubayo lweNkqubo yeMpilontle yaBasebenzi ukuze kube nokuxhaswa impilontle yabasebenzi kunye nentsebenzo.
- Ukumincwa kwanokwenziwa ngokobuchwepheshe kweekqubo zeHR ukuze kube nokuphucuwa umgangatho kunye nokusabela.
- Umiselo oluqhubayo lweSicwangciso seeeNguqu kwiNkcubeko yeQumrhu neyezoBunkokheli ukuze kube nokuvuselelwa kobunkokheli obusekelwe kwimigqaliselo kwanokuqhutywa kweenguqu ekuziphtheni.
- Uhlalutyo lwarhoqo kwakunye nokuthungelaniswa kwemigaqonkqubo yeHR nemithetho echaphazelekayo, imigangatho yephondo, kunye neenkqubo ezntle zentsebenzo.

2. IINKCUKACHAMANANI ZOKUBEKWA KWELISO KWIZIBONELELO ZABASEBENZI

2.1 Inkcitho echaphazela abasebenzi

Indleko kuBasebenzi ngokwenkqubo

Inkqubo	Inkcitho yequmrhu iyonke (R' 000)**	Inkcitho kuBasebenzi (R' 000)	Inkcitho kuBasebenzi njenge% yenkcitho iyonke	Inani laBasebenzi	Umyinge weNkcitho kuMsebenzi ngaMnye (R' 000)
IBhodi kunye nezingoLawulo*	33 400	16 763	22%	32	524
EzeeLayisenisi	16 476	16 095	21%	25	644
Ukuthotyelwa kwemimiselo	18 825	17 671	23%	27	654
I-ICT	8 763	3 615	5%	5	723
ITOTALI	77 464	54 144	70%	89	608

** Inkcitho epheleleyo ayilibandakanyi izinga lokwenyuka kwamaxabiso kwakunye nokuhlwulwa ngokugqibeleleyo kwamatyala, kwakunye nezinye izinto ezingeyomali, kodwa iquka inkctho kwiiasethi ezinkulu.

* IBhodi kunye nenkqubo yezingoLwulo iquka iBhodi, iSebe lezoLawulo neMali, aBalawuli abaPhezulu kwakunye neshumi elinambiin (12) labasebenzi abangesosigxina.

Indleko yabasebenzi ngokwebakala lomvuzo

Inqanaba	Inkcitho kuBasebenzi (R' 000)**	I% yeNkcitho kuBasebenzi ukuya kkwiNkcitho kuBasebenzi iyonke	Inani laBasebenzi	Umyinge wendleko kuBasebenzi ngomoMsebenzi ngamnye (R' 000)
Abalawuli abaphezulu	1 722	4%	1	1 722
Abalawuli abasisigqe	7 575	16%	6	1 263
Iingali ezinezidanga	10 392	21%	11	945
Abanezakhono	22 703	47%	31	732
Abanezakhono ezingephi	6 065	13%	16	379
Abangenazakhono	-	0%	-	-
ITOTALI	48 457		65	

** Ayiyibandakanyi imivuzo yaeBhodi ezi**R2 024 067**, isibonelelo sendlu esingama**R989 296**, imivuzo yabasebenzi abangesosigxina**R2 318 497** nengqokelela/nezibonelelo zemivuzo uyonke esi**R 1 065 840.**

Amawonga eNtsebenzo

Akukho zintlawulo zebhonasi zither zahlawulwa kunyakamali u2024/25.

Iindleko zoQeqesho

Inkqubo	Inkcitho kuBasebenzi (R'000)**	Inkcitho kuQeqesho (R'000)	Inkcitho kuQeesho njenge% yeNdleko kuBasebenzi	Inani labasebenzi abaqeqeshiweyo	Umyinge wendlep ko yoqeqesho kuMsebenzi ngamnye ('000)
IBhodi neingoLawulo	17 474	228	1.30%	20	11
Ukuthotyelwa kweMimiselo	17 671	73	0.41%	21	3
IiLayisenisi	16 095	0	0.00%	22	0
I-ICT	3 615	38	1.05%	5	8
ITOTALI	54 855	339	0.62%	68	5

** Inkcitho kuBasebenzi njengoko idandalazisiwe kwiNowuthi 22 ehlonyelwe kwiingxeleo zemali.

Inani elipheleleyo labasebe nzi abathe baqeqeshwa liquka abasebenzi abangesosigxina. Inkcitho kuqeqesho iquka uncedo lwemali kwizifundo zamaxesha athilee

Ingqesho kunye nezikhewu zengqesho

Inkqubo	2023/2024 Inani laBasebenzi	2024/2025 Izikhundla eziPhunyeziweyo	2024/2025 Inani laBasebenzi	2024/2025 Izikhewu zengqesho	I% yezikhewu zeNgqeshos
Ezingolawulo	6	10	6	4	40%
USomaqhuzu	7	7	6	1	14%
Abalawuli	5	7	7	-	0%
Ukuthotyelwa kwemimiselo	22	24	21	3	13%
Ezeelayisenisi	21	22	21	1	5%
I-ICT	4	4	4	-	40%
TOTAL	69	74	65	9	12%

Inqanaba	2023/2024 Inani laBasebenzi	2024/2025 Izikhundla eziPhunyeziweyo	2024/2025 Inani laBasebenzi	2024/2025 Izikhewu zengqesho	I% yezikhewu zengqesho
Abalawuli abaphezulu	1	1	1	-	0%
Abalawuli abazizikhulu	4	6	6	-	0%
Iingcali ezinezidanga	11	13	11	2	15%
Abanezakhono	33	36	31	5	14%
Abanezakhono ezingephi	16	18	16	2	11%
Abangenazakhono	-	-	-	-	0%
ITOTALI	65	74	65	9	12%

Zikho iinzame ezenziwayo kungoku nje zokuvingcwa kwezikhewu kweli qumrhu. Kwiimeko ezithile, izikhundla kuye kwafuneka ziphinde zibhengezwe ngenxa yokuba inkqubo yokuqala yokugaya abagqatswa abanezakhono ezidingekayo. IBhodi isazinikele ekubeni kuqashwe bonke abadingekayo ngokwemigaqo yeenkqubo ezithabathela ingqalelo izidanga, nezivulelekileyo, ngenjongo yokugya abona banezakhono.

Iinguqu kwingqesho

Ibakala loMvuzo	Ingqesho ekuqaleni kweli xesha	Abaqeshiweyo	Abayekileyo	Ingqesgo ekupheleni kwexesha
Abalawuli abaphezulu	1	-	-	1
Oosomaqhuzu	4	2	-	6
Iingcali ezinezidanga	11	-	1	10
Abanezakhono	33	-	1	32
Abanezakhono ezingephi	16	-	-	16
Abangenazakhono	-	-	-	-
ITOTALI	65	2	2	65

Isizathu sokumka kwabasebenzi

Isizathu	Inani	I% yenani eliphelelelyo eliphelelelyo labasebenzi abemkileyo
Kukufa	1	100%
Kukubeka phantsi	-	-
Kukugxothwa	-	-
Ngumhlalaphantsi	-	-
Kukuba nkenenkene kwempilo	-	-
Kukuphela kwesingxungxo	-	-
Sesinye	-	-
Itotali	1	100%

Akubangakho basebenzi babeke phatnsi kwisithuba sonyakamali u2024/2025. Kwababini abathe bashiya indawo njengoko kudandalazisiwe kwitheybhile engentla apha, owokuqala ube ngenxa yokusutywa kukufa, ze omnye kwangenxa yokwenyuselwa kwangaphakathi apha – umsebenzi lo ubeke phantsi kwisikhundla abekuso kuba esamkela esinye esingentla kuneso kwalapha kwiqumrhu.

Kubalulekile ukuqwalasela ukuba isimo esiplati seBhodi sinamthuba ambalwa esinokuwanikezela kwinkalo yokwenyukselakwikhono. Oku kuhlala kuyinkxalabo, ingakumbi xa kuqwalasela ixesha elininzi elisetyenziswe apho, inzame, izibonelelo kuqeqeshwa yaye kuphuhliswa abasebenzi.

Njngomvuka woko, abanye abasebenzi baye balishiye eli qumrhu bekhangela amadlelo aluhlaza kwezinye iindawo. Omnye umba obalulekileyo onegalelo ekuhambeni kwabasebenziz ngamanqanaba emivuzo kwiBhodi, esengaphantsi kumyinge wecandelo kwezi zikhundla zikwafanayo Toku kungaqhuba nokuba nefuteh kwisakhono sequmrhu sokugaya kwanokugcina abasebenzi abanezakhon okwixesha elide elizayo.

Imiba yeNgqesho: Ukungaziphathi kunye neentshukumo zoluleko

Uhlolo lweNtshukumo zoluleko	Inani
Isilumkiso ngomlomo	-
Isilumkiso esibhaliweyo	-
Isilumkiso esibhaliweyo sokugqibela	-
Ukugxothwa	-
ITOTALI	-

Ithagethi kaMakulinganwe kunye Simo sikaMakulinganwe kwiNgqesho

Amanqanaba	Kumadoda Rq							
	AmaAfrika		AbeBala		AmaNdiya		Abelungu	
	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi
Abalawuli abaphezulu	-	-	1	1	-	-	-	-
Oosomaqhuzu	1	1	2	1	-	-	-	1
Iingcali ezinezidanga	2	3	1	3	1	-	4	1
Abanezakhono	5	8	11	9	0	0	2	3
Abanezakhono ezingephi	3	4	2	4	0	0	1	2
Abangenazakhono	-	-	-	-	-	-	-	-
ITOTALI	11	16	17	18	1	-	7	7

Amanqanaba	Kumanina							
	AmaAfrika		AbeBala		AmaNdiya		Abelungu	
	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi
Abalawuli abaphezulu	-	-	-	-	-	-	-	-
Oosomaqhuzu	1	1	2	1	-	-	-	-
Iingcali ezinezidanga	-	2	1	2	-	-	2	1
Abanezakhono	4	7	9	8	-	-		3
Abanezakhono ezingephi	2	3	6	4	-	-	2	1
Abangenazakhono	-	-	-	-	-	-	-	-
ITOTALI	7	13	18	15	-	-	4	5

ULAWULO LWEZIBONELELO ZABASEBENZI

Amanqanaba	Abasebenzi			
	Amadoda		Amadoda	
	Abakhoyo	Ithagethi	Abakhoyo	Ithagethi
Abalawuli abaphezulu	-	-	-	-
Oosomaqhuzu	-	-	-	-
Iingcali ezinezidanga	-	-	-	-
Abanezakhono	-	-	-	-
Abanezakhono ezingephi	1	1	-	-
Abangenazakhono	-	-	-	-
ITOTALI	1	1	-	-

IWCGRB iyakunakana ukubaluleka kkokugcina abasebezi abamele zonke iintlanga zeNtshona Koloni. Ukuza kuthi ga ngoku, iithagethi zikamakulinganwe kwingqesho ziyaqwalaselwa ngokukodwa ngesithuba senkqubo yokugaya nokukhetha.

Kusetyenziswa rhoqo indlela evulelekileyo nengakhethe cala yokuqesha. Ummeli weKomiti kaMakulinganwe kwiNgqesho naye uthabatha inxaxheba kwinkqubo yokwenziwa koluhlu olufutshane lwamagama abagqatswa ze azimase imihlangano yodliwanondlebe ngengomakhimkhanya. ISebe leZibonelelo zaasebenzi liqinisekisa ukuba zonke iintlangano zodliwanondlebe azikhethe cala, azixhaphazi, zigxile kwizakhino zabagqatswa, amava kunye nezidangaa ezifanelekileyo kwizidingo zeso sikhundla.

ISIGABA E:

INgxelo engokuThotyelwa kwePFMA

1. INKCITHO ENGAGUNYAZISWANGA, ENGENANZUZO KUNYE NYILAHLEKO KWAKUNYE NELAHLEKO KWEZIPHATHEKAYO

1.1. Inkcitho engagunyaziswanga

a) Ukuthungelaniswa kwenkcitho engagunyaziswanga

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Ibhalansi yokuvula	0	0
Uhlengahlengiso kwibhalansi yokuvula	0	0
Ibhalansi yokuvula njengoko iphinde yavezwa	0	0
Isongezo: inkcitho engagunyaziswanga eqinisekisiweyo	704	0
Nganeno: inkcitho engagunyaziswanga engahoyakelanga	0	0
Nganeno: inkcitho engagunyaziswanga engakhange ingahoyakali nesusiweyo	0	0
Nganeno: inkcitho engagunyaziswanga ebuyisekayo	0	0
Nganeno: inkcitho engagunyaziswanga engabuyisekiyo necinyiweyo	0	0
Ibhalansi yokuvala	**704**	**0**

Iinowuthi zokuthungelanisa

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga ebiphantsi kovavanyo	0	0
Inkcitho engagunyaziswanga ephathelele kunyaka ongaphambili nefunyaniiswe kulo nyaka sikuwo	0	0
Inkcitho engagunyaziswanga yalo nyaka sikuwo	704	0
Itotali	**704**	**0**

Kulo nyaka, iqumrhu ithenge iinkonzo zemibhobho ykunye nezombane ngaphandle kokuchaza izidingo ezingundoqo zamanqanaba eCIDB kwiimpepha zesicelo sezinikimaxabiso, njengoko kulindelekile ngokwemigaqo yoMmiselo 25 weMimiselo yohuhliso yeCandelo lezoLwakhiwo. Le ntsilelo ikhokelele ekungahlelweni kakuhle kwalo msebenzi njengowolungiso oqhelekileyo endaweni yokuba kuthiwe ngowolwakhiwo, nto leyo yenziwe mbi nangakumbi zizikhewu zengqesgo ezikwicandelo leSCM. Nangona inkqubo yona ithe yatenxa kwimigaqo, amashishini aqeshiweto ebebhalisiwe kwiCIDB ngexesha lokuqeshwa kwawo.

b) Iinkcukacha zenkcitho engagunyaziswanga (eziphantsi kovavanyo, komiselo, kunye nophando)

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi kovavanyo	13	988
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi komiselo	704	0
Inkcitho engagunyaziswanga esephantsi kophando	0	0
Totalii	717	988

Kwizixa ezidandalaziswe "phantsi kweemvavanyo," iAGSA iphakamise izimvo ezimbini ngonyaka ongaphambili kunye nolunye ngalo nyaka sikuwo. Ezizimvo zohathelele: ekusileleni ukufumana iikowuti ezintathu; iintlawulo ezenziwe phantsi kwesibhambathiso ezigqithise kwizixa ebezikowutiwe; kwanokwahlukaniswa kweentengiselwano endaweni yokuzithenga njengentengiselwano yentengo enye.

Ezi zimvo ziphakanyiswe ngonyaka ongaphambili, njengoko iBhodi yenyuse umba othile kwiSebe leMali – ngokuwudlulisa kwiSebe leMali lePhondo – owawumalunga nesicelo ngokweSikhokelo sokuThotyelwa nokuNikezelwa kweNgxelo yePFMA. Impendulo yafumaneka ngenyanga kaCanzibe ka2025. Ngokusekelwe kwisikhokelo esinikezelwe liSebe leMali kwiPhondo, esi sityholo senkcitho engagunyaziswanga kungoku nje siya kuvavanywa ze siqwalaselwe ngokemigaqo yeSikhokelo sokuThotyelwa nokuQulunqwa kweeNxelo zePFMA.

c) Iinkcukacha zenkcitho engagunyaziswanga

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga engahoyakalanga	0	0
Itotali	0	0

d) Iinkcukacha zenkcitho engagunyaziswanga esusiweyo - (engakhangenge ingahoyakali)

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcukacha engagunyaziswanga ENGAKHANGE ingahoyakali nesusiweyo	0	0
Itotali	0	0

e) Iinkcukacha zenkcitho engagunyaziswanga ebuyisekayo

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyziswanga ebuyisekayo	0	0
Itotali	0	0

f) Iinkcukacha zenkcitho enggunyaziswanga ecinyiweyo (engabuyisekiyo)

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engagunyaziswanga ecinyiweyo	0	0
Itotali	**0**	**0**

Isidandalaziso esongeelelekileyo esiphathelele kwiiNtsebenziswano namanye amaQumrhu

g) Iinkcukacha zeemeko zokungathotyelwa apho iqumrhu libandakanyeka kwintsebenziswano namanye amaqumrhu (apho eli qumrhu *ingelilo* elinoxanduva lokungsathobeli)

Ingcaciso
Ayikho.
Itotali

h) Iinkcukacha zenkcitho engagunyaziswanga apho iqumrhu libandakanyeka kwintsebenziswano namanye amaqumrhu (apho elo qumrhu ililo elinoxanduva lokungathobeli)

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Ayikho.	0	0
Itotali	**0**	**0**

i) Iinkcukacha ezingamanyathelo oluleko okanye ezolwaphulomthetho athe athatyathwa njengomvuka wenkcitho engagunyaziswanga

Ingcaciso
Ayikho.

1.2. Inkcitho engenanzuzo neyilahleko

a) Ukuthungelaniswa kwenkcitho engenanzuzo neyilahleko

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Ibhalansi yokuvula	-	-
Uhlengahlengiso kwibhalansi yokuvula	-	-
Ibhalansi yokuvula njengoko iphinde yavezwa	-	-
Isongezo: Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ethe yaqinisekiswa	-	10
Nganeno: Inkcitho engenanzuzoz neyilahleko engabuyisekiyo	-	(10)
Nganeno: Inkcitho engenanzuzo neyilahleko engabuyisekyo necinyiweyo	-	-
Ibhalansi yokuvala	-	-

Inowuthi zothungelwaniso

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ebiphantsi kovavanyo	0	0
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ephathelele kunyaka ongaphambili nefunyaniswe kulo nyaka sikuwo	0	0
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko kulo nyaka sikwuwo	0	10
Itotali	0	10

b) Iinkcukacha zenkcitho engenanzuzo neyilahleko (esephantsi kovavanyo, komiselo nophando)

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko esephantsi kovavanyo	0	0
Inkcitho engenanzuzo neyilahleo esephantsi komiselo	0	0
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko esephantsi kophando	0	0
Itotali	0	0

c) Iinkcukacha zenkcitho engenanzuzo neyilahleko ebuyisekayo

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ebuyisekayo	0	10
Total	0	10

d) Iinkcukacha zenkcitho engenanzuzo neyilahleko engabuyisekiyo necinyiweyo

Ingcaciso	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Inkcitho engenanzuzo neyilahleko ecinyiweyo	0	0
Itotali	0	0

e) Iinkcukacha ezingamanyathelo oluleko nawamatyala olwaphulomthetho athe athatyathwa njengomvuka wenkcitho engenanzuzo neyilahleko

Amanyathelo oluleko athatythiweyo
Awekho.

1.3. Isidandalaziso esisesinye esiphathelele kwiilahleko eziphathekayo ngokwemigaqo yePFMA kwiCandelo 55(2)(b)(i) &(iii))

a) Iinkcukacha zeelahleko eziphathekayo ezingenxa yezenzo zolwaphulomthetho

Iilahleko eziphathekayo ezingenxa yezenzo zolwaphulomthetho	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Ubusela	0	0
Ezinye iilahleko eziphathekayo	0	0
Nganeno: eziBuyisekayo	0	0
Nganeno: Ezingabuyisekiyo nezicinyiweyo	0	0
Itotali	0	0

b) Iinkcukacha zezinye iilahleko eziphathekayo

Uhlobo lweelahleko eziphathekayo	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Alukho.	0	0
Itotali	0	0

c) Ezinye iilahleko eziphathekayo ezibuyisekayo

Uhlobo lweelahleko	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Alukho	0	0
Itotali	0	0

d) Ezinye iilahleko eziphathekayo ezingabuyisekiyo nezicinyiweyo

Uhlobo lweelahleko	2024/2025	2023/2024
	R'000	R'000
Alukho.	0	0
Itotali	0	0

2. UKUHLAWULWA EMVA KWEXESHA OKANYE UKUNGAHLAWULWA KONKEKONKE KWAMASHISHINI

Uhlobo lweelahleko	Inani leeinvoysi	Ixabiso elihlanganyelweyo
		R'000
Ii-invoysi ezigunyazisiweyo ezifumanekileyo	472	21 505
Ii-iInvoysi ezihlawulwe **kwisithuba** seentsuku ezingama30 okanye kwixesha ekuvunyelwene ngalo	458	21 219
Ii-invoysi ezihlawulwe **emva** kweentsuku ezingama30 okanye kwixesha ebekuvunyelwene ngalo	14	286
Ii-invoysi ezindala kuneentsuku ezingama30 okanye kunexesha ebekuvunyelwene ngalo **(ezingahlawulwanga futhi kungekho kungquzulana ngazo)**	0	0
Ii-invoysi ezindala kuneentsuku ezingama30 okanye kunexesha ebekuvunyelwene ngalo **(ezingahlawulwanga nekukho ungquzulwano ngazo)**	0	0

Ii-invoysi ezihlawulwe emva kweentsuku ezingama30 bezilibaziseke ngenxa yezi zizathu zilandelayo:
- IOfisi ibisalinde ingqinisekiso yeenkcukacha zebhanki ngaphambi kokuba iqhube neentlawulo.
- IOfisi ibisalinde ingcaciso ngamaxabiso.
- Iintlawulo zenziwe kuphela emva kokufumaneka kweemveliso neenkonzo ebezithengiwe.

3. ULAWULO LWETYATHANGA LEENTENGO

3.1. Iintengo ngezinye iindlela

Ingcaciso ngephulo	Igama leshishini	Uhlobo lwentengo ngezinye iindldela	Inombolo yoqhakamshelwano	Ixabiso lesibhambathiso
Kukuthenga imveliso yeshumi elinambini (12) kwaIBM	Yi-International Business Machines Corporation South Africa	Sisivumelwano seSikhokelo seArhente yoMbuso yoBuchwepheshe beeNkcukacha	ITRFQ 022424	1 103
Itotali				1 103

3.2. Iyantlukwano nokwandiswa kwezibhambathiso

Ingcaciso ngephulo	Igama leshishini	Uhlengahlengiso lwesibhambathiso Uhlobo lwesibhambathiso (Ukwandiswa okanye iYantlukwano)	inani	Original contract value R'000	Value of previous contract expansion/s or variation/s (if applicable) R'000	Value of current contract expansion or variation R'000
Akubangakho yantlukwano okanye kwandiswa okuthe kwagqithisa kumyinge we15% wexabiso lesibhambathiso sokuqala okanye kwagqithisa kwisixa esiliR15 lezigidi.						

ISIGABA F:

Iinkcukacha ezingeMali

IiNowuthi

INGXELO ESUKA KUMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE EYA KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGEBHODI YONGCAKAZO NEMIDYARHO YENTSHONA KOLONI

Ingxelo ngophicothozincwadi lweengxelo zemali

Uluvo

1. Ndiziphicothile iingxelo zemali zeBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni ezidandalaziswe kumakhasi asusela kwelama96 ukuya kwelama148, eziqulethe ingxelo yesimo semali ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, ingxelo yentsebenzo ngokwrmali, ingxelo yeenguqu kwiiasethi eziseleyo, ingxelo yokungena nokuphuma kwemali ndawonye nengxeleo yokuthelekiswa kwesabelomali kunye nezona zixa zonyaka osele ufikelele esiphelweni, ndawonye neenowuthi ezihlonyelwe kwiingxelo zemali kuquka nesichwankathelo semigaqonkqubo yogcinozincwadi emikhulu.
2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali zidandalazisa ngaphandle kwamakhwiniba, kuzo zonke iinkalo ezinefuthe, isimo semali seBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025 ndawonye netsebenzo yayo ngokwemali kwaknye nokungena nokuphuma kwemali kunyaka ofikelele esiphelweni ngokwemigaqo yeMigangatho eYamkelwe ngokuPhangaleleyo yeNkqubo yoGcinozincwadi (iGRAP) kwakunye nemimiselo yePublic Finance Management Act Nombolo 1 ka1999 (iPFMA).

Isiseko soluvo

3. Ndilwenze uphicotho lwam ngokwemigaqo yeMigangtho yaMazwe ngaMazwe yoPhicothozincwadi (iISA). Uxanduva lwam phantsi kwale migangatho ikwachazwe nakuxanduva lomphicothizincwadi jikelele kwicandelo lophicotho lweengxelo zemali lengxelo yam.
4. Ndizimele kweli qumrhu ngokwemigaqo yekhowudi yaMazwe ngMazwe yaBagcinizincwadi abaQeqeshiweyo (kuquka neMigangtho yokuzimela yamazwe ngamazwe) (ikhowudi yeIESBA) yeBhodi yeMigangatho yokuZiphatha yabaGcinizincwadi yaMazwe ngaMazwe ndawonye neminye imimiselo yendlela yokuziphatha achaphazela uphicotho lwam kuMzantsi Afrika. Ndiyifezekisile imisebenzi yam ngokwendlela yokuziphatha ngokwemigaqo yale mimiselo kwakunye nekhowudi yeIESBA.
5. Ndikholelwa ekubeni ubungqina bophicotho endibufumeneyo banele yaye bufanelekile ukuze ndinikezele isiseko soluvo lwam.

Imiba yogxininiso

6. Ndinika ingqwalasela kule miba ingezantsi. Uluvo lwam alufakelwanga zinguqu ngale miba.

Ukumiselwa ngokutsha kwezixa ezithungelanayo

7. Njengoko kudiziwe kwinowuthi 38 ehlonyelwe kwiingxel ozemali, izixa ezithungelanayo zomhla wama31 kweyoKwindla ka2024 ziphinde zavezwa ngenxa yempazamo kwiingxelo zemali zeli qumrhu likarhulumente, kwanezonyaka ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025.

Uxanduva lwegunyabantu logcinozincwadi ngeengxelo zemali

8. Igunyabantu logcinozincwadi linoxanduva lokuqulunqwa nokunikezelwa ngendlela engenamakhwiniba kweengxelo zemali ngokwemigaqo yeMigangatho yeGRAP kwakunye nemimiselo yePFMA kwanangokwemigaqo yolawulo lwezangaphakathi elinokuyibona inyanzelekile igunyabantu logcinozincwadi ukuze kube nokuqulunqwa iingxelo zemali ezingenamakhwiniba, nokuba kungenxa yempazamo okanye ngokobuqhopholo na.
9. Ekuqulunqwneni kweengxelo zemali, igunyabantu logcinozincwadi linoxanduva lokuvavanya isakhono seli qumrhu likarhulumente sokuqhuba njengesiqhelo; kudandalaziswa, njengeoko kulundelekile, imiba ephathelele ekuqhubeni njengesiqhelo; yaye ke ukusetyenziswa kwesiseko sokuqhuba njengesiqhelo sogcinozincwadi ngaphandleni kokuba iqumrhu elifanelekileyo lolawulo liceba ukulibhangisa eli qumrhu, okanye ukuliyekisa ukusebenza, okanye alinawo amanye amacebo ngaphandle kokwenza oko.

Uxanduva lomphicothizincwadi jikelele ekuphicothweni kweengxelo zemali

10. Iinjongo zam kukufumana ingqinisekiso ekholelekayo yokuba iingxelo zemali zizonke azinawo amakhwiniba, nokuba kungena yobqhopholololo okanye ngempazamo kwanokukhupha ingxelo yomphicothizincwadi equka nolwam uluvo. Ingqinisekiso ekholelekayo ilinqanaba eliphezulu lengqinisekiso kodwa ke ayisiso isiqinisekiso sokuba uphicothozincwadi olwenziwe ngokwemigaqo yeeISA luya kusoloko lulibhaqa ikhwiniba lakuvela. Iimposiso zingasusela kubuqhopholololo okanye kwimpazamo yaye zithatyathwa njengeziphathekayo ukuba, xa lilinye okanye eliqela, kunokulindeleka ngendlela ekholelekayo ukuba anefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithatyathwe phantsi kwesiseko sezi ngxelo zemali.

11. Ingcaciso eyenye ngoxanduva lwam ekuphicothweni kweengxelo zemali ibandakanywe kwisihlomelo sale ngxelo yomphicothizincwadi. Le ngcaciso, emiselwe kumakhasi 92 ukuya kwelama93, iyinxalenye yale ngxelo yophicothozincwadi.

Ingxelo ngengxelo yentsebenzo yonyaka

12. Ngokwemigaqo yePublic Audit Act 25 of 2004 (iPAA) kwaneyesaziso esiphangaleleyo esikhutshwe ngokwale migaqo, kufuneka kuphicothwe ze kuqulunqwe nengxeleo ngokuba lulutho kwanokuthembeka kweenkcukacha zentsebenzo ezinikezelweyo ngokuthelekiswa neenjongo ebezimiselwe kwantlandlolo ngesalathisi esibonakalayo nesikhethiweyo sentsebenz esithe sadizwa kwingxelo yentsebenzo yonyaka. Igunyabantu logcinozincwadi linoxanduva lokuqulunqwa kwengxelo yentsebenzo yonyaka.

13. Ndikhethe ezi zalathisi zentsebenzo ziphathekayo zilandelayo neziphathelele kwinkqubo 3: ukuthotyelwa kwemimiselo kwingxeleo yentsebenzo yonyaka ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025. Ndikhethe ezo zalathisi zilinganisela intsebenzo yeli qumrhu likarhulumente kwimisebenzi yalo engundoqo nebalulekileyo kuluntu lwesizwe okanye kumdla woluntu.

- Inani leemvavanyo zokuthobela ezithe zenziwa
- Inani elingumyinge ekhulwimi lweentshukumo zophando ezitghe zenziwa kwisithuba seentsuku ezingama30 zokufika kweendaba zezityholo zongcakazo olungekho mthethweni kwiBhodi

14. Ndizihlolile iinkcukacha zentsebenzo ezinikezelweyo kwezi zalathisi zikhethiweyo zentsebenzo ebonakalayo ngokuthelekiswa namakhabathiso aqulunqelwe kwisikhokelo solawulo lwentsebenzo nokuqulunqwa kweengxelo, njengoko kuchaziwe kwisaziso esiphangaleleyo. Xa ingxelo yentsebenzo yonyaka iqulunqwe kusetyenziswa la makhabathiso, inikezela ngeenkcukacha ezililutho nezithembekileyo kunye nolwazi kubasebenzisi ngocwangciso nokuhanjiswa kwesigunyaziso seli qumrhu likarhulumente.

15. Ndenze iinkqubo zokuvavanya ukuba ingaba:

- Izalathisi ezisetyenziselwe ucwangciso nokuqulunqwa kweengxelo ezingentsebenzo zinakho ukuthungelaniswa ngqo nezigunyaziso zeli qumrhu likarhulumente kwakunye neenzuzo zeenjongo zalo ezicwangcisiweyo;
- Zonke izalathisi ezichapazelekayo ekulingamiselweni kwentsebenzo yeli qumrhu likarhulumente ngokuthelekiswa nemisebenzi engundoqo nephambili kwisigunyaziso futhi ke neenjongo ebezicwangcisiwe ziyabandakanywa;
- Izalathisi zichaswe kakuhle ngenjongo yokuqinisekisa ukuba ziqondakala lula yaye zingasetyenziswa rhoqo, futhi ke ziyaqinisekiseka ukuze ndibe nokuqinisekisa iindlela neenkqubo emazisetyenziswe ekulinganiseleni iinzuzo;
- Iithagethi zingathungelaniswa ngqo nokuzuzeka kwezalathisi ndawonye nemilinganisoelo ethile, nexhomekeke kwixesha nelinganisekayo ukuze kube nokuqinisekiseka ukuba kulula ukuqonda oko kumele ukuhanjiswa kwanokuba kuhanjiswe nini, inqanaba lentsebenzo elilindelekileyo ndawonye nedndela eya kuvavanywa ngayo intsebenzo;
- Izalathisi kunye neethagethi ezinikeelweyo kwingxelo yentsebenzo yonyaka ziyafana nezo ekufungwe kuzoz kumaxwebhu aphunyeziweyo okuqala okanye kulawo ahlaziyiweyo ocwangciso;
- Iinkcukacha ezingentsebenzo ezinikezelweyo zinikezelwe kwingxelo yentsebenzo ngendlela emiselweyo; yaye
- Bukho ubungqina obaneleyo obuxhasayo ngeenzuzo ezinikezelweyo kwanezizathu ezinikezelweyo ngayo nayiphi naimeko yokungazuzeki okanye yokugqithisaekuzuzekeni kweethagethi.

16. Ndizenzile iinkqubo zokunikezela ingxelo ngezimvo zamakhwinibakwanokungavakalisi luvo okanye sigqibo sengqinisekiso.

17. Andifumenanga nawaphi na amakhwiniba kwiinkcukacha ezingentsebenzo ezinikezelweyo ngezi zalathisi zikhethiweyo ngentsebenzo enefuthe.

Omnye umba

18. Nditsala ingqwalasela ngalo mba ungezantsi.

Ukuzuzeka kweethagethi ebezicwangcisiwe

19. Ingxelo yentsebenzo yonyaka iquka iinkcukacha iinkcukachaezingeenzuzo ezidiziweyo ngokuthelekiswa neethagethi ezicwangcisiweyo yaye inikezela iingcaciso zokugqithisa kwanokukha ngaphantsi kweethagethi zenzuzo.

Ingxelo engokuthotyelwa kwemithetho

20. Ngokwemigaqo yePAA kwanangokwesaziso esiphangaleleyo esikhutshwe kwangokwale migaqo, kufuneka ndiphicothe ze ndinikezele ingxelo ngokuthotyelwa kwemithetho echaphazelekayo ephathelele kwimiba yemali, ulawulo lwemali kwakunye neminye imiba echaphazelekayo. Igunyabantu elongameleyo linoxanduva louthotyelwa kwemithetho leli qumrhu likarhulumente.

21. Ndizenzile iinkqubo zokuvavanya ukuthotyelwa kwemimiselo ekhethiwe yemithetho ephambili ngokwemigaqo yenkqubo yokusebenza ngezimvo zoMphicothizincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (iAGSA). Lo msebenzi ayilolinge lengqinisekiso. Kwangokunjalo, andivakalisi luvo okamye sivaleliso sangqinisekiso.

22. Ngenkqubo yeAGSA esele inenkqayi, ndikhethe imimiselo kwimithetho ephambili ngenjongo yokuvavnya ukuthotyelwa kwemithetho echaphazeleka kulawulo lwemali nolwentsebenzo lweli qumrhu likarhulumente, ecacileyo ukuze kuvuleleke ukulinganiselwa okuqhubayo kwakunye nokumiselwa kwamaxabiso, ngelixa kuneenkcukacha ezaneleyo yaye kuvulelekile ukuba ndinganikezela ingxelo ngendlela eqondakalayo. Le mimiselo yemithetho ikhethiweyo ibandakanyiwe kwisihlomelo esiesikule ngxelo yomphicothizincwadi.

23. Andufumanisanga naziphi na iimeko zokungathotyelwa kweimimiselo yemithetho ekhethiweyo.

Ezinye iinkcukacha ezikule ngxelo yonyaka

24. Igunyabantu logcinozincwadi linoanduv lwezinye iinkcukacha ezibdakanyiwyo kulengxelo yonyaka. Ezinye iinkcukacha ekubhekiswa kuzo azizibandakanyi iingxelo, ingxelo yomphicothizincwadi kwakunye nezo zalathisi ziphathekayo zikhethiweyo kwiinkqubo ezibandakanyiweyo ezidizwe kule ngxelo yentsebenzo yonyaka ekuthe kwanikezelwa ingxelo ngazo buqu kule ngxelo yomphicothizincwadi.

25. Uluvo lwam ngeengxelo zemali, ingxelo engokuphicothwa kwengxelo yentsebenzo yonyaka kwakunye nengxelo engokuthotyelwa kwemithetho azizibandakanyi ezinye iinkcukacha ezibandakanywe kwingxelo yonyaka futhi ke andivakalisi luvo lophicothozincwadi okanye naluphi na uhlobo lwesivalelo sengqinisekiso ngazo.

26. Uxanduva lwam kukufunda eziznye iinkcukacha ezi ze, wekwenzeni oko, ndinike ingqwalasela azithungelani ngendlela ekucaba inefuthe na neengxelo zemali ndawonye nezalathisi eziphathekayo ezikhethiweyo ezikwiinkqubo ezibandakanyiweyo ezidizwe kwingxelo yentsebenzo yonyaka okanye kulwazi lwam endilufumene kolu phicothozincwadi, okanye ke ezibonakala zpneemposiso ezingenakungahoyakali.

27. Ezinye iinkcukacha ezifumaneke ngaphambu komhla wale ngxelo yomphicothizincwadi yingxelo yonyaka esaqulunqwayo, futhi ke ingxelo yekomiti yophicothozincwadi kulindeleke ukuba siyikhululelwe emva komhla wama31 kweyeKhala ka2025.

28. Ukuba, ngokusekelwe kumsebenzi endiwenzileyo kwezinye iinkcukacha endifizumene ngaphambi komhla wale ngxelo yomphicothizincwadi, ndinoluvo lokuba ikho imposiso emandla ngezinye iinkukcha ezi, kulindeleke ukuba ndinike ingxeo ngale nyaniso.

29. Xa ndithi ndifumane ze ndifune iingxelo zekomiti yophicothoincwadi, ukuba ndithi ndibe noluvo lokuba ikho imposiso emandla apho, kulindeleke ukuba ndiwuvakalise lo mba kwabo banoxanduva lezolawulo ze ndicelele ukuba zilungiswe eezinye iinkcukacha ezo. Ukuba ezinye iinkcuksch azilungiswanga, kungafuneka ndindiyirhoxise le ngxelo yomphicothizincwadi ze ndiphinde ndikhuphe ingxelo eneenguqu njengechanekileyo. Noxa kunjalo ke, akuyi kuba sisidingo oku ukuba ilungisiwe.

Izitenxo kwezolawulo lwangaphakathi

30. Ndilujonge ulawulo lwezangaphakathi njengoluluchaphazelayo uphicotho lwam lweengxelo zemali, lwengxelo yentsebenzo yonyaka kwaneyokuthotyelwa kwemithetho esebenzayo; kodwa ke, injongo yam ibingekuko ukuvakalisa naluphi na uhlobo lwengqinisekiso.

31. Andifumanisanga naziphi na izitenxo ezibalulekileyo kulawulo lwezangaphakathi.



EKapa
Ngowama31 kweyeKhala ka2025

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

ISIHLOMELO ESIKULE NGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI

1. Isihlomelo sibandakanya oku kulandelayo:

    - Uxanduva lomphicothizincwadi jikelele ngophicothozincwadi
    - Imimiselo ekhethiweyo yemithetho ukuze kube nokuvavanywa ukuthotyelwa kwayo

Uxanduva lomphicothizincwadi ngophicothoincwadi

Uluvo luqeqeshelweyo kunye nentandabuzo esekelwe kulwazi

2. njengenxalenye yophicothozincwadi ngokwemigqo yeISAs, ndivakalisa uluvo ze ndihlale ndinentandabuzo esekelwe kwingqeqesho namava ngalo lonke ithuba ndiphicotha iingxelo zemali kwanakwiinkqubo ezenziwe ngeenkcukacha ezinikezelweyo zentsebenzo ngezalathisi ezikhethiweyo zentsebenzo enefuthe kwanangokuthotyelwa kwemimiselo ekhethekileyo yemithetho ephmbili leli qumrhu likarhulumente.

Iingxelo zemali

3. Ngaphezu koxanduva lwam kuphicotho lweengxelo zemali njengoko kucacisiwe kule ngxelo yomphicothizincwadi,:

    - ndikwafumanisa ze ndivavanye imingcipheko yeemposiso ezimandla ezikwiingxelo zemali, nokubakungenxa yobuqhohololo okanye ngenxa yempazamo na; ndiyile ze ndenze iinkqubo zophicothozincwadi ezisabela kuloo mingcipheko; ze ndifumane nobungqina bophicothozincwadi obaneleyo nobufanelekileyo ekubeni ndinikezele uluvo lwam. Umngcipheko wokungabi nakufumanisa zimposiso ezimandla ngenxa yobuqhopholololo mkhulu kunawo unokususela kwimpazamo, njengoko ubuqhopholololo bona bungabandakanya amagumgedle, imigunyathi, ukushiyelela ngabom , iimposiso, okanye ukungahoyakali kweenkqubo zolawulo lwezangaphakathi

    - Ndifumana umqondo wolawulo lwezangaphakathi ezichaphazela olu phicothozincwadi ukuze ndibe nokuyila iinkqub zophicothozincwadi ezifanelekileyo kwezi meko, kodwa hayi ngokwenjongo yokuvakalisa uluvo ngokuba lulutho kweenkqubo zolawulo lwezangaphakathi kweli qumrhu likarhulumente

    - Ndivavanya ukufaneleka kwemigaqonkqubo yogcinozincwadi esetyenzisiweyo kwanokufaneleka kweentelekelelo zogcinozincwadi kwakunye nezidandalazi ezenziweyo

    - Ndivaeise ngokufaneleka kokusetyenziswa kwesiseko sogcinozincwadi sokuqhuba njengesiqhelo kuqulunqo lweengxelo zemali. Ndikwavalelisa, ngokusekelwe kubungqina bophicothozincwadi endibufumeneyo, bokuba likho na inthandabuzoelinefuth eeliphathelele kwimicimbi okanye kwiiimeko ezinokudiza amathandabuzo Amandla ngesakhono seli qumrhu likarhulumente sokuqhuba njengesiqhelo. Ukubandigqiba ekubeni likho ithndabuzo endingenakungalihoyi, kulindeleke ukuba ndiphinde ndinike ingqwalasela ingxelo yam yophicothozincwadi ndiye kwezo zidandalaziso zichaphazelekayo ezikwiingxelo zemali ngethandabuzo elo likhulu okanye, ukuba ezo zidandalazo ezingephindiguqule uluvo lwam ngeengxelo zemali. Izivaleliso zam zisekwle kwiinkcukacha ezifikelelekayo kum ngomhla wale ngxelo yophicothozincwadi. Kodwa ke, imicimbi okanye iimeko zamaxesha asezayo ingenza ukuba iqumrhu likarhulumente liyeke ukuseenza njengesiqhelo

    - Ndivavanya ukunikezelwa, isimo kunye nomongo weengxelo zemali ngokubanzi, kuquka izidndalaziso, ze ndimisele ukuba ingaba iingxelo zemali ezi zimele iintengiselwano kunye nemicimbi ngendlela efikelela ekunikezelweni kwazo nendlela engenamakhwiniba na.

Unxibelelwano nabo bathwaliswe uxanduva lolawulo

4. Ndinxibelelana negunyabantu elongameleyo malunga, Phakathi kweminye imiba, ubungakanani kunye nexesha elicwangcisiweyo lophicothozincwadi kwakunye nezimvo eziphambili zophicothozincwadi, kuquka neentsilelo ezibalulekileyo kwinkqubo yolawulo lwezangaphakathi endizifumanato kuphicotho lwam.

5. Ndikwabonelela negunyabantu elongameleyo ngengqinisekiso yokuba ndiyithobele imigaqo yokuziphatha echaphazelekayo emalunga nokuzimela kwam ze ndinxibelelane nabo ngabo bonke ubudlelane endinabo kwakunye neminye imiba enokucingeleka njengenefuthe ekuzimeleni kwam ze, apho kukwazekayo, iintshukumo ezithatyathelwa ukuphelisa imingcipheko okanye izikhuselo ezithe zasetyenziswa.

Ukuthotyelwa kwemithetho – imimiselo ekhethekileyo yemithetho

Le mimiselo ikhethiweyo yemithetho ilandelayo ingolu hlobo lulandelayo:

Imithetho	Amacandelo okanye imimiselo
IPublic Finance Management Act 1 ka1999	ICandelo 51(1)(b)(); 51(1)(b)(i); 51(1)(e)(ii); 53(4); 54(2)(c); 54(2)(d); 55(1)(a); 55(1)(b); 55(1)(c)(i); 56; 57(b); 66(4)
IMimiselo yeSebe leMali, ka20055	UMmiselo 8.2.1; 8.2.2; 16A3.2: 16A3.2(a): 16A6.1: 16A6.2(a) 16A6.2(b); 16A6.3(a); 16A6.3(b); 16A6.3(c); 16A6.3(e); 16A6.4: 16A6.5; 16A6.6; 16A7.1; 16A7.3; 16A7.6; 16A8.3: 16A8.4: 16A9.1(b)(i); 16A9.1(d): 16A9.1(e); 16A9.1(f): 16A9.2; 16A9.2(a)(i); 30.1.1; 30.1.3(a); 30.1.3(b); 30.1.3(d); 30.2.1; 31.1.2(c); 31.2.1; 31.2.5; 31.2.7(a); 31.3.3; 33.1 1; 33.1.3
IConstruction Industry Development Board Act 38 ka2000 (iCIDB)	ICandelo 18(1)
IMimiselo yeCIDB	UMmiselo weCIDB 17; 25(7A)
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 5 ka2020/21	UMhlathi 4.8; 4.9; 5.3
UMyalelo weSihlomelo seSibini seSebe leMali likaZwelonke econd onguNombolo 5 ka202/21	UMhlathi 1
UMyalelo weMpazamo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 5 ka202/21	UMhlathi 2
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 1 ka2021/22	UMhlathi 4.1
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke onguNombolo 4 ka2015/16	UMhlathi 3.4
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke weSCM onguNombolo 4A ka2016/17	UMhlathi 6
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke weSCM onguNombolo 03 ka2021/22	UMhlathi 4.1; 4.2 (b); 4.3; 4.4(a); 4.7; 7.2; 7.6
UMyalelo weSebe leMali likaZwelonke weSCM onguNombolo 11 ka2020/21	UMhlathi 3.4(a); 3.4(b); 3.9

IINKCUKACHA EZINGEMALI

1. INgxelo yoMphicothizincwandi Jikelele

National Treasury SCM Instruction No. 2 of 2021/22	UMhlathi 3.2.1; 3.2.4; 3.2.4(a); 3.3.1
INowuthi yokuSebenza yeSebe leMali likaZwelonke nguNombolo 5 ka2009/10	UMhlathi 3.3
INowuthi yokuSebenza yeSebe leMali likaZwelonke nguNombolo 7 ka2009/10	UMhlathi 4.1.2
IPreferential Procurement Policy Framework Act 5 ka2000	ICandelo 1; 2.1(a); 2(1)(b);2.1(f)
UMmiselo weeNtengo kwabaKhethekileyo, ka2017	UMhlathi 4.1; 4.2; 5.1; 5.3; 5.6; 5.7; 6.1; 6.2; 6.3; 6.6; 6.8; 7.1; 7.2; 7.3; 7.6; 7.8; 8.2; 8.5; 9.1; 10.1; 10.2; 11.1; 11.2
UMmiselo weeNtengo kwabaKhethekileyo, ka 2022	UMhlathi 4.1; 4.2; 4.3; 4.4; 5.1; 5.2; 5.3; 5.4
IPrevention and Combating of Corrupt Activities Act 12 ka2004	ICandelo 34(1)

Ilizwi lokubhaliswa nokuhlala	NguMzantsi Afrika
Amalungu	NguMnu CA Bassuday NguNksz C Fani NguMnu RG Nicholls NguNksz L Venter NguNksz A Mvandaba NguMnu M Burton NguMnu A Chetty
Idilesi yePosi	PO Box 8175 Roggebaai 8012
Iqumrhu elilawulayo	LiSebe leMali lePhondo
IiBhanki	YiNedbank
Abaphicothi	NguMphicothizincwadi Jikelele (woMzantsi Afrika)
USosiba	Heinrich Brink

IINKCUKACHA EZINGEMALI
Index

INgxelo yeSimo ngokweMali	96
INgxelo yeNtsebenzo ngeMali kunyaka ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025	97
INgxelo yeeNguqu kwiiAsethi eziSeleyo	98
INgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali yoNyaka ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025	99
INgxelo okuThelekiswa kweSabelomali kwakubye neZona Zixa	100-101
IMigaqonkubo yoGcinozincwadi	102-115
IiNowuthi ezihlonyelwe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka	116

NguPA Abrahams
weBhodi yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni

IINKCUKACHA EZINGEMALI

INgxelo yeSimo ngokweMali ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025

Izixa ngokweRandi	Note(s)	2025	2024 Restated*
IiAssethi			
IiAsethi eziKhoyo			
Imali kunye nezilingana nemali	3	48 148 432	39 716 857
Ii-inventri		57 623	70 267
Iintlawulo zangaphambili	4	1 266 370	1 218 740
Ezifumaneka kwiintengiselwano zonaniselwano	5	933 973	1 569 096
Ezofumaneka kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano transactions	6	61 976 302	81 903 597
Imali kunye nezilingana nemali – iimali zeeTrasti (izixhobo zemali)	7	46 800 236	43 302 835
Imali kunye nezilingana nemali – iinali zeeTrasti (iindleko zondiliseko)	7	19 143 984	15 455 938
Imali kunye nezilingana nemali – iNgxowamali yeZindlu yeILSF	8	556 903	653 809
		178 883 823	**183 891 139**
IiAsethieziNgezizo ezaNgoku			
Ipropati, iplanti kunye nezixhobo	9	26 298 786	26 256 689
Iniasethi ezingezizo eziphathekayo	10	4 239 725	4 209 082
Iintlawulo zangaphambili	4	765 664	400 904
		31 304 175	**30 866 675**
IiAsethi ziZonke		**210 187 998**	**214 757 814**
Amatyala			
Current Liabilities			
Ababolekisi beTrasti (izixhobo zemali)	7	46 800 236	43 302 835
Ababolekisi beTrasti (iindleko zondiliseko)	7	14 476 950	13 680 093
Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano	11	2 080 216	1 331 200
Iirhafu kunye neentlawulo ekufuneka zihlawuliwe	12	99 128 380	112 895 618
Izibonelelo	13	-	682 117
Iinzuzo zabasebenzi	14	5 465 727	4 706 432
		167 951 509	**176 598 295**
Amatyala aNgengawo awaNgoku			
IiNzuzo zaBasebenzi	14	5 547 000	4 520 000
Amatyala eWonke		**173 498 509**	**181 118 295**
IiAsethi ziZonke		**36 689 489**	**33 639 519**
Intsalela eqokeleleneyo		36 689 489	33 639 519
IiAsethi eziSeleyo ziZonke		**36 689 489**	**33 639 519**

*See Note 38

IINKCUKACHA EZINGEMALI
INgxelo yeNtsebenzo ngokweMali

Izixa ngokweRandi	Note(s)	2025	2024 Restated*
Ingeniso			
Ingeniso esusela kwiintengiselwano zonaniselwano			
Ingeniso yenzala	15	4 997 848	5 127 003
Ingeniso yokusebenza	16	60 064 446	54 772 178
Ingeniso yerente	17	838 213	449 206
Ingeniso esusela kwezinye	18	817 348	473 249
Ingeniso esusela kwiintengiselwano zonaniselwano iyonke		**66 717 855**	**60 821 636**
Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano			
Ingeniso evela kwiintlawulo			
Iinkxasomali zikarhulumente & neesabsidi	19	24 586 000	21 178 000
Iinkonzo zesisa	20	-	4 076 153
Iziponsa ezithe zafumaneka	21	-	846 500
Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano iyonke		**24 586 000**	**26 100 653**
Ingeniso iyonke		**91 303 855**	**86 922 289**
Inkcitho			
Ukuhlawula ngokugqibeleleyo: Iiasethi ezingaphathekiyo	10	400 148	389 511
Ukwehliswa kwexabiso: ipropati, iplanti kunye nezixhobo	9	1 664 078	1 451 640
Ukupheliswa kweentshukumo zokungcakaza ezingekho mthethweni		28 400	5 060
Iindleko eziphathelele kubasebenzi	22	54 854 700	51 742 838
Iindleko zemali	14	703 000	672 000
IiNkcitho eziPhangaleleyo	23	15 858 554	18 455 544
Iintlawulo zezomthettho		954 964	1 195 486
IiNkcitho zeRente	24	1 794 044	2 676 901
Ezingeehambo nezidlo		2 177 279	2 147 786
Inkcitho iyonke		**(78 435 167)**	**(78 736 766)**
Intsalela yokusebenza		**12 868 688**	**8 185 523**
(Inzuzo)/ilahleko yokulahlwa kweeasethi	9	26 407	(36 012)
Iinzuzo/iilahleko zeeakshwari	14	372 830	(1 060 877)
Ilahleko yomonakalo	9	-	4 297 946
		(399 237)	**(3 201 057)**
Intsalela yonyaka		**12 469 451**	**4 984 466**

*See Note 38

Izixa ngokweRandi	Intsalela/ intsielo eqokeleleneyo	Iiasethi eziseleyo zizonkee
Ibhalansi ukuya kuthi ngowokuqala kwekaTshazumpuzi ka2023	**38 178 615**	**38 178 615**
Iinguqu kwiiasethi eziseleyo		
Intsalela yalo nyaka	4 984 466	4 984 466
Intsalela ekudingeka ihlawulwe kwiNgxowamali yeNgeniso yePhondo: ngowama31 kweyoKwindla ka2024 (bona inowuthi 27)	(9 523 562)	(9 523 562)
Iinguqu zizonke	**(4 539 096)**	**(4 539 096)**
Ibhalansiyokuvula njengoko ibidiziwe ntlandlolo	33 860 477	33 860 477
Iinguqu		
Ukulungiswa kweempazamo (iNowuthi 39)	(220 958)	(220 958)
Ephinde yamiselwa* iBhalansi ukuya kuthi ga ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka2024 njengoko iphinde yamiselwa*	**33 639 519**	**33 639 519**
Iinguqu kwiiasethi eziseleyo		
Intsalela yalo nyaka	12 469 451	12 469 451
Ukugcinwa kwemali eyintsalela ephunyeziweyo: ngowama31 kweyoKwindla ka2024	9 523 562	9 523 562
Intsalela ehlawulwe kwiNgxowamali yeNgeniso yePhondo:ngowama31kweyoKwindla ka2025 (bona inowuthi 27)	(18 943 043)	(18 943 043)
Iinguqu zizonke	3 049 970	3 049 970
Ibhalansi ukuya kuthi ga ngomhla 31 ka2025	**36 689 489**	**36 689 489**

*See Note 38

IINKCUKACHA EZINGEMALI

INgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali

Izixa ngokweRandi	Note(s)	2025	2024 Restated*
Ukungena nokuphuma kwemali esusela kwiintshukumo zokusebenza			
Iirisithi			
Iirhafu kunye neentlawulo ezithe zaqokelelwa		1 748 203 051	1 504 471 761
Ingeniso yokusebenza		60 564 857	54 495 986
Inkxasomali esuka kurhulumente		24 586 000	21 178 000
Iirisithi eziseleyo zeemali ezisuka kwiitrasti		4 294 258	14 592 893
Ingeniso yenzala		4 911 547	5 776 276
Izponsa ezifumanekileyo		-	677 000
Ingeniso yerente		829 090	385 320
Ingeniso yezizezinye		1 114 238	151 879
		1 844 503 041	1 601 729 115
Iintlawulo			
Iindleko zabasebenzi		(54 144 235)	(51 644 727)
Amashishini		(21 178 803)	(19 852 803)
Iirhafu kunye neentlawulo ezithe zasasazwa		(1 751 469 643)	(1 498 196 202)
		(1 826 792 681	(1 569 693 732)
Ukungena nokuphuma kweemali ezisusela kwiintshukumo	**29**	**17 710 360**	**32 035 383**
Ukungena nokuphuma kwemali esusela kwiintshukumo zotyalomali			
Ukuthengwa kwepropati, iplanti kunye nezixhobo	9	(1 769 592)	(26 840 282)
Iindleko zophuhliso lwe-IT ezikhapitalalayiziweyo	10	(430 790)	-
Iingeniso ezisusela kwiintengiso zepropati, iplati kunye nezixhobo	9	10 138	46 435
Ukungena nokuphuma kwemali kukonke okususela kwiintshukumo zotyalomali		**(2 190 244)**	**(26 793 847)**
Ukungena nokuphuma kwemali okususela kwiintshukumo zenkxasomali			
Intsalela ehlawulwe kwiNgxowamali yeNgeniso yePhondo		-	(13 803 428)
Isenyuko/(ukwehla) ngowemali eseleyo kwakunye nezilingana nemali		**15 520 116**	**(8 561 892)**
Imali kunye nezilingana nemali ekuqaleni konyaka		99 129 439	107 691 331
Imali kunye nezilingana nemali ekupheleni konyaka	**3**	**114 649 555**	**99 129 439**

*See Note 38

ISabelomali esiSekelwe kwiMali eziiNkozo

Izixa ngokweRandi	Isabelomali esphunyezi-weyo	Iinguqu	ISabelomali sokuGqibela	Ezona zixa ngokokuzi-thelekisa	Umahluko ophakathi kwesabelo-mali sokugi-bela kunye nesona sixa	Isala-thiso
INgxelo yeNtsebenzo ngokweMali						
Ingeniso						
Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano						
Intengiso yeemveliso kunye neenkonzo ezingezizo iiasethi zengeniso	51 852 926	-	**51 852 926**	60 564 857	**8 711 931**	(1)
Ingeniso yequmrhu engasuseli kwiintengiso	3 647 145	-	**3 647 145**	6 854 875	**3 207 730**	(2)
Ingeniso esusela kwiintengiselwano zonaniselwano iyonke	**55 500 071**	**-**	**55 500 071**	**67 419 732**	**11 919 661**	
Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano						
Ingeniso yeenkxasomali						
Iinkxasomali zeSebe	24 586 000	-	**24 586 000**	24 586 000	**-**	
Ukugcinwa kweemali eziyintsalela	6 224 795		**6 224 795**	6 224 795	**-**	(3)
Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano	**30 810 795**	**-**	**30 810 795**	**30 810 795**	**-**	
Ingeniso iyonke	**86 310 866**	**-**	**86 310 866**	**98 230 527**	**11 919 661**	
Inkcitho						
Imbuyekezo yabasebenzi	(56 959 141)	-	**(56 959 141)**	(54 144 235)	**2 814 906**	(4)
Iimveliso neenkonzo	(20 606 930)		**(20 606 930)**	(21 119 217)	**(512 287)**	(5)
Intlawulo zeeasethi zengeniso	(8 744 795)		**(8 744 795)**	(2 200 382)	**6 544 413**	(6)
Inkcitho iyonke	**(86 310 866)**	**-**	**(86 310 866)**	**(77 463 834)**	**8 847 032**	
Intsalela ngaphambi kokutsalwa kwerhafu	**-**	**-**	**-**	**20 766 693**	**20 766 693**	
Esona Sixa ngokweNtelekiso njengoko sidiziwe kwiSabelomali kwanakweYona Ngxelo yeNtelekiso	**-**	**-**	**-**	**20 766 693**	**20 766 693**	

Isabelomali kunye nesiseko sogcinozincwadi ziyohluka. Yiya kwinowuthi 35 ukuze ufikelele kuthungelwano oluphakathi kwesabelomali kunye nengxelo yentsebenzo ngokwemali.

Yiya kwinowuthi 36 ukuze ufikelele kumahluko ophakathi kwesabelomali kunye nezona zixa zokuqulunqwa nezokudandalaziswa ndawonye neengcaciso eziphathelele kwiinguqu eziphakathi kwesabelomali esiphunyeziweyo kwakunye nesabelomali esihlonyelwe iinguqu, apho kukwazeka khona.

Ngokwemigaqo yomhlathi 12(c) weGRAP 24, ukuthelekiswa kwesabelo kunye nezona zixa kuya kunikezelwa ngokwahlukeneyo, ngokuthi kudandalaziswe iinowuthi, ingcaciso yeyantlukwano ephathekayo phakathi kwesabelomali elinoxanduva lwaso eli qumrhu kwakunye nezona zixa. Ngale njongo, wonke umahluko ogqithisayo kumyinge we0.5% yenkcitho yokusebenza iyonke uthatyathwa njengophathekayo ze ngoko iingcaciso zibe zezinikezelwe kwezo nkalo zeyantlukwano zigqithisayo kulo myinge.

Iingcaciso ngeyantlukwano:

1. Kunemingeni ukuqulunqa isabelomali sengeniso eyiyeyale Bhodi ngokuchanekileyo, njengoko ubungakanani bezicelo buxhomekeke kwisidingo seli candelo loshishino. Kulo nyaka, inani lezicelo zeelayisenisi ezintsha elithe lafumaneka ze zaqwalaselwa ligqithisile kwelo belilindelekile. Iintlawulo zabahloli beBhodi zixhomekeka kwinani lezicelo ezitsha kwakunye nokuhlaziywa kweelayisenisi kuloo nyaka. Nangona likho ithuba leenguqu ezisekelwe kwizinga lonyaka lokwenyuka kwamaxabiso – eliqala ukusebenza kwinyanga kaTshazimpuzi nyaka nanyaka – asihlaziywanga isabelomali ukuze sivakalise izinga lokwenyuka lalo nyaka. Oku kukhokelele ekugqithiseleni kokuqokelelwa kweemali ezimiselwe yimithetho.
2. IBhodi le iqokelele imali iR1.6 ezigidi kwingeniso yeenkonzo ezahlukeneyo, apho isigisi seR1 siphathelele kwiintlawulo zomthetho ezibuyisekileyo kulandela iziphumo zeenkqubo zomthetho ezibe yimpumelelo. IBhodi ayisiqulunqi isabelomali sengeniso yezinto ezahlukeneyo. Ngapha koko, ingeniso yenzala iyegqithisa kwizixa eziqulunqelwe isabelomali, ubukhulu becala ngenxa yamazinga enzala amahle kwiibhalansi zebhanki Bhodi.
3. Njengenxalenye yeSabelomali seFY2024/25, uMphathiswa weMali naMathuba oQoqosho uziphumezile iimali ezifikelela kwiR6 225 000. Ezi mali ziphuphumeleyo ziphathelele kwiintsalela zemali ebeziphunyeziwe ntlandlolo ze, ke ngoko, azafumaneka njengemali kulo nyaka siwushukuxayo. Njengesiphumo soko, iimali ezithe zaphuphumala zithe zabandakanywa njengenguqu kwiNowuthi 36, njengoko zithe zanakanwa kwingxelo yentsebenzo ngokwemali kulo nyaka siwushukuxayo.
4. Ukungasetyenziswa ngokwaneleyo kungenxa yezikhewu zengqesho. Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, zibe lithoba (9) izikhewu zengqesho kule Bhodi. Isabelomali esiphunyeziweyo sivulela ithuba yaye qasinemali eyaneleyo yabasebenzi abapheleleyo.
5. Inkcitho egqithisileyo kwiimveliso neenkonzo iphathelele ekulungisweni kwezakhiwo, ukurentwa kweendawo zokupaka, kwakunye neentlawulo zeendawo zokugcinwa kwefenitshala yale Bhodi. Kulo nyaka siwushukuxayo, kuthe kwadingeka izilungiso ezimandla kwizixhobo zombane ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo yezempilo kunye neyokhuseleko. Xa bekufunwa iindawo zokusebenzela, isivumelwano seentengo sibandakanye isibonelelo sokudluliselwa kwesivumelwano kwesivumelwano ebesesikho sokurenta kwiBhodi. Njengesiphumo soko, kuye kwalindeleka ukuba iBhodi irente ngezinye iindawo zokupaka ezongezelekileyo. Ngapha koko, kungoku nje iBhodi ikwinkqubo yokulungisa iiofisi esebenzela kuzo. Kwangokunjalo, ingene kwisivumelwano sokuqesha indawo yokugcina ifenitshala yayo okwethutyana de ube uqoshelisiwe umsebenzi wezilungiso. Inkqubo yezilungiso ibisaqhuba ekupheleni konyaka.
6. Njengenxalenye yeSabelomali seFY2024/25, uMphathiswa weMali kunye naMathuba oQoqosho uziphumeze zonke iimali eziphuphumeleyo ezifikelela kwiR6 225 000. Injongo ibikukusebenzisa ezi mali ngokuthi kuphuculwe kweeofisi zokusebenzela. Noxa kunjalo ke, ngenxa yokunqongophala kwesakhono ngaphakathi, iBhodi iqashe umlawuli wephulo ukuze ibe liliso kweli phulo lokuphucula egameni layo. Besisaqhuba isigaba sokucwangcisa ekuzeni kokuphela konyaka; ngoko ke, iBhodi ayikwazanga ukusebenisa iimali eziphuphumelele kulo nyaka siwushukuxayo.

1. Imigaqonkqubo yogcinozincwadi ebalulekileyo

Imigaqonkqubo yogcinozincwadi ebalulekileyo ethe yasetyenziswa ekuqulunqweni kwezi ngxelo zemali idweliswe ngezantsi apha.

1.1 Isiseko soqulunqo

Iingxelo zemali zonyaka ziqulunqwe ngokwemigaqoyeNkqubo yeMigangatho eYamkelwen-gokuPhangaleleyo yoGcinozincwadi (iGRAP), ekhutshe yiBhodi yeMigangatho yoGcinozincwadi ngokwemigaqoyeCandelo 91(1) yePublic Finance Management Act (onguMthetho 1 ka1999).

Ezi ngxelo zemali zonyaka ziqulunqwe ngokwesiseko sokukhula sogcinozincwadi ngokwemigaqo yokumiselwa kweengxelo yantlandlolo njengesiseko sokulinganisela, ngaphandleni kokuba kudizwe ngenye indlela. Zinikezelwe ngokweRandi yoMzantsi Afrika.

Iiasethi, amatyala, iingenso kunye neenkcitho azicinywanga, ngaphandle kwalapho ukucinywa kwazo bekuvumelekile ngooMgangatho weGRAP.

Le migaqonkqubo yogcinozincwadi ihambelana neyexesha elingaphambili.

1.2 Imali ezinikezelwe ngayo

Ezi ngxelo zemali zonyaka zinikezelwa ngokweRandi yoMzantsi Afrika, eyiyimali esetyenziswayo yeli qumrhu.

1.3 Ingcamango yokuqhuba njengesiqhelo

Ezi ngxelo zemali zonyaka ziqulunqwengokusekelwe kwingcamango yokulindeleka ukuba eli qumrhu liya kuqhuba nokusebenzanjengesiqhelo ubuncinci isithuba seshumi elinambini leenyanga ezizayo.

1.4 Izigqibo ezibalulekileyo kunye nemithombo yeentandabuzo kwintelekelelo

Ekuqulunqeni ezi ngxelo zemali zonyaka, abaphathi kulindeleke ukuba benze iintelekelelo kunye neengcamango ezithile ezichaphazela izixa ezithiwe thaca kwezi ngxelo zemali zonyaka Ikwakunye nezidandalazo ezikwasondeleyo. Ukusetyenziswa kweenkcukacha ezikhoyo kwakunye nokusetyenziswa kweembono kuyinxalenye yokuqulunqwa kweentelekelelo. Ezona ziphumo kwixa elizayo zingohluko kwezi ntelekelelelo ezinokuba nefuthe kwiingxelo zemali zonyaka. Iimbono ezibalulekileyo ziquka:

Ezifumanene kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Iqumrhu ivavanyela umonakalo abo balityalayo ekupheleni kwethuba lokunikezela kwengxelo ngalinye. Ekuqondeni ukuba ilahleko yomonakalo kufuneka irekhodwe kwintsalela okanye kwintsilelo na, eli qumrhu lephondo lenza izigqibo zokuba ingaba zikho na iinkcukacha eziqwalaselekayo ezalathisa ukuba ukucutheka okulinganisekayo ekungeneni nasekuphumeni kwemali okuthelekelelwayo kwexesha elizayo okususela kwiasethi yemali. Kwizixa ezilindeleke kwiBhodi, iinzima ezinkulu zemali zabo bayityalayo, ezinokukhokelela ekubeni abatyali abo babhange bangabi nakuhlawula nazo zifumana ingqwalasela zizonke njengezalathisi zomonakalo.

Intelekelelo yexabiso elihle

Ixabiso eliphathekayo linesibonelelo esingephi somonanalo kwezifumaneka kwiintengiselwamo zonaniselwano yaye iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano zicingeleka ukuba zilingana namaxabiso azo amahle ngenxa yesimo sexesha elifutshane sezi asethi namatyala.

Izibonelelo

Izibonenelo zinakanwe ngokusekelwe kweyona ntelekelelo yabaphathi entle ngokusekelwe kwiinkcukacha ezikhoyo. Namatyala asenokuvela adandalaziswaphantsi kwaloo mgaqo mnye. Izibonelelo zidandalaziswa apho ixabiso elixhomekeke exesheni linefuthe elivakalayo.

1.4 Izigqibo ezibalulekileyo kunye nemithombo yeentandabuzo kwintelekelelo (ziyaqhuba)

Ipropati, iplanti kunye nezixhobo kwakunye neeasethi ezingaphathekiyo

IBhodi ivavanya amaxabiso alulutho nawemilumiso yezi asethi ngokusekelwe kwimeko yeeasethi kwakunye nomgaqo wokuzibuyisa weBhodi. Abaphathi bakwaqwalasela ifuthe lobuchwepheshe, ubukho benkxasomali yotyalokwakunye nezidingo zeenkonzo ukuze kube nokufunyaniswa ukuba lulutho nangakumbi bexesha lobomi, apho kukwazeka khona.

IBhodi ifumene iofisi ngenyanga yeThupha ka2023. Ngokwemigaqo yomhlathi 69 weGRAP 17 – ipropati, iplanti kunye nezixhobo, umhlaba nezakhiwo ziiasethi ezahlukanisekayo, nkqu naxa sezithengwe kunye. Ngethuba lokuthengwa kwazo iinkcukacha ngexabiso lomhlaba kwakunye nexabiso lesakhiwo zazingafumaneki ngokwahlukeneyo. Ngokwemigaqo yomhlathi 35 weGRAP 17, ixabiso elihle lezinto zomhlaba kunye nezakhiwo amaxesha amaninzi lenziwa bubungqina obufikeleleka kwiimakethi ngokovavanyo. Umhlaba nezakhiwo zazimiselwa amaxabiso lilungu lecandelo lokumiselwa kwamaxabiso ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2024. Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2024, ngokusekelwe kwixabiso elihle lilonke lepropati, ubumi kumyinge wama42% exabiso elihle lilonke, apho izakhiwo zimikumyinge wama58% exabiso elihle lilonke. Ngokweenjongo zokusasaza iindleko kumhlaba nakwizakhiwo, kukwasetyenziswa ingcamango efanayo ukumisela ixabiso lentengo lilonke kumhlaba nezakhiwo njengeeasethi ezahlukeneyo. ama42% exabiso lentengo lilonke athe anikezelwa kumhlaba ze ama58% exabiso lentengo lilonke nikezelwa kwizakhiwo. Ukunikezelwa kwexabiso lentengolilonke kumhlaba nezakhiwo ngokusekelwe kwingcamango yexabiso elihle ekupheleni konyaka yeyona ntelekelelo ingcono yabaphathi isekelwe kwiinkcukacha ezikhoyo.

Iinzuzo zasemva komhlalaphantsi

Ixabiso langoku lesigunyaziso semva komhlalaphantsi lixhomekeke kuthotho lwemiba emiselwa ngokwemigaqo yeakshwari kusetyenziswa uthotho lweengcamango. Ezi ngcamango zisetyenzisiweyo ekumiselweni ixabiso elipheleleyo (ingeniso) liquka izinga lesaphulelo. Naziphi na iinguqu kwezi ngcamango ziya kuba nefuthe kwixabiso eliphathekayo lezigunyaziso zasemva komhlalaphantsi.

Iqumrhu limisela izinga elifanelekileyo lesaphulelo ekupheleni konyaka ngamnye. Eli ke lizinga lenzala ekufuneka lisetyenzisiwe ukumisela ixabiso langoku leentelekelelo zokuphuma kwemali kwixa elisezayo nekulindeleke ukuba zidingeke ukuze kuhlawulwe imihlalaphantsi. Ekumiseleni izinga elifanelekileyo lezaphulelo, iqumrhu linika ingqwalasela amazinga enzala eebhondi zeenkampani ezikumgangatho ophezulu ekusetyenzwa ngazo kwimali eziza kukhutshwa ngayo ezi nzuzo, neziza kuba namaxesha okufikelela ekugqibeleleni naza kulingana namaxesha etyala lomhlalaphantsi elisondeleyo.

Ezinye iingcamango ezimandla ngeenzuzo zasemva komhlalaphantsi, ezifana nokwenyuka kwemivuzo kumaxesha asezayo, amazinga okuphila kwakunye nokwenyuka kwemihlalaphantsi kumaxa asezayo, asekelwe kwiimeko zale mihla kwiimakethi. Iinkcukacha ezizezinye zidandalaziswe kwiNowuthi 14. Ngenxa yesimo sexesha elide sezi zicwangciso, maninzi amaxa entandabuzo.

Ezinye iinzuzo zabasebenzi zexesha elide

Ixabiso elihle lezinye iinzuzo zexesha elide lixhomekeke kuthotho lwemiba emiselwa ngokwesiseko seakshwari kusetyenziswa uthotho lweengcamango. Iingcamango ezisetyenziswa ekumiseleni ixabiso elipheleleyo (ingeniso) iquka izinga lesaphulelo. Naziphi na iinguqu kwezi ngcamango ziya kuba nefuthe kwixabiso eliphathekayo zezinye zeenzuzo zabasebenzi zexesha elide.

Iqumrhu limisela izinga elihle lesaphulelo ekupheleni konyaka ngamnye. Eli kelizinga lenzala elimele ukusetyenziselwa ukumisela ixabiso langoku leentelekelelo zokuphuma kwemali elilindeleke kumaxa asezayo ukuze kube nokuhlawulwa ezinye izikweleti zeenzuzo zabasebenzi zamaxesha asezayo. Ekumiseleni izinga elifanelekileyo lezaphulelo, iqumrhu linika ingqwalasela amazinga enzala eebhondi zeenkampani ezikumgangatho ophezulu ekusetyenzwa ngazo kwimali eziza kukhutshwa ngayo ezi nzuzo, neziza kuba namaxesha okufikelela ekugqqibeleleni naza kulingana namaxesha etyala lamawonga enkonzo ende elisondeleyo.

Ezinye iingcamango ezimandla ngamawonga enkonzo ende, ezifana nokwenyuka kwemivuzo kumaxesha asezayo, amazinga okuphila kwakunye nokwenyuka kwamawonga enkonzo ende kumaxa asezayo, asekelwe kwiimeko zale mihla kwiimakethi. Iinkcukacha ezizezinye zidandalaziswe kwiNowuthi 14. Ngenxa yesimo sezesha elide sezi zicwangciso, maninzi amaxa entandabuzo.

1.4 Izigqibo ezibalulekileyo kunye nemithombo yeentandabuzo kwintelekelelo (ziyaqhuba)

Umonakalo kweifumaneke ngokwemithetho

Ukuba kukho isalathiso sokuba loo nto ifumaneke ngokomthetho, okanye iqela lezo zifumaneke ngokomthetho, zingabe zonakele, iqumrhu lilinganisela ilahleko kuloo monakalo.

Ekuthelekeleni iimali ezinokungena kumaxa asezayo, iqumrhu liqwalasela isixa kunye nexesha loko kungena nokuphuma kwemali eza kuzifumana ekuhambeni kwamaxesha. Ngenxa yoko, apho ifuthe lexabiso lemali elayanyaniswe nexesha lilelivakalalayo, iqumrhu liba nezaphulelo kwiintelekelelo zeemali eziza kungena lisebenzisa izinga elivakalsa izinga langoku elingenamngcipheko ze, ukuba kuyakwazeka, nayiphi na imingcipheko ephathelele ngqo kuleyo ifumanenke ngokomthetho, oko kwiqela lezifumaneke ngokomthetho, apho iintelekelelo zokungena nokuphuma kwemli zingahlengahlengiswanga khona.

Abaphathi basebenzisa ukuguga kwezifumaneke ngokomthetho ngenjongo yokwenza isinikezelo sokuba ingaba ezo zifumanene ngokomthetho zinawo na umonakalo. Ezifumaneke ngokomthetho ezineebhalansi ebezilindeleke ixesha elide (abatyalayo abaneenzima zemali) zivavayelwa umonakalo.

Iinzuzo zangoku zabasebenzi

Ikhefu labasebenzi liqokeleleka kubasebenzi ngkomgaqonkqubo wekhefu wale Bhodi. Ukho ummiselo wendleko epheleleyo yekhefu eliqokeleleneyo ngomhla wengxelo. Le ngqokelela iya kufezekiswa njengoko abasebenzi bethathaa ikhefu okanye bayeke emsebenzini.

1.5 Iporopatil, iplanti kunye nezixhobo

Indleko yento eipropati, yeplanti kunye neyesixhobo inakanwa njengeasethi xa:

- ekho amathuba abonakalayo okuba kuya kubakho inzuzo yoqoqosho okanye inkonzo eyayanyaniswa nale nto ewela kwiqumrhu ekuhambenik kwexesha; yaye
- indleko yale nto ingalinganiselwa ngokuchanekileyo.

Ipropati, iplanti kunye nesixhobo ziqala zilinganiselwe ngokwendleko.

Indleko yento eyipropati, iplanti kunye nesixhobo lixabiso lentengo kunye nezinye iindleko ezayanyaniswa nokuzisa iasethi leyo kwindawo kwakunye nemeko ekufuneka kuyo ukuze ibe nokusebenza ngendlea ekulindeleke ukuba isebenze ngayongabaphathi. Izaphulelo zorhwebo kunye zitsalwa ekufikeleleni kwindleko.

Apho iasethi ngokwentengiselwano engeyiyo eyonaniselwano, indeko yayo lixabiso elihle njengoko kuya kuba njalo ngomhla wokufumaneka kwayo.

Xa amalungu abalulekileyo ento eyipropaty, eyiplanto kunye nesisixhobo eneendlela ezahlukeneyo zokuba lulutho, zithatyathwa njengezinto ezahlukeneyo (amalungu abalulekileyo) epropati, eplanti kunye nawesixhobo.

Ipropati, iplanti kunye nesixhobo siphathwa ngokwendleko kutsalwe umahluko okukwehla kwezinga lamaxabiso kwanazo naziphi na iilahleko.

Umhlaba neZakhiwo ziphathwa ngokwezixa eziphinde zanikwa amaxabiso kutsalwe nakuphi na ukwehla kwezinga lamaxabiso kwakunye neelahleko ezihambelana naloo monakalo.

Iimpinda kuvavanyo zenziwa rhoqo de libe ixabiso eliphathekayo alahlukanga ngandlela ivakalayo kwelo liza kumiselwa kusetyenziswa ixabiso elihle ekupheleni kwethua lokuqulunqwa kwengxelo. Iimpinda kuvavanyo zenziwa rhoqo kwiminyaka emithathu.

Xa into eyipropati, eyiplanti kunye nesisixhobo iphinda ivavanywe, nayiphi na ingqokelela yokwehla kwezinga lamaxabiso ngomhla wokuphindwa kovavanyo iyaphinda idizwe ngokulingana nenguqu kwisixa esikhulu esiphathekayo seasethi ukuze ixabiso eliphathekayo leasethi emva kovavanto olo libe lilingana nesixa esiphinfe savavanywa.

Nakuphi na ukwenyuka kwixabiso eliphathekayo leasethi, ngenxa yale mpinda ekuvavanyweni, kufakwa ngqo kwintsalela yolu vavanyo lwesibini. Ukwenyuka oku kunakanwa kwintsalela okanue kwintsilelo de kube kubuyisa ukwehla kwenxa yolu vavanyo lwale asethi ibikhe yanakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

1.5 Iporopatil, iplanti kunye nezixhobo (ziyaqhuba)

Nakuphi na ukwehla kwixabiso eliphathekayo lesethi, njejngomvuka wempinda kuvaanyo, kunakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo kweli xesha silishukuxayo. Ukwejla oku kuye kuthatyathwe njengokungumvuka wentsalela wempinda kuvavanyo de ibe nayiphi na ibhalansi esalayo kwintsalela yempinda kuvavanto kwinkalo yale sethi.

Intsalela engumvuka wempinda kuvavanyo kwiekhwithi eyayamene nento ethile eyipropati, eyiplanti kunye nesisixhobo isiwa ngqo kwiingeniso eziseselugcinweni xa iasethi seleinakaniwe.

Ipropati, iplanti kunye nesixhobo zehlelwa lixabiso ngokwesiseko somgca ongagungqiyo ngaphezu kobomi obulindelekileyo bokuba lulutho kwazo ukuya kuthi ga kwixabiso lazo lentsalela elindelekileyo.

Intelekelelo yokuba lulutho kobomi bezinto eziyipropati, eziyiplanti kunye nezizizixhobo zivavanye ngokolu hlobo lulandelayo:

Into	**Uhlobo lokwehla kwexabiso**	**Intelekelelo yokuba lulutho kobomi**
Umhlaba	Alukho	Ayiphelelwa
Izakhiwo	Ngumgca ongagungqiyo	Yiminyaka engama50
Iinqwelomafutha	Ngumgca ongagungqiyo	Yiminyaka emi4 - 20
Izixhobo nefenitshala	Ngumgca ongagungqiyo	Yiminyaka emi 2 - 30
Iikhompyutha	Ngumgca ongagungqiyo	Yiminyaka emi 3 - 25
Izixhobo zeekhompyutha	Ngumgca ongagungqiyo	Yiminyaka emi 2 - 25

Iqumrhu livavanya umhla wokunikezelwa kwengxelo ngamnye ukuze lifumanise ukuba sikho nasiphi na isalathisi sokuba oko kulindwe liqumrhu ngexabiso lentsalela kwakunye nokuba lulutho kobomi beasethi zitshintshile ukususela ngomhla wokunikezelwa kwengxelo wonyaka odlulileyo. Ukub asikho nasiphi n isalathiso esikumila kunjalo, iqumrhu liyayihlaziya indaba yobomi obululutho obulindelekileyo kunye/okanye nexabiso lentsalela ngokufanelekileyo. Inguqu inakanwa njengenguqu kwintelekelelo yogcinozincwadi.

Itshaji yokwehla kwezinga lamaxabiso kwithuba ngalinye inakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo ngaphandle kokuba ibandakanywe kwisixa esiphathekayo senye iasethi.

Izinto eziyipropati, eziyiplanti kunye nezizizixhobo zinakanwa xa iasethi ithe yalahlwa okanye xa kungekho zinzuzo zizezinye zilindelekileyo okanye inkonzo enokuvela elindelekileyo esusela ekustyenzisweni kwale asethi.

Inzuzo okanye ilahleko esusela ekunganakanweni kwento eyipropati, eyiplanti kunye nesisixhobo ibandakanywa kwintsalela okanye kwintsilelo xa into leyo ithe ayanakanwa. Inzuzo okanye ilahleko esusela ekunganakanweni kwento eyipropati, eyiplanti kunye nesisisixhobo imiselw njengomahluko ophakathi kwengeniso eseleyo enokusetyenziswa, ukuba ikho, kwakunye nesixa esiphathekayo sale nto.

Iqumrhu lidiza ngokwahlukeneyo inkcitho yokulungis nokugcina ipropati, iplanti kunye nezixhobo kwiinowuthi ezihlonyelwe kwiingxelo zemali (bona inowusee note 32).

1.6 Liasethi ezingaphathekiyo

Iasethi ezingaphathekiyo inakanwa xa:
- ekho amathuba okuba kuseza inzuzo yoqoqosho elindelekileyo okanye ithuba lenkonzo angenxa yokuba yale asethi naza kuza kwiqumrhu; yaye
- indleko okanye ixabiso elihle laleasethi lingalinaniseka ngokuchanekileyo.

Apho kuthe kwathenga iasehi engaphathekiyo ngokwentengiselwano engeyiyo eyonaniselwano, indleko yayo yokuqala ekuthengweni kwayo ilinganiselwano ngokwexabisio layo elihle ngaloo mhla.

Inkcitho kwezophando (okanye kwisigaba sophando sephulo langaphakathi) inakanwa njengenkcitho xa ithe yasetyenziswa.

Iasethi engaphathekiyo esusela kuphuhliso (okanye kwisigaba sophuhliso sephulo langaphakathi) inakanwa xa:
- likho ithuba lokuba ingagqityezelwa iasethi le ukuze ibe nokulungela ukusetyenziswa okanye ukuthengiswa.
- ukho umnqweno wokuba hwokuyigqibezela ze isetyenziswe okanye ithengiswe.
- sikho isakhono sokuyisebenisa okanye sokuyithngisa.
- iyakuza neenzuzo zoqoqosho okanye ithuba lenkonzo kumaxesha aseezayo.
- zikho izibonelelo zezobuchwepheshe, ezemali nezinye ukuze ibe nokugqityezelwa uphuhliso kwanokuze isetyenziswe okanye ithengiswe iasethi le.
- inkcitho ethatyathwa njengesusela kule asethi ngethuba lophuhliso lwayo ingalinganiselwa ngokuchanekileyo.

Iiasethi ezingphathekiyo ziphathwa ngokwendleko ngaphandle kwayo nayiphi na ingqokelela yokuhlawulwa ngokugqibeleleyo kwayo ndawonye naziphi na iilahleko zomonakalo.

Ithuba lenkqubo yokuhlawulwa ngokugqibeleleyo kweeasethi ezingaphathekiyo lihlawulwa rhoqo ngomhla wokunikezelwa kwengxelo. Inguqu iya kuthatyathwa njengenguqu kwintelekelelo.

Ukuhlawulwa ngokugqibeleleyo kunikezelwa ngenjongo yokubhala phantsi iiasethi ezingaphthekiyo, ngokwesiseko somgca ongagungqiyo, ukuya kwixabiso lentsalela yalo njengokolu hlobo lulandelayo:

Into	Uhlobo lokuhliswa kwamaxabiso	Intelekelelo yokuba lulutho kobomi
Isoftweti kavimba weenkcukacha zeWCGRB	Ngumgca ongagungiyo	Iminyaka eli10
IPhulo lokuZenzekela keeLayisenisi	Ngumgca ongagungiyo	Iminyaka eli15

Iqumrhu lidiza iinkcukacha ezichaphazelekayo eziphathelele kwiiasethi ezisabunjwayo okanye ezisaphuhliswayyo, kwiinowuthi ezihlonyelwe kwiingxelo zemali (bona inowuthi 10).

Iiasethi ezingaphathekiyo azinakanwa:
- xa zilahlwayo; okanye
- xa kungekho mathuba eenzuzoz zoqoqosho okanye ithuba lenkonzo elindelekileyo ekusetyenzisweni okanye ekulahweni kwayo.

Inzuzo okanye ilahleko esusela ekunganakanweni kweeasethi ezingaphathekiyo ibandakanywa kwintsalela okanye kwintsilelo xa iasethi leyo ithe ayanakanwa.

1.7 Izixhobo zemali

Ukuhlelwa

Iqumrhu linezi ntlobo zilandelayo zeeasethi ezinexabiso lemali (amahlelo kunye nekhabathiso) njengoko kudiziwe kubuso bengxelo yesimo ngokwemali okanye kwiinowuthi ezihlonyelwe kuzo:

Ihlelo	Ikhabathiso
Imali nezinexabiso lemali	Iasethi yemali ngokwendleko yentlawulo egqibeleleyo
Ezifumaneke kwiintwngiselwano zonaniselwano	Iasethi yemali ngokwendleko yentlawulo egqibeleleyo
Imali nezinexabiso lemali: iiNgxowamali zeetrasti (izixhobo zemali)	Iasethi yemali ngokwendleko yentlawulo egqibeleleyo
Imali nezinexabiso lemali: iiNgxowamali zeetrasti (izixhobo zemali)	Iasethi yemali ngokwendleko yentlawulo egqibeleleyo
Imali nezinexabiso lemali: iNgxowamali yeZindlu iILSF	Iasethi yemali ngokwendleko yentlawulo egqibeleleyo

Iqumrhu linezi ntlobo zamatyala emali (amahleko kunye nekhabathiso) njengoko zidiziwe kubuso bengxelo yesimo ngokwemali okaye kwiinowuthi ezihlonyelwe kuzo:

Ihlelo	Ikhabathiso
Ezihlawulwa ukususela kwiintengiselwano zonaniselwano	Ityala lemali elilingaiselwa kwindleko yentlawulo egqibeleleyo

Ukunakanwa okokuqala kwakunye nomlinganiselo

Izixhobo zemali zinakanwa xa iBhodi iba lihlaknikwimimisleo yezibhambathiso zezixhobo. IBhodi ihlela izixhobo zemali, okanye amalungu azo, ekunakanweni okokuqala njengeasethi enexabiso lemali, ityala lemali okanye isixhobo se-ekhwithi ngokwemigaqo nomongo wezivumelwano ezikwisibhambahiso.

Imilinganisela elandelayo yeeasethi zemali kunye namatyala emali

Iqumrhu lilinganisela zonke izixhobo zemali emva konakano lokuqala lisebenzisa la makhabathiso alandelayo:

- Iiasethi zemali kwindleko yentlawulo egqibleleyo, kusetyenziswa uhlobo lwenzala esebenzayo, ngaphandle kweelahleko zengqokelela yomonakalo.
- Amatyala emali kwindleko ehlawulwe ngokugqibeleleyo, kusetyenziswa uhlobo lwenzala esebenzayo.

Umonakalo kwiiasethi zemali

Iqumrhu livavanya ekupheleni kwethuba lokunikezelwa kweengxelo ngalinye nokuba bukho na ubungqiba obuvakalayi bokuba iasethi yemali okanye iqela leeasethi zemali zibe nomonakalo.

Iasethi yemalu ithatyathwa njengeyonakeleyo ukuba ubungqiba obuvakalayo bubonisa ukuba intshukumo enye okanye ezizezinye zibe nefuthe elibi kwiintelekelelo zokungena nokuphuma kweemali kumaxesha asezayo ngaloo asethi. Ukuba bukho ubungqina, isixa esinokubuyiseka kwakunye nelahleko yomonakalo ziyanakanwa.

Kwizixa ezilindeleke kwiBhodi, iinzima zemali ezimandla zalowo utyalayo, amathuba okuba lowo utyalayo uya kungena ekubhangeni ze angabi nakwenza iintlawulo zonke zithatyathwa njengezalathisi zomonakalo.

Zonke iilahkeko zomonakalo/zokubuyiselwa umva kweelahleko zomonakalo zinakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Iilahleko zomonakalo zibuyiselwa emva ukwenyuka kwixabiso elibuyisekayo leasethi yemali inakho ukwayanyaniswa ngokuphandle nentshukumo eyenzeke emva kokunakanwa komonakalo, ngokuxhomekeke kwisithintelo sokuba isixa esiphathekayo seasethi yemali ngomhla obuyiselwe umva ngawo umonakalo awuyi kugqithisa kwisixa ebesiya kuba sisixa esiphathekayo ukuba umonakalo lowo ubunganakanwanga.

1.7 Izixhobo zemali (ziyaqhuba)

Ukunganakanwa

IBhodi ayiyinakani iasethi yemali kuphela xa:

- amalungelo esibhambathiso sokungena nokuphuma kweemali kwiasethi yemali epphelelwa lixesha, ethe ahlawulwa ngokugqibeleleyo okanye acinywa;
- iBhodi idlulisela kwelinye ihlakani ubukhulu bemingcipheko kunye namawonga obunini beasethi yameli; okanye
- iBhodi, noxa igcine eminye yemingcipheko namawonga abalulekileyo obunini beasethi yemali, idlulise ulawulo lweasethi kwelinye ihlakani ze elinye ihlakani elo labe linesakhono esiphilileyo sokuyithengisa le asethi iyonke kwihlakani elingayamanaga konkekonke, yaye liyakwazi ukusisebenzisa eso sakhono ngokukodwa lingakhange lidinge ukumisela izithentelo ezizezinye kolo gqithiso. Kule meko ke iBhodi iya kungayinakani iasethi ze inakane ngokwahlukeneyo nwaphi na amalungelo kunye nezigunyaziso eidalekileyo okanyeezigciniweto kolo gqithiso.

Ekunganakanweni kweasethi yemali iyonke, umahluko ophakathi kwesixa esiphathekayo kwakunye nengokelela yenqwalasela efumanekileyo (kuquka nayiphi na iasethi entsha efumaneke ikungakhanfge kubekho naliphi n ityala elinokuvelal) iya kunakanwa kwintsalela okanye nkwintsilelo.

Nawaphi na amatyala athe acinywa, axolelek okanye athatyathelwa lelinye iqumrhu ngokwentengiselano engeyiyo eyonaniselwano, athatyathwa ngokwemigaqo yeGRAP 23.

Ezifumaneke ngokweentengiselwano zonaniselwano

Isiboneleleo esinakaniweyo silinganiselwa njengomahlukoophakathi kwesixa esiphathekayo seasethi kunye nexabiso langoku leemali ekuthelekelelwa ukuba ziya ungena kumaxa asezayo nezifumene izaphulelo ngokwezinga lenzala esebenzayo ebhaliswe ekunakanweni okokuqala.

Isixa esiphathekayo seasethi sincitshiswa ngokuthi kusetyenziswe iakhawunti yezibonelelo, futhi ke isixa selahleko sinakanwa ngokwentsalela okanye ngokwentsilelo ngokweenkcitho zokusebenza.

Xa ezifumaneka kwiintengiselwano zonaniselwano zingafumaneki xa ziqokelelwa, amatyala amabi acinyiweyo anakanwa kwiinkcitho zokusebenza kwintsalela okanye kwintsilelo.

Imali kunye nezinexabiso lemali

Imali kunye nezinexabiso lemali ziqua imali esebhankini kunye needipozithi zamaxesha aqingqiweyo amafutshane.

1.8 Ezifumaneka ngokomthetho

Ukunakana

Iqumrhu lizinakana ngokolu hlobo lulandelayo ezifumaneke ngokomthetho:

- ukuba intengiselwano iyintengiselwano yonaniselwano, kusetyenziswa umgaqonkqubo weNgeniso yeentegiselwano ezisusela kunaniselwano;
- intengiselwano iyengeyiyo eyonaniselwano, kusetyenziswa umgaqonkqubo weNgeniso eesusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano (iiRhafu neentlawulo); okanye
- ukub inyengiselwano ayikho kumyinge wale migaqonkqubo idweliswe ngentla apha okanye komnye uMgangatho weGRAP, leyo ifunekileyo inakanwa xaingcaciso ngesethi ithe yafikeleleka ze, xa kucaca ukuba iinzuzo zoqoqosho okanye ithuba lenkonzo kumaxesha asezayo eyayanyaniswa neasethi le iya kungena kwiqumrhu ze isixa sentengiselwano sibe nokulinganiseka ngokuchanekileyo.

Umlinganiselo wokuqala

Iqumrhu lilinganisela okokuqala ezifumaneke ngokomthetho kwisixa sazo sentengiselwano.

Umliinganiselo olandelayo

Iqumrhu lilinganisela ezifumaneke ngokomthetho emva konakano lokuqala lisebenzisa ingcamango yendleko. Phantsi kwale ngcamango yendleko, umlinganiselo wokuqala lwale ifumanekileyo itshintshwa kulandela ukunakanwa okokuqala ukuze kube nokuvakaliswa nayiphi na:

- inzala okanye ezinye iintlawulo ezinokuba zivelile kuleyo ifumanekileyo (apho kukwazeka khona);
- iilahleko ezingumvuka womonakalo; kunye
- nezixa ezinganakanwanga.

1.8 Ezifumaneka ngokomthetho (ziyaqhuba)

Iilahleko zomonakalo

Iqumrhu livavanya ngomhla wokunikezelwa kwengxelo ngamnye nokuba sikho na isalathisi sokuba efumeneke ngokomthetho, okanye iqela lezifumaneke ngokomthetho, lingabe lonakele.

Ekuvavanyeni ukuba sikho nasiphi sokuba efumanene ngokomthetho, okanye iqela lezifumaneke ngokomthetho, zingabe zonakele, iqumrhu linika ingqwalasela, ubuncinci, ezi zalathisi zilandelayo:

- Ubunzima bemali obumandla okanye umtyali, nto leyo inokungqinwa sisicelo sokfumana intuthuzelo ngokwamatyala, ukuhlangulwa kweshishini okanye into ebunjalo.
- Kuyacaca ukuba umtyali uya kungena ekubhangisweni, ekuchithweni okanye ekuhlangehlengisweni ngokwemalili.
- Ukungahlonelwa kwemiqathango zentengiselwano, ezifana nokungahlawuli okanye ukungahlonelwa kwemigaqo yokubuyiswa kweentlawulo zemali eyinkunzi okanye eyinzala (apho kukho intlawulo).
- Iinguqu ezimbi kwiimeko zoqoqosho zamazwe ngamazwe, kwezelizwe okanye kwezengingqi, ezifana nokwehla kokukhula, ukwenyuka kwamanqanaba amatyala kwakunye nentswelangqesho, okanye iinguqu kumazinga kunye neenkqubo zemfuduko.

Ukuba sikho isalathisi sokuba efumanene ngokomthetho okanye iqela lezifumaneke ngokomthetho, zingabe zonakele, iqumrhu lilinganisela ilahleko leyo yomonakalo njengomahluko ophakathi kweentelekelelo zokungena nokuphumakwemali kumaxa asezayo kunye nexabiso eliphathekayo. Wapho isixa esiphathekayo hsingentla kuneentelekelelo zeemali ezinokungena ziphume kumaxesha asezayo isixa esiphathekayo efumneke ngokomthetho, okanye seqela lezifumaneke ngokomthetho, siyacuthw, mhlawunbi ngokuthe ngqo okanye ngokuthi kusetyenziswe iakhawunti yezibonelelo. Isixa esi selahleko sinanakwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Ilahleko yomonakalo inakanwa kumaxesha angaphambili kwinkalo yefumanene ngokomthetho iyahlaziywa ukuba kubekho inguqu kwiintelekelelko ezisetyenzisiweyo ukususela ekunakanweni kwelahleko yomonakalo wokugqibela, okanye ukubonajalisa ifuthe lokufaka izaphulelo kwiintelekelelo zokungena nokuphuma kwemali.

Nayiphi na ilehleko yomonakalo ebinakanwe ntlandlolo ihlengahlengiswa ngokuthe ngqo, okanye ngokuthi kuhlenghlengiswe iakhawunti yezibonelelo. Uhlengahlengiso alukhokeleli ekubeni isixa sefumaneke ngokomthetho okanye seqela lezifumaneke ngokomthetho sigqithisa kwisixa esiphathekayo saleyo/sezo zifumaneke ngokomthetho ebesiza kuba yiyo ukuba ilahleko yomonakalo ibinganakanwanga ngomhla wokuhlaziywa komonakalo. Isixa salo naluhi na uhlenghlengso sinakanwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Ukunganakanwa

Iqumrhu alinakani efumaneke ngokomthetho, okanye inxalenye yayo, xa:

- amalungelo okungena nokuphuma kwemali kuleyo ifumanekileyo ahlaulwe ngokugqibeleleyo, phelelwe lixesha okanye ecinyiwe;
- iqumrhu lidlulisela kwelinye ihlakani ubukhulu okanye bemingcipheko okanye yonke imingcipheeko kunye namawonga obunini baleyo ifumanekileyo; okanye
- iqumrhu, noxa liyigcinile nje eminye imingcipheko kunye namawonga amakhulu obunini bale ifumanekileyo, lidlulisele ulawulo lwale ifumanekileyo kwelinye ihlakani yaye ke elinye ihlakani linaso isakhono esisiso sokuthengisa leyo ifumanekileyo iyonke okanye kwihlakani elingazalaniyo, yaye linakho ukusebenzisa eso sakhono lilodwa ngokuthi limisele ezinye izithintelo kolu gqithiso. Kule meko, iqumrhu:
  - aliyinakani leyo ifumanekileyo; yaye
  - recognise separately any rights and obligations created or retained in the transfer.

Nawuphi na umahluko ophakathi kwengqwalasela efumanekileyo kunyenezixa ezinganakanwanga kwakunye, nezixa ezinakanwe kwintsalela okanye kwintsilelo kwithuba lolu gqithiso.

1.9 Ukurhafisa

Ingeniso yeBhodi ayiyihlawuliswa irhafu ngokwemigaqo yeCandelo 10(1)(cA) (i) leIncome Tax Act, ka1962.

1.10 Izivumelwano zokuqesha

Nasiphi na isivumelwano sokuqesha simiselwe njengesivumelwano sokuqesha semali ukuba sigqithisela ubukhulu bemingcipheko okanye yonke imingcipheko kunye namawonga obunini. Isivumelwano sokuqeshasimiselwe njengesivumelwano sokuesha esisebenzayo ukuba asigqithisi ubukhulu yonke imingcipheko namawonga eyayamene nobunini.

Izivumelwano zokuqesha ezisebenzayo umqeshi

Iintlawulo zezivumelwano zokuqesha njengenkcitho emi kwisiseko somgca ongagungqiyo kwisithuba sexesha lesi sivumelwano sokuqesha. Umahluko ophakathi kwezixa ezinakaniweyo njengenkcitho kwakunye neentlawulo zesibhambathiso zinakanwa njengesivumelwano seasethi okanye setyala lokuqesha esisebenzayo.

1.11 Umonakalo kwiiasethi eziza nemali

Iiasethi eziza nemali ziiasethi ezisetyenziswa ngenjongo yokuza nembuyekezo yemali yoshishino.

Ukufumanisa

Xa isixa esiphathekayo seasethi eza nemali sigqithisa kwisixa semali ebuyisekayo, yonakele.

Iqumrhu livavanya rhoqo ngomhla wokunikezelwa kwengxelo nokub sikho na isalathisi sokuba ikho iasethi eza nemali enokuba yonakele. Ukuba sikho isalathisi esinjalo, iqumrhu lithelekelela imali esenokubuyiseka yeasethi leyo.

Unakano nomlinganiselo

Ilahleko yomonakalo inakanwa ngoko nangoko kwintsalela okanye kwitsilelo.

Emva kokunakanwa kwelahleko yomonakalo, ukwehla kwamaxabiso (ukuhlawulwa ngokugqibeleleyo kwamatyala) itshaji yeasethi eza nemali ihlengahlengiswa kumaxesha sezayo ukuze kubekwe isixa esiphathekayo esihlengahlengisiweyo sale asethi ia nemali, ngaphandle kwentsalela yayo (ukuba ikho), kwisiseko esithungelanayo ngaphezu kobomi bayo obululutho obuseleyo.

Ukubuyiselwa kwelahleko yomonakalo

Iqumrhu livavanya kumhla ngmnnye wokunikezelwa kwengxelo nokuba sikho na isalathisi sokunakana ilahleko yomonakalo kumathuba angaphambili kuba iasethi eza nemali ingaba ayisekho okanye ingab yehlile. Ukuba sikho isalathisi esinjalo, iqrhu lithelekelela isixa esinokubuyiseka kuloo asethi.

Ilahleko yomonakalo enakanwe kumaxesha angaphambili ngeasethi eza nemali iyabuyiselwa ukuba kuye kwakho utshintsho kwiintelekelelo ezisetyenziselwe ukuvakalisa isixa esibuyisekayo ukususelaa ekunakanweni kwelahleko yomonakalo wokugqibela. Isixa esiphathekayo seasethi siyenyuswa sifikeele kwisixa sayo esibuyisekayo. Ukwenyuka kwexabiso kukubuyiswa kwelahleko yomonakalo. Isixa esiphathekayo esenyusiweyo seasethi esithatyathwa njengesisusela kolo buyiselo lwelahleko yomonakalo asigqithi kwisixa esiphathekayo ebesiya kumiselwa (intsaela yokwehla kwamaxabiso okqanye yokuhlaulwa ngokugqibeleleyo) besingenalahleko yomonakalo enakaniweyo ngale asethi kumaxesha angaphambili.

Ukubuyiselwa kwelahlekeo yomonakalo kwiasethi eza nemali kunakanwa ngoko nangoko emva kwentsalela okanye kwentsilelo.

Emva kokuba ukubuyiselwa kwelahleko yomonakalo kunakaniwe, ukwehla kwamaxabiso (ukuhlawulwa ngokugqibeleleyo), itshaji yeasethi eza nemali iyahlengahlengiswa kumaxesha asezayo ukuze kube nokubekwa isixa sale asethi iza nemali eihlaziyiweyo, ngaphandle kwexabiso layo eliyintsalela (ukuba likho), kwisiseko esithungelanayo ngaphazu kobomi bayo obululutho.

1.12 Iinzuzo zabasebenzi

Iinzuzo zabasebenzi zethuba elifutshane

Iinzuzo zabasebenzi zethuba elifutshane ziquka izinto ezifana:

- iiweyjisi, imivuzokunye neentlobo zegalelo zokhuseleko loluntu;
- ukungabikho okubuyekezwayo kwethutyana elifutshane (okufana nekhefu lonyaka elihaulelwayo kwakunye nekhefu lokugula elihlawulelwayo) apho imbuyekezoz zoku kungabikho zimele ukuhlawulwa kwisithuba seshumi elinambini leenyanga emva kokuphela kwexesha lokunikezelwa kwengxelo apho abasebenzi bawenza khona umsebenz wabo;
- ibhonasi, inzuzo kunye neentlawulo ezayamene nentsebenzo nekufuneka zihlawulwe kwisithuba seshumi elinambini leenyanga emva kokuphela kwethuba lokunikezelwa kwengxelo abebewenza kuyo abasebenzi umsebenzi wabo; kwakunye
- neenzuzo ezingeyomali (umzekelo, unonophelo lonyango, kakunye neemveliso ezisimahla okanye iinkonzo ezifananezindlu, iinqwelomafutha kunye neminxeba yesinqe) kubasebenzi abakhoyo ngoku.

Xa umsebenzi ethe wanikezela inkonzo kweli qumrhu kwisithuba sokunikezelwa kwengxelo, iqumrhu linakana iinzuzo zesixa esingenasaphulelo zexesha elifutshsane ezilindeleke kwiqumrhu kwisithuba sokunikezelwa kwngxelo, iqumrhu linakana esi sixa singenasaphulelo seenzuzo zabasebenzi zexesha elifutshane ekulindeleke ukuba zihlawulwe njengembuyekezo kuloo nkonzo:

- njengetyala (inkcitho eqokeleleneyo), emva kokutslwa nasiphi na isixa ebesisele sihlawuliwe. Ukuba isixa ebesisele sihlawuliwe kakade siyagqithisa kwisixa esingenasaphulelo seenzuzo, iqumrhu linakana oko kugqithisa njengeasethi (inkcitho esele ihlawulwa kwantlandlolo) de loo ntlawulo yantlandlolo ikhokelele, umzekelo, ekuncitshisweni kwiintlawulo zamaxesha asezayo okanye njengembuyekezo yemali; kwakunye
- njengenkcitho, ngaphandle kokuba ukho omnye uMgangatho omisela okamnye ovumelaa ukubandakanywa kweenzuzo kwindleko yeasethi.

Indleko elindelekileyo yokungabikho okubuyekezwayo inakanwa njengenkcithno njengoko abasebenzi benikezela iinkonzo ezandisa amalungelo abo okanye, kwimeko yokungabikho komsebenzi okungaqokelelaniyo xa kusenzeka oko kungabikho. Iqumrhu lilinganisela indleko elindelekileyo koko kungabikho okubuyekeziweyo njengesixa esongezelelekileyo iqumrhu elilindele ukuba liyihlawule njengomvuk wamalungelo angasetyenziswanga eqokelelene ngomhla wokunikezelwa kwengxelo.

Iqumrhu linakana indleko yeebhonasi elindelekileyo xa iqumrhu linesigunyaziso esikhoyo somthetho okanye sophuhliso ekufuneka ekwenzeni ezo ntlawulo njengomvuka weentshukumo zangaphambili yaye ingenziwa nentelekelelo echanekileyo yeso sigunyaziso. Sikho isigunyaziso esikhoyo xa iqumrhu lingenayo enye indlela yokwrnza ngaphandle kokwenza eziz ntlawulo.

Ingqokelela yamalungelo abasebenzi kwimivuzo kwakunye nekhefu lonyaka imele isixa enesigunyaziso esiphilayo sokuyihlawula iBhodi njengomvuka weenkonzo eezinikezelwe ngabasebenzi ngomhla wokunikezelwa kwengxelo. Ezi ngqokelela zibalwe ngokwezixa ezingenazaphulelo ngokusekelwe kumazinga emivuzo yangoku.

Iinzuzo zasemva kokuphela kwengqesho: izicwangciso zegalelo ezicwangcisiweyo

Izicwangciso ezimiselweyo zizicwangciso zegalelo lasemva kokuphela kwengqesho elithi iqumrhu lihlawule phantsi kwazo igalelo eliqingqiweyo kwiqumrhu elilelinye (ingxowamali) yaye alinakuba nasigunyaziso somthetho okanye sophuhliso sokuhlawula amanye amagaleloo ukuba ingxowamali ayinaziasethi zaneleyo zokuhlawula zonke iinzuzo zabasebenzi eziphathelele kwinkonzo yabasebenzi kwithuba langoku kunye nelangaphambili.

Xa umsebenzi enikezele inkonzo kweli qqumrhu kwisithuba sokunikezzelwa kwengxelo, iqumrhu linakana eli galelo elimele ukuhlawulwa kwisicwangciso esimiselweyo segalelo njengembuyekezo yaloo nkonzo:

- njengetyala (inkcitho eqokeleleneyo), emva kokutslwa nasiphi na isixa ebesisele sihlawuliwe. Ukuba isixa ebesisele sihlawuliwe kakade siyagqithisa kwisixa esingenasaphulelo seenzuzo, iqumrhu linakana oko kugqithisa njengeasethi (inkcitho esele ihlawulwa kwantlandlolo) de loo ntlawulo yantlandlolo ikhokelele, umzekelo, ekuncitshisweni kwiintlawulo zamaxesha asezayo okanye njengembuyekezo yemali; kwakunye
- njengenkcitho, ngaphandle kokuba ukho omnye uMgangatho omisela okanye ovumelaa ukubandakanywa kweenzuzo kwindleko yeasethi

1.12 Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

Iinzuzo zasemva kokuphela kwengqesho: izicwangciso zegalelo ezicwangcisiweyo

Izicwangciso zeenzuzo ezimiselweyo zizicwangcisiweyo zasemva kokuphela kwengqesho ezingezizo izicwangciso zegalelo leenzuzo ezimiselweyo.

Isixa esinakanwe njengetyala lenzuzo emiselweyo yitotali epheleleyo yezi zixa zilandelayo:
- ixabiso langoku lesigunyaziso senzuzo emiselweyo ngomhla wokunikezelwa kwengxelo;
- kuthatyathwe ixabiso elihle ngomhla wokunikezelwa kwengxelo leeasethi zesicwangciso (ukuba zikho) apho kufuneka kuhlawulwe ngokugibeleleyo izigunyaziso ngokuthe ngqo;
- kwakunye naliphi na ityala elinokuthi livele njengomvuka wesidingo sokuxhasa ngemali encinci

iqumrhu linakana itotali epheleleyo yezizixa zilandelayo kwintsalela okanye kwintsilel, ngaphndle kokuba kuthi kanti kukho omnye uMgangatho umisela okanye uvumela ukubandakanywa kwao kwindleko yeasethi:
- indleko yangoku yenkonzo;
- indleko yenzala;
- iinzuzo okanye iilahleko zeakshwari;

iqumrhu lisebenzisa uHlobo lweTyala eliThelekelelweyo ukuze limiselwe ixabiso langoku lezigunyaziso zalo zeenzuzo ezimiselweyo ndawonye nendleko yangoku yenkonzo ehambelana nazo.

Ukumiselwa kwamxabiso ngokweakshwari kwenziwa rhoqo ngonyaka ziiakhswari ezizimeleyo ngokwahlukeneyo kwisicwangciso ngsinye. Iziphumo zoku kumiselwa kwamaxbiso kuhlaziyelwa nazo naziphi na iintengiselwano ezikhoyo kwakunye nezinye iinguqu ezibonakalayo kwiimeko (kuquka neenguquq kumaxabiso eemakethe kwakunye namazinga enzala) ukuya kuthi ga kumhla wokunikezelwa kwengxelo.

Amawonga enkonzo ende

Amawonga entsebenzo ende anikezelwa kubasebenzi abazuza imigomo ethile emiselwe kwantlandlolo ekukhonzeni le Bhodi. Indleko yezi nzuzo elindelekileyo iqokelelana kwisithuba sengqesho. Isigunyaziso seBhodi kwinkalo yale nzuzo yenziwa ziiakshwari ezizimeleyo rhoqo ngonyaka ze lenyuswe ityala elihambelana naso.

Ityala eli linakanwa njengexabiso langoku lesigunyziso senzuzo emiselweyo ngomhla wokunikezela kwengxelo.

IBhodi inakana itotali epheleleyo yezi zixa zilandelayo kwintsalela okanye kwintsilelo, ngaphandle kokuba ukho uMgangatho ongomnye omisela okanye ovumela ukubandakanyeka kwindleko yeasethi:
- indleko yangoku yenkonzo;
- indleko yenzala;
- iinzuzo neelahleko zeeakshwari

IBhodi lisebenzisa uHlobo lweTyala eliThelekelelweyo ukumisela ixabiso langoku lesigunyaziso sayo samawonga enkonzo ende kunye nendleko yangoku ehambelana nenkonzo, ze apho kukwazekayo, indleko yenkonzo yangaphambili.

Iinzuzo kunye neelahleko ezisusela kumava ohlengahlengiso kwakunye neenguqu kwiintelekelelo zeeakshwari, zinakanwa kwiNgxelo yeNtsebenzo ngokweMali kwixesha ezzivela kulo.

1.13 Izibonelelo kunye namacebo

Izibonelelo zinakanwa xa:
- iqumrhu linesiguyaziso sangoku njengomvuka wentshukumo yangaphambili;
- kucaca ukuba ukuphuma kwezibonelelo eziza neenzuzo okanye yoqoqosho okanye ithuba lenkonzo kuya kudingeka ukuba sifezekiswe isigunyaziso eso; yaye
- intelekelelo echanekileyo ingenzeka kwesi sigunyaziso.

Izibonelelo zihlalutywa ngomhla wokunikezelwa kwengxelo ngamnye ze zihlengahlengiselwe ukuvakalisa eyona ntelekelelo yangoku ingcono. Izibonelelo ziyabuyiswa ukuba kuccaca ukuba awasekho amathuba okuphuma kwezibonelelo eziza neenzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo za kudingeka, ukuze kufezekiswe esi sigunyaziso.

Azinanakwa izibonelelo kusenzelwa intsalela yamaxesha asezayo yokusebenza (intsilelo).

Iiasethi zamacebo kwakunye namatyala abekelwe amaxesha athile awanakanwa. Ityala lokuvala isikhewu liyadandalaziswa ngaphandle kokuba amathuba okuphuma kwezibonelelo eziza neenzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo amfiliba. Iasethi ebekwe njengcebo lexesha elisezayo idandalaziswa pho kucacileyo ukungena kweenzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo. La macebo adndalaziswe kwiinowuthi 34.

1.14 Ingeniso esusela kwiintengiselwano zonaniselwano

Umlinganiselo

Ingeniso ilinganiselwa kwixabisso elihle lengqwalasela ethe yafumaneka okanye eseza kufumanka, ingqokelela yezaphulelo zorhwebo kwakunye nobungakanani beembuyekezo.

Ingeniso yokusebenza iquka:

IiNtlawulo eziBizwa ngaBahloli beBhodi

Oku kumele itshaji ngeyure yabahloli bebhodi abenza umsebenzi wokucupha nowokuphanda. Ingeniso inakanwa ngeeyure abathe benza ngazo umsebenzi wokucupha nowokuphanda abahloli.

Iintlawulo zokuphanda

Oku kumele iintlwulo ezihlawulwa ngamaqumrhu aneelayisenisi zokuseebenza ngokwemigaqo yecandelo 44 leWestern Cape Gambling and Racing Act (uMthetho 4 ka1996) njengoko kwenziwe iinguqu. Ingeniso inakanwa kwi-invoysi ngexesha ekunikezelweni okanye ekuhlaziyweni kwelayisenisi yokusebenza.

Iintlawulo zeelayisenisi zokusebenza

Oku ke kumele intlawulo emele ukuhlawulwa ngokwemigaqo yecandelo 44 leWestern Cape Gambling and Racing Act (uMthetho 4 ka1996) njengoko kwenziwe iinguqu. IBhodi ikwaqokelela iintlawulo zezicelo zeelayisenisi kwisizwe ngokwemigaqo yecandelo 28(1)(a) (b) leMimiselo yeSizwe yokuNgcakaza. Ingeniso inakanwa kwi-invoysi ngethuba lesicelo.

Iintlawulo zaBasebenzisi beLPM

Oku kumele intlawulo emele ukuhlawulwa ngokwemigaqo yecandelo 44C leWestern Cape Gambling and Racing Board (uMthetho 4 ka1996) njengoko kwenziwe iinguqu. Ingeniso inakanwa kwi-invoyisi ekunikezelweni okanyeekuhlaziyweni kwelyisenisi yokusebenza.

Ingeniso yenzala

Yiya kwicandelo 1.16 ukuze ufikelele kumgaqonkqobo wogcinozincwadi ngeNgeniso yeNzala.

Ingeniso yerente

Ingeniso esusela kwingeniso yerente inakanwa ngokwesiseko somgca ongagunqiyo kwisithub sesivumelwano sokuqesha.

Enye ingeniso

Enye ingeniso inakanwa xakucacile ukuba ikho iinzuzo zoqoqosoh kunye namathuba enkonzo asezayo kweli qumrhu xa isixa silinganiselwe ngokuchanekileyo.

1.15 Ingeniso esusela kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Iinkxasomali zikarhulumente

Iinkxasomali zikarhulumente ezingenamiqathango yayanyaniswe nazo, zinakanwa njengengeniso xa iasethi ithe yaakanwa.

Izponsara ezifumanekileyo, kuquka neemveliso zesisa

Izponsara ezifumanekileyo, kuuka neemveliso zesisa, zinakanwa njengengeniso xa kucacile ukuba iinzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo ziya kuwela kweli qumrhu ze ixabiso elihle lezi asethi libe nokulinganiselwa ngokuchanekileyo.

Iinkonzo zesisa

Iqumrhu linakana iinkonzo zesisa ezibalulekileyo kwimisebenzi yalo kunye/okanye iinjongo zokuhanjiswa kweenkonzo njengeeasethi ze linakane ingeniso eyayanyaniswa nazo xa kucacile ukuba ziyeza iinzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo kweli qumrhu zeixabiso elihle leziasethi libe nokulinganiseka ngokuchanekileyo.

Apho iinkonzo zesisa zingabalulekanga kangako kwimisebenzi yeli qumrhu kunye/okanye kwiinjongo zalo zokuhanjiswa kweenkonzo kunye/okanye azizifezekisi izidingo zokuakanwa, iqumrhu linakana isimo kunye nohlobo lweenkonzo zesisa kwisithuba sokunikezelwa kwengxelo.

1.16 Ingeniso yenzala

Ingeniso yenzala inakanwa ngokwesiseko esayamene namaxesha kusetyenziswa uhlobo lwenzala esebenzayo.

1.17 Ugcinozincwadi zizikhulu nabathunywa

Ukufumanisa

Isivumelwano sesikhulu nomthunywa sisusela kwisivumelwano esibophelelayo apho iqumrhu elinye (elingumthunywa), lenza iintengiselwano namanye amaqumrhu egameni, yeye lisenzela inzuzo yelinye (isikhulu).

Unakano

Iqumrhu, njengomthunywa,linakana kuphela ingxeny yengeniso kunye neenkcitho ezifumanayo okanye ezikhuphayo ekungeneni kwiintengiselwano egameni lesikhulu ngokwemigaqo yezidingo zeMigangatho esebenzayo yeGRAP.

Iqumrhu linakana iiasethi kunye namatyala asusela kwizivumelwano eziphakathi kwesikhulu nomthunywa ngokwemigaqo yezidingo zeMigangatho esebenzayo yeGRAP.

1.18 Iingxowamali zeetrasti

Iingxowamali zeetrasti zimele iidipozithi ezenziwa ngamashishini ongcakazo ngeenjongo zokuvala iindleko kwakunye nokungabi nakuhlawula okuthe kwenzeka ngokwemigaqo yecandelo 34 kunye necandelo 39 leWestern Cape Gambling and Racing Act, ka1996 (uMthetho 4 ka1996), njengoko kwenziwe iinguqu.

1.19 Izixa zentelekiso

Xa sikho isidingo, izixa zentelekelelo zithe zahlelwa ngokutsha ngenjongo yokumelana nenguqu ekunikezelweni kwazokulo nyaka sikuwo.

Xa isinikezelo okanye ukuhlelwa kwezinto kwiingxelo zemali zonyaka kuthe kwaneenguqu, kuye kubuyiselwe izixa zentelekiso zamaxesha angaphambili, ngaphandle kokuba umgangatho weGRAP awunaso isidingo sokubuyiselw okanye seentelekelelo zezo nkcukacha. Apho kuthe kwabhaqwa khona iimpazamo zogcinozincwadi kulo nyaka sikuwo, kuye kwenziwe isilungiso ngokwexesha elingaphambili kangangoko kukwazekayo, ze iintelekelelo zonyaka ongaphambuluzibuyiselwe ngokulindelekileyo. Apho kuthe kwavela khona inguqu kumgaqonkqubo wogcinozincwadi kulo nyaka sikuwo, kuye kwenziwe uhlengahlengiso ngokwethuba langaphambili kangangoko kukwazekayo, ze iintelekeelo zonyaka ongaphambili zibuyiselwe ngokulindelekileyo.

1.20 Inkcitho engenanzuzo kunye neyilahleko

Inkcitho engenanzuzo itheth inkcitho ethe yenziwa ngelize nto leyo engeyinqandekile ukba bekuthe kwabonakaliswa inkathalo edingekayo.

Yonke inkcitho ephathelele kwinkcitho engenanzuzo neyilahleko inakanwa njengenkcitho kwingxelo yentsebenzo ngokwemai kunyaka eyenziwe ngawo le nkcitho. Inkcitho le ihlelwa ngokwemigaqo yohlobo lwenkcitho, ze apho idizwe khona, imiselwe njengengeniso kwingxel oyentsebenzo ngokwemali.

1.21 Inkcitho engagunyaziswanga

Inkcitho engagunyaziswanga ichazwa kwicandelo 1 lePFMA njengenkcitho engeyiyo leyo igunyazisiweyo, eyenzeke ngokuphikisanayo okanye inganakanwang imimiselo yawo nawuhi na umthetho olawulawuyo, kuquka
(a) lo Mthetho; okanye
(b) iState Tender Board Act, ka1968 (uMthetho onguNombolo 86 ka1968), okanye nayiphi na ke imimiselo eyenziwe ngokwemigaqo yalo Mthetho; okanye
(c) nayiphi na imithetho yephondo emisela iinqubo zeentengo kuloo rhulumente wephondo.

Inowuthi 4 ka2008/2009 yeNkqubo yeSebe leMali leSizwe eyakhutshwa ngokwemigaqo yamacandelo 76(1) ukuya kwelama76(4) lePFMA limisela oku kulandelayo (asebenze ukususela ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka2008):

Inkcitho engagunyaziswanhha ethe yenziwa ze yabhaqwa kulo nyakamali sikuwo nethe yenyuselwa ngaphambi kokuphela konyaka ze/okanye ngaphammbi kokuqosheliswa kweengxelo zemali kufuneka irekhodwe ngendlela efanelekileyo nayo kwirejista yenkcitho engagunyaziswanga. Kule meko, akukho ntshukumo iyenye ilindelekileyo ngaphndoe kokuhlaziywa kwenowuthi ehlonyelwe kwiingxelo zemali.

Inkcitho engagunyaziswanga ethe yenziw ze yabhaqwa kulo nyakamali sikuwo nekusalindeleke ukwenyuselwa kwayo ekupheleni konyaka kufuneka irekhodwe kwirejista yenkcitho engagunyaziswanga. Akukho ntshukumo iyenye ilindelekileyo ngaphndoe kokuhlaziywa kwenowuthi ehlonyelwe kwiingxelo zemali.

Apho kuthi kwenziwa inkcitho engagunyaziswanga kona kunyakamali ongaphambili nekuthi kwenziwe ukwenyuselwa kwayo kunyakamali olandelayo, irejista kunye nenowuthi yokudiza ehlonyelwe kwiingxelo zemali kufuneka ihlaziywe ngesixa esenyuselweyo.

Inkcitho ngagunyaziswanga eyenziweyo nethe yabhaqwa kulo nyakamali sikuwo nethe ayenyuselwa liSebe leMali leSizwe okanye nguloo khala ufanelekileyo kufuneka irekhodwe ngokufanelekileyo kwirejista yenkcitho engagunyaziswanga. Ukuba kuyakwazeka ukubekwa ubutyala bale nkcitho ingagunyaziswanga kumntu othile, kufuneka kuvulwe iakhawunti yetyala ukuba umntu lowo unetyala ngokomthetho. Kufuneka kuthatyathwe amanyathelo akhawulezileyo emva koko ukuze kube nokubuyiseka esi sixa kuloo mntu uchaphazelekayo. Ukuba ayikwazi ukubuyiseka, igosa elongameleyo okanye ukhala olawulato angalicima ityala eli njengetyala lomonakalo ze akudandalazise oko kwinowuthi efanelekileyo ehlonyelwe kwiingxelo zemali. Irejista yenkcitho engagunyaziswanga nayo kufuneka ihlaziywe ngokufanelekileyo. Ukuba inkcitho engagunyaziswanga leyo ayithanga yenyuselwa yaye akukho mntu unatyala ngokomthetho, inkcitho leyo kufuneka ihlale iqhotyoshelwe kwinkqubo/kwinto echithwe kuyo le mali, idizwe njengoko kwinowuthi ehlonyelwe kwiingxelo zemali ze ihlaziywe ngokufnelekileyo kwirejista yenkcitho engagunyaziswanga.

Inkcitho engagunyaziswanga ethe yabuyiseka inakanwa njengengeniso kwiNgxelo yeNtsebenzo ngokweMali.

1.22 Iinkcukacha ezingeentshukumo

Le ke yintshukumo yequmrhu:
- eza neenzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo (kuquka iinzuzo zoqoqosho okanye amathuba enkonzo ephathelele kwiintengiselwano eziphakathi kweentdhukumo zequmrhu elinye);
- elineziphumo ezihlalutywa rhoqo ngabaphathi ngenjongo yokwenza izigqibo ngezibonelelo ezimele ukusiwa kuloo ntshukumo kwanasekuvavanyweni kwentsebenzo yalo; kwakunye
- nekuthi kubekho iincukacha ezingemali ezizodwa.

Iintshukumo ekumele ukunikezelwa ingxelo ngazo zezona ntshukumo ekunikezelw ingxelo ngzo kwingxelo yeentshukumo. Ziziintshukumo ezifunyaniswe ngentla okanye ke kungenjalo indibanisela yezimbini okanye nangaphezulu kwezo ntshukumo zifezekisekayo izidingo zendibanisela yazo.

1.22 Iinkcukacha ezingeentshukumo (ziyaqhuba)

Xa kuqwalaselwa iinkqubo zale Bhodi kwakunye neentlobo zeengxelo zangaphakathi zolawulo ndawonye neengxelo zemali zonyaka, kungafumaniseka oku kulandelayo xa zivavanywe ngokuthelekiswa nengcaciso yengxelo yeentshukumo:

IiNkqubo ezingezoLawulo kunye nezeICT yimisebenzi yenxaso enikwa eli qumrhu engangenisi zinzuzo zoqoqosho ze ke ngoko iintshukumo ezi azinakubonwa njengeentshukumo.

Ukukhutshwa kweeLayisenisi kunye nokuThotyelwa kweMimiselo kona kuyeza nazo iinzuzo zoqoqosho, kodwa ke ukuqulunqwa nokunikezelwa kweengxelo kwenziwa kwinqaaba lokuqulunqwa kweengxelo zoqoqosho ngokweendibanisela. Iinkqubo zisekelwe kwiintshukumo zemisebenzi yale Bhodi zokuKhutshwa kweeLayisenisi kwakunye nokuThotyelwa kweMimiselo apho amasebe eenkonzo zenkxaso ahlawulela indleko yohlobo oluphangaleleyo. Kwangokunjalo, iinkcukacha azihlalutyelwa ukusiwa kumasebe ngamasebe.

Kululuvo lwabaphathi ukuba iBhodi ayinazo iintshukumo njengoko iinkqubo iyimisebenzi yenkxaso futhi ke zingazi nazinzuzo zoqoqosho okanye namathuba enkonzo.

1.23 Iinkcitho ezihlawulwe kwantlandlolo

Iinkcitho ezihlawulwe kwantlandlolo ziindleko ezihlawulelwe kwangaphambili.

Iintlawulo ezihlawulwe kwantlandlolo ziindleko ezihlawulelwe kwithuba elithile lokunikezelwa kwngxelo, kodwa apho iasethi echaphazelekayo ingayi kusetyenziswa de kufike ixesha elisezayo. Xa iasethi leyo ichaphazelekayo ithi isetyenziswe, itsalwa kwingxelo yentsebenzo ngokwemali.

1.24 Iinkcukacha ezingesabelomali

Isabelomali esiphunyeziweyo siquka ixesha lemali elisusela ngomhla 2024/04/01 ukuya ngowama2025/03/31.

Iingxelo zemali zonyaka kwakunye nesabelo mli azikho kwisiseko esinye sogcinozincwadi ngoko ke uthungelwano phakathi kwengxelo yentsebenzo ngokwemali kwakunye nesabelomali zibandakanyiwe kwiingxelo zemali zonyaka. Yiya kwinowuthi 35.

1.25 Amahlakani azalanayo

Ihlakani elizalanayo ngumntu okanye iqumrhu elinesakhono sokulawula okaye sokubambisana ngolawulo lwelinye ihlakani, okanye libe nefuthe elivisayo kwelinye ihlakani, okanye ngenye indlela, okanye iqumrhu elimele ukulawulwa ngobambiswano, okanye ngentlanganisela.

Abaphathi ngbo bantu banoxaduv lokucwangcisa, lokwalathisa kwakunye nokulawula intshukumo zeli qumrhu, eziquka abo bathwaliswe uxanduva lolawulo lweli qumrhu ngokwemigaqo yemithetho, kwiimeko apho kulindeleke ukuba benze loo misebenzi.

Amalungu asondeleleneyo osapho lomntu ngaloo malungu osapho ekunokulindeleka ukuba avakalise ifuthe, okanye kuvakaliswe kuwo ifuthe nguloo mntu ekusebenzisaneni neli qumrhu.

Iqumrhu eli akulindelekanga ukuba lidize kwinalo yeentengiselwano namahlakani azalanayo ukuba loo ntengiselwano yenzeka ngokwendlela yobudlelane obuqhelekileyo obuphakathi kweshishini kunye/okanye nomthengi/nomxhamli phantsi kwemigaqo nemiqathango ekungathi caba ngenxayokuba eli qumrhu lisebenzisana naloo mntu kufuneka kumiselwe imigaqo ethile exhamlisa elo qumrhu okanye loo mntu kwiimeko ezifanayo yaye nemigaqo nemiqathango iphakathi kwemida eqhelekileyo yokusebeza emiselwe sisigunyaziso somthetho selo qumrhu liza kunikezela ingxelo.

Apho iqumrhu kungalindelekanga ukuba lenze izidandalazisongokwemigaqo yoku kungentla, iqumrhu lidandalazisa iinkcikacha ezingeenkqubo ezingohlobo lweentegiselwano kwakunye neebhalansi ezisaseleyo ezichaphazelekayo, ngenjongo yokuvulela abasebenzisi beengxelo zemali zeli qumrhu ukuba baqonde ifuthe leentengiselwano namahlakani azalanayo ezikwiingxelo zalo zemali.

1.25 Amahlakani azalanayo (ziyaqhuba)

Imivuso yabaphathi iquka imivuso esusela kwiinkono ezinikezelwe kweli umrhu ngokwemisebenzi yabo njengamalungu eqela labaphathi okanye njengabasebenzi. Iinzuzo ezisusela kweli qumrhu ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo neenkonzoz nangaso nasiphi na isigunyaziso ngaphandle kokua ngumsebenzi okanye lilungu leqela labaphathi aliyifekezisi ingaciso yomvuzo. Umvuso wabaphathi uyikhuphela ngaphndle nayiphi na ingqwalasela enikezelwe njengembuyekezo kuphela ngenkcitho ethe yenziwa ngabo bantu ukuze kuxhamle iqumrhu eliqulunqa ingxelo, efana nokubuyekezelwa iindleko zendawo yokuhlala eyayanyaniswa nehambo enento yokwenza nomsebenzi.

1.26 Iintshukumo zasemva komhla wokunikezelwa kwengxelo

Iintshukumo zasemva komhla wokunikezelwa kwengxelo zezo ntshukumo, ezintle nezingentlanga, ezenzeka phakathi komhla wokuqulunqwa kwengxelo kwakunye nomhla ekugunyaziswa ukuba zingakhutshwa ngawo iingxelo zemali. Zimbini iintlobo zeentshukumo ezinokufunyaniswa:

- ezo zinikezela ngobungqina beemeko ebezigquba ngomhla wokunikezelwa kwengxelo (uhlengahlengiso lweentshukumo emva komhla wokunikezelwa kweengxelo); kwakunye
- nezo zalathisa kwiimeko ezivele emva komhla wokunikezelwa kwengxelo (iintshukumo ezingahlengahlrngisekiyo emva komhla wokunikezelwa kwengxelo).

Iqumrhu liya kuhlengahlengisa isixa esinakanwe kwiingxelo zemali ukuze kuvakaliseke iintshukumo zokuhlengahlengisa emva komhla wokunikezelwa kwengxelo yakuba yenzekile intshukumo.

Iqumrhu liya kudandalazisa uhlobo lwentshukumo kwakunye nentelekelelo yefuthe layo kwimai okanye ingxelo ethi loo ntelekelelo ayinakwenziwa kwinkalo yazo zonke ezi ntshukumo zingahlengahlengisiyo, apho ukungadandalazisi kungaba nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithatyathwe ngokusekelwa kwiingxelo zemali.

1.27 Ukuphatheka

Iintsilelo eziphathekayo okanye iimposiso ngezinto zizeziphathekayo ukuba zinokuba nefuthe, zizodwa okanye zingamaqela, kwizigqibo okanye kwiimvavanyo zabasebenzisi ezenziwe ngokwesiseko seengxelo zemali. Ukuphatheka kuxhomekeke kuhlobo okanye kubungakanani beentsilelo okanye beembposiso ezijongwa ngokweemeko ezizingqongileyo. Uhlobo okanye ubungakanani bentsilelo okanye bento leyo yeenkcukacha, okanye ingqokelela yazo zombini, bungaba yinto enefuthe elinobuzaza. Ukuhatheka njengomyinge osi0.5% setotali yenkcitho yokusebenza. Oku kuphatheka kususela kwinkalo yoluvo lwabaphathi yaye akuhambelani nokuphatheka komphicothizincwadi.

1.28 Ukuqokelelwa kwerhafu neentlawulo

Umthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act, ka996 (uMththo 4 ka1996) umisela ukuyanzeliswa kweerhafu neentlawulo ezisusela kwimithethoekufuneka zihlawulwe ngabaninzilayiseniisi, ndawonye neepenalti zezolawulo ezikhutshelwa ukungathobeli. IBhodiiqokelelaiirhagu kunye neentlawulo zokungcakazakwiinteengiselwano zokungcakaza egameni leNgxowamali yeNgeniso yePhondo nabanye abaxhamli. Iirhfu kunye neentlawulo ziqokelelwangokusekelwe kwimimiselo yeerhafu njengoko ithiwe thaca kumthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act. Iirhafu neentlawulo eziqokelelweyo zidandalaziswa kwiNowuthi 28 neNowuthi 37 ehlonyelwe kwiingxelo zemali.

Izixa zingokweRandi	2025	2024

2. Imigangatho nezikhokelo ezintsha

2.1 Imigangatho nezikhokelo ezikhutshiweyo, kodwa ezingekasebenzi

UMphathiswa weMali uyiphumezile le Migangatho ilandelayo yeGRAP ukuze ibe nokusebenza kumaxesha emali aqala ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka2025:

Umgangstho/iSikhokelo	Ifuthe kwiingxelo zemali
IGRAP 104: Izixhobo zeMali	Ifuthe elilindelekileyo kwiingxelo zemali lilelingabalulekanga.
IGRAP 22: iiNtengiselwano ngeeMali zaManye aMazwe kunye neNgqwalasela ePhuhlileyo	Akukho zintengiselwano zinjalo zilindelekileyo kwixesha elizayo elithelekeleayo.

Le theybhile ingezantsi idiza izinikezelo ezintsha angekawudizi umhla wokuqalisa ukusebenza kwazo uMphathiswa weMali:

Umgangstho/iSikhokelo	Ifuthe elilindelekileyo
IGRAP 1: Ukunikezelwa kweeNgxelo zeMali (iinguqu ezihathelele kumgaqo wokuqhuba njengesiqhelo)	Ifuthe elilindelekileyo kwiingxelo zemali lilelingabalulekanga.
IGRAP 103: IiAsethi zeLifa leMveli (iinguqu)	Akukho zintengiselwano zinjalo zilindelekileyo kwixesha elizayo elithelekeleayo.
IGRAP 105, IGRAP 106 kunye neGRAP 107: Ukudluliselwa kweMisebenzi kwakunye nokuHlangana (iinguqu)	Akukho zintengiselwano zinjalo zilindelekileyo kwixesha elizayo elithelekeleayo.
Iimpuculo kwiMigangatho yeGRAP (ka2023)	Ifuthe elilindelekileyo kwiingxelo zemali lilelingabalulekanga.
Isikhokelo: Ukumiselwa koKuphatheka kwiiNgxelo zeMali	Ifuthe elilindelekileyo kwiingxelo zemali lilelingabalulekanga.

3. Imali kunye nezinexabiso lemali

Imali kunye nezinexabiso lemali ziquka:

Iibhalansi zeebhanki	38 540 111	39 716 857
Idipozithi zethuba elifutshane	9 608 321	-
	48 148 432	**39 716 857**

Iibhalansi zebhanki zeBhodi zigcinwe eNedbank. Izinga lenzala kwiimaliezigcinwe kwiakhawunto esisiseko lisi6.90% ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025 (kowama31 kweyoKwindla ka2024: 7.80%).

Imali nezinexabiso lemali kingxeleo yokungena nokuphuma kwemali:

Iingxowamali zeetrasti (izixhobo zemali) – Yiya kwiNowuthi 7	46 800 236	43 302 835
Iingxowamali zeetrasti (iindlela zokuziphatha) Yiya kwiNowuthi 7	19 143 984	15 455 938
INgxowamali yeZindlu iILSF Yiya kwiNowuthi 8	556 903	653 809
Iibhalansi zebhanki (kunjengangentla)	38 540 111	39 716 857
Iidipozithi zethuba elifutshane (kunjengangentla)	9 608 321	-
	114 649 555	**99 129 439**

Izixa zingokweRandi	2025	2024

3. Imali kunye nezinexabiso lemali (ziyaqhuba)

Iimali ezigcinwe kwiingxowamali zeetrasti (kwiitrasti nakwizixhobo zemali) zigcinwe ngokwemigaqo yecandelo 34 no39 leWestern Cape Gambling and Racing Act ("uMthetho").

Ngokwemigao yecandelo 34 lalo Mthetho, namphi na umntu othi afaka isicelo phantsi kwalo Mthetho yaye namphi naumninilayisenisi ekuzakuthi kuchotshelwe umba wakhe, uphando kukhangelwe iimpendulo ngayephantsi kwalo Mthetho, kuya kulindeleka ukuba ahlawule kwiBhodi ngojwendlela emiselweyo zonke iindleko ekuthe kwafikelelw kuzo yiBhodi okanye egameni layo ekuchotshelweni kwawo nawuphi na umba, uphando okanye imibuzonjengoko kumiselwe kulo Mthetho.

Ngokwemigaqo yecandelo 39 lalo Mthetho,iBhodi ingathi icele namphi na umfakisicelo welayisenisi, ngaphambi kokuba aqalise, kwimeko yaloo mninilayisenisi, osayisebenzisela ukuqhuba ishishini eligunnyaziswe phantsi kwaloo layisenisi, ukuba anikezele isiqinisekiso sokuba sokuba uya kuba nacho ukuzihllawula zonke iirhafu, iintlawulo kunye nezigunyaziso zongcakazo ezidingekayo, okanye ezinokulindeleka ,phantsi kwalo Mthethongezo zixa nolo hlobo lunokumiselwa yiBhodi.

4. Iintlawulo zntlandlolo

Iintlawulo zeelayisenisi zonyaka: isoftweri	1 920 561	1 471 316
Iintlawulo zobulungu	13 813	35 225
Iintlawulo zokubhalisa	42 727	30 545
Iintlawulo zeelayisenisi zikamabonakude	221	221
Iintlawulo zeengqungquthela	-	31 449
Ulungiso nokukhanda	45 742	50 888
Iintlawulo zoqeqesho	8 970	-
	2 032 034	**1 619 644**

Njengoko kudiziwe kwingxelo yesimo semali

Iiasethi ezikhoyo	1 266 370	1 218 740
Iiasethi ezingezizo ezangoku	765 664	400 904
	2 032 034	**1 619 644**

5. Ezifumaneke kwiintengiselwano zonaniselwano

Izixa ezilindeleke kwinkalo yemisebenzi esusela kwimimiselo	817 999	1 305 729
Izixa ezilindeleke kwinkalo yezinye iintshukumo	115 974	263 367
	933 973	**1 569 096**

Ezifumaneka ngokomthetho ezibandakanywe kwezifumaneke kwiintengiselwano zonaniselwano ezingentla zingokolu hlobo lulandelayo:

Iintlawulo zezicelo zeelayisenisi	80 075	215 705
Iintlawulo zaBahloli beBhodi	376 448	245 274
Iintlawulo zophando	214 684	401 455
	671 207	**862 434**
Iiasethi zemali ezifumanekileyo zibandakanywe kwezifumaneke kwiintengiselwano zonaniselwano ngentla	**262 766**	**706 662**
Ezifumaneke kwiintengiselwano zonaniselwano zionke	933 973	1 569 096

Izixa zingokweRandi	2025	2024

5. Ezifumaneke kwiintengiselwano zonaniselwano (ziyaqhuba)

Iinkcukacha eziphangaleleyo ngezifumaneke ngokomthetho

Iintengiselwano ezisusela kwimithetho

Iintlawulo zezicelo zeelayisenisi: Ngokwemigaqo yecandelo 44(1) lalo Mthetho (iWestern Cape Gambling and Racing Act, enguMthetho 4 ka1996), iintlawulo ezimiselweyo zezicelo zeelayisenisi ziya kuhlawulwa nguye wonke umfakisicelo welayisenisi xa afaka isicelo selayisenisi.

IiNtlawulo zaBahloli: Ngokwemigaqo yecandelo 34(1) lalo Mthetho, namphi na umntu othi afake isicelo phantsi kwalo Mthetho kuya kulindeleka ukuba ahlawule kwiBhodi ngendlela emiselweyo zonke iindleko ethe yangena kuzo okanye kangenwa kuzo egameni leBhodi ekuchopheleni nakuzipha na iinkqubo zophando okanye zokufunisa ezimiselwe kulo Mthetho.

Iintlawulo zophando: Ngokwemigaqo yecandelo 44(2) lalo Mthetho, iintlawulo ezimiselweyo zeenkqubo zophando zaminyaka ziya kuhlawulwa ngumninilayisenisi ekukhutshweni kwelayisenisi ze emva koko rhoqo ngonyaka xa ihlaziywa.

Ukumiselwa kwesixa sentengiselwano

Iintlawulo zezicelo zeelayisenisi: Izicelo ezitsha zeelayisenisi zimiselwe zimiselwe "kwiSihlomelo B: IiNtlawulo zeZicelo eziTsha zeeLayisenisi" ezikwiMimiselo yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni (iiNtlawulo neeNdleko), ka2016: iSihlomelo, sika2024.

IiNtlawulo zaBahloli beBhodi: iiNltawulo zaBahloli beBhodi zimeleamazinga eentlawulo ezibizwa ngokweyure zabahloli bebhodi abenza imisebenzi yokucupha kwakunye nezicelo zophando. IBhodi ikwabize ngokwamazinga afanayo kubasebenzi ababalulekileyo kwakunye nezicelo zabasebenzi bezongcakazo abaphambili.

Iintlawulo zophando zonyaka: Iintlawulo zophando lonyaka kwakunye nezeelayisenisi zimiselwe "kwiSihlomelo C: iiNtlawulo zeeLayisenisi zoNyaka kunye nezoPhando " ezikwiMimiselo yoNgcakazo neMidyarho kwiNtshona Koloni (iiNltawulo neeNdleko), ka2016: iSihlomelo, sika2024.

Inzala okanye ezinye iintlawulo ezibizwayo/ezitsalwayo

Akukho nzala ithe yabizwa/yatalwa kwezifumaneke ngokomthetho kulo nyaka siwushukuxayo.

Izinga lesaphulelo elisetyenzisiweyo ekuthelekeleleni ukungena nokuphuma kwemali kwamaxesha asezayo

Ezifumaneke ngokomthetho azifumani zaphulelo.

Ezifumaneke kudala emva kwexesha kodwa ezingonakelanga

Eziphathelele kweZifumaneke ngokweMithetho ngqo

Ezifumaneke ngokweMithetho ebekudala zilindelekile isithba esingaphaya kweentsuku ezingama30 zithatyathwa njengekudala zilindelekile kodwa ezingonakelanga. Ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, ezifumaneka ngokwemithetho ezifikelela kwisixa esiliR113 906 (ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2024: yayingamaR223 476) zazisele zidlulelwelixesha kodwazingonakelanga. Ezi ke ziphathelele kubaninilayisenisi abakhoyo abangakhange bangahlawuli ngaphambili. Abalawuli baziqwalaselwe izalathisi zomonakalo kwezo zifumaneke ngokwemithetho, njengoko kudiziwe kumgaqonkqubo 1.8 wogcinozincwadi. Ngokusekelwe kolu vavanyo, akukho nanye kwezi zixa zisalindelekileyoy ezithe zonakala.

Ukuguga kwezi zixa ezidlulelwe lixeshakulolu hlobo lulandelayo:

Iqela 1: iintsuku ezingama31 60 ezidlulileyo	48 896	80 000
Iqela 2: iintsuku ezingama61 90 ezidlulileyo	17 679	85 812
Iqela 3: iintsuku ezingam91 nangaphezulu ezidlulileyo	47 331	57 664
	113 906	**223 476**

Izixa zingokweRandi	2025	2024

5. Ezifumaneke kwiintengiselwano zonaniselwano (ziyaqhuba)

Umgangatho wamatyala wezifumaneke ngokorhwebo kunyenezinye

Umgangatho wamatyala ezifumaneke ngokorhwebo kunye neznye ezingadlulelwanga lixesha nezingonakelanga ungavavanywa ngokuthi kwalathwe kumazinga amatyala angaphandle (kuba akho) okanye kwiinkcukacha zantlandolo ezingokungahlawuli kwamahlakani ekusetyenziswana nawo:

Ezifumanene ngokorhwebo

Amahlakani ekusetyenziswana nawo angenamatyala angaphandle

Iqela 1	262 766	706 662

Iqela 1 – abaxumi abatsha (abangaphantsi kweenyanga ezintandathu).

Azikho kwezi asethi zisebenza ngokugqibeleleyo ekuthe kwaboniswanan ngazokwisithuba sonyaka odlulileyo.

Ezifumaneke ngorhwebo kunye nezinye ezingadlulelwanga lixesha nezingonakelanga

Ezifumaneke ngokorhwebo kunye nezinye, ezingamelanga ezifumanene ngokwemithetho ukuya kuthi ga ekupheleni konyaka, bezingadlulelwanga lixesha yaye zingonakelanga (ngowama31 kweyoKwindla ka2024: Rnil).

6. Ezifumaneke kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano

Ezifumaneke ngokoMthetho kwiintwngiselwano zonaniselwano	61 976 302	81 903 597

Ezifumaneke ngokomthetho zibandakanywe kwezifumaneke kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano zingolu hlobo lulandelayo:

IiNtlawulo zeeLayisenisi zoNyaka	68 057	134 771
IiRhafu zokuNgcakaza	61 908 245	81 768 826
	61 976 302	**81 903 597**
EEzifumeke kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano zizonke	61 976 302	81 903 597

Iinkcukacha eziphangaleleyo ngezifumaneke ngokomthetho

Iintengiselwano ezisusela kwimithetho

Iintlawulo zeelayisenisi zonyaka: Ngokwemigaqo yecandelo 44(2) lalo Mthetho, iintlawulo ezimiselweyo zeenkqubo zophando zaminyaka ziya kuhlawulwa ngumninilayisenisi ekukhutshweni kwelayisenisi ze emva koko rhoqo ngonyaka xa ihlaziywa.

IiRhafu zokuNgcakaza: Ngokwemigaqo yecandelo 64(1) lalo Mthetho, kuyakuthi ngamaxesha athile kwanangendlela emiselweyo ziya kuhlawulwa kwiBhodi iirhafu zokungcakaza nezokubheja ngabanini beelayisenisi njengoko kumiselwe kuShedyuli III noIV.

Ukumiselwa kwesixa sentengiselwano

Iintlawulo zeelayisenisi zonyaka: iiNtlawulo zeelayisenisi zonyaka zimiselwe "kwiSihlomelo C: iiNtlawulo zeeLayisenisi zoNyaka kunye nezoPhando " ezikwiMimiselo yoNgcakazo neMidyrho kwiNtshona Koloni (iiNltawulo neeNdleko), ka2016: iSihlomelo, sika2024.

IiRhafu zokuNgcakaza: ukuMiselwa kwezixa ekufuneka zihlawuliwe ngokweerhafu kwiintshukumo zongcakazo kuthiwe thaca kuShedyuli III noIV okwiWestern Cape Gambling and Racing Act.

Izixa zingokweRandi	2025	2024

6. Ezifumaneke kwiintengiselwano ezingezizo ezonaniselwano (ziyaqhuba)

Inzala okanye ezinye iintlawulo ezibizwayo/ezitsalwayo

Akukho nzala ithe yabizwa/yatsalwa kwezifumaneke ngokomthetho kulo nyaka siwushukuxayo.

Izinga lesaphulelo elisetyenzisiweyo kwiintelekelelo zokungena nokuphuma kwemali

Ezifumaneke ngokomthetho azifumani saphulelo.

Ezifumaneke ngokomthetho ezidlulileyo kodwa ezingonakelanga

Ezifumaneke ngokomthetho isithuba seentsuku ezingaphaya kwama30 zithatyathwa njengezidlulelwe lixesha kodwa ezingonakelanga. Ukuya kuthi ga ngomal wama31 kweyoKwindla ka2025, akubangakho zifumaneke ngokomthetho ezidlulelwe lixesha kodwa ezingonakelanga (ngowama31 kweyoKwindla ka2024: liR11 830).

Ukuguga kwezixa ezidlulelwe lixesha kodwa ezingonakelanga kumi ngolu hlobo lulandelayo:

zingama91 yye zidlulelwe lixesha	-	11 830

Imiba eliyiqwalaseleyo iqumrhu ekuvavanyeni ezifumaneke ngokomthetho ezidlulelwe lixesha kodwa ezingonakelanga

Ekuvavanyeni ukuba sikho na isalathisi sokuba efumaneke ngokomthetho, okanye iqela lezifumaneke ngokomthetho, zingabe zonakele, iqumrhu linika ingqwalasela, ubuncinci, ezi zalathisi zilandelayo:

- Inzima emandla ngokwasezimalini kumtyali, nto leyo inokungqinwa sisicelo sseentuthuzelo kumatyala, ukuhlangulwa kweshishini okanye ke into ekumila kunjalo.
- Kucacile ukuba umtyali uya kungena ekubhangisweni, ekubhangeni okanye ke kwenye indlela yokuhlengahlengiswa ngokwemali.
- Ukutenxa kwimiqathanfo yentengiselwano, into efana nokungahlawuli okanye ukungakhathali kwiintlawulo zemali eyinkunzi okanye eyinzala (apho ibizwayo).
- Iinguqu ezimbi kwiimeko zoqoqosho zamazwe ngamazwe, ezelizwe kunye nezeengingqi, ezifana nokwehla kokukhula, ukweynuka kwamanqanaba amatyala kunye nentswelangqesho, okanye iinguquq kumazinga kunye neentlobo zemfuduko.

Izixa zingokweRandi	2025	2024

7. Imali nezinexabiso lemali – iiNgxowamali zeetrasti

Iingxowamali zeetrasti (izixhobo zemali)	46 800 236	43 302 835
Iingxowamali zeetrasti (iindleko zeprobhithi)	15 418 461	14 237 653
Itotali	**62 218 697**	**57 540 488**
Isongezo: isixa esifumaneke kwiakhantu yangoku		
Iitrasti	3 725 523	1 218 285
	65 944 220	**58 758 773**
Okudizwe kwiingxelo zemali kungoku nje		
Iiasethi zangoku		
Iingxowamali zeetrasti) – Yiya kwiNowuthi 3	46 800 236	43 302 835
Iingxowamali zeetrasti (iindleko zeprobhithi) – Yiya kwiNowuthi 3	19 143 984	15 455 938
Itotali	**65 944 220**	**58 758 773**
Amatyala angoku		
Ababolekisi (izixhobo zemali)	46 800 236	43 302 835
Ibabolekisi (iindleko zeprobhithi)	14 476 950	13 680 093
Itotali	**61 277 186**	**56 982 928**
Iyantlukwano	4 667 034	1 775 845

Iyantlukwano njengoko yalathiwe ngentla apha ingenxa yezixa ezisalindeleke kubanini beelayilasenisi kwiimali ezigcinwe kwiitrasti kusenzelwa aba banini beelayisenisi ukuya kuthi ga ngomhla wokkunikezelwa kwengxelo rhoqo ngonyaka.

Ukuthungelaniswa kweebhaalansi zeetrasti

Izixa eziSelugcinweni lweeTrasti ukuya kuthi ga ngomhal wama31 kweyoKwindla (izixhobo zemali kunye neendleko zeprobhithi)	62 218 697	57 540 488
Izixa eziza kudluliselwa kwiakhawunti yebhanki esisiseko (iindleko zeprobhithi)	3 725 523	1 218 285
Izixa ezihlawulwe ukususela kwiiakhawunti zeetrasti kuhlawulwa iibhalansi ezisaseleyo zabatyali	(4 667 034)	(1 775 845)
Iibhalansi zeetrasti ezigcinwe egameni labanini beelayisenisi ukuya kuthiga ngomhla wama31 kweyoKwindla	**61 277 186**	**56 982 928**

8. Imali kunye nezinexabiso lemali – iNgxowamali yeZindlu yeILSF

ILSF: iSibonelelo seZindlu	556 903	653 809

Ifasiliti yokonga eyayanyaniswa nequmrhu ngalinye imiselwe ngokwemigaqo yamagatya 4.5.6.3 kunye nele4.5.6.4 seSindululo 7 sika2015 seBhunga eliHhlanganyela iiNgxoxo zasebuRhulumenteni.

Iimali ezongiweyo neziqokeleleneyo ziy kuvavanywa kuphela ngenjongo yokufumana ubunini bamakhaya, ukwakhiwa kunye/okanye ukuphuculwa kwekhaya kujoliswe kubunini.

Yiya kwiNowuthi 3 – iMali kunye nezinexabiso lemali.

Izixa zingokweRandi

	2025	2024

9. Ipropati, iplanti kunye nezixhobo

	2025			2024		
	Indleko / Ukumiselwa kwexabiso	Ukwehla kwamaxabiso okuqokelelweyo kunye nomonakalo oqokelelweyo	Ixabiso eliphathekayo	Indleko / Ukumiselwa kwexabiso	Ukwehla kwamaxabiso okuqokelelweyo kunye nomonakalo oqokelelweyo	Ixabiso eliphathekayo
Umhlaba	10 683 801	(1 883 801)	8 800 000	10 683 801	(1 883 801)	8 800 000
Izakhiwo	14 811 633	(2 907 866)	11 903 767	14 811 633	(2 611 633)	12 200 000
Iinwelomafutha	1 772 406	(1 629 820)	142 586	1 772 406	(1 563 292)	209 114
Izixhobo nefenitshala	4 808 646	(3 159 845)	1 648 801	4 549 984	(2 837 760)	1 712 224
Iikhompyutha	6 393 062	(2 774 606)	3 618 456	5 559 113	(2 329 677)	3 229 436
Izixhobo zeekhompyutha	1 050 536	(865 360)	185 176	922 886	(816 971)	105 915
Itotali	**39 520 084**	**(13 221 298)**	**26 298 786**	**38 299 823**	**(12 043 134)**	**26 256 689**

Ukuthungelaniswa kwepropati, iplanti kunye nezixhobo - ku2025

	Izongezo	Ezilahliweyo	Ukwehla kwamaxabiso	Ilahleko yomonakalo	Itotali
Umhlaba	8 800 000	-	-	-	8 800 000
Izakhiwo	12 200 000	-	-	(296 233)	11 903 767
Iinqwelomafutha	209 114	-	-	(66 528)	142 586
Izixhobo nefenitshala	1 712 224	452 159	(11 091)	(504 491)	1 648 801
Iikhompyutha	3 229 436	1 159 996	(25 366)	(745 610)	3 618 456
Izixhobo zeekhompyutha	105 915	130 566	(89)	(51 216)	185 176
	26 256 689	**1 742 721**	**(36 546)**	**(1 664 078)**	**26 298 786**

Ukuthungelaniswa kwepropati, iplanti kunye nezixhobo - ku2024

	Ibhalansi yokuvula	Izongezo	Ezilahliweyo	Ukwehla kwamaxabiso	Ilahleko yomonakalo	Itotali
Umhlaba	-	10 683 800	-	-	(1 883 800)	8 800 000
Izakhiwo	-	14 811 633	-	(197 489)	(2 414 144)	12 200 000
Iinqwelomafutha	384 539	-	-	(175 425)	-	209 114
Izixhobo nefenitshala	1 098 811	1 012 840	(1 444)	(397 983)	-	1 712 224
Iikkhompyutha	3 550 280	321 289	(6 479)	(635 654)	-	3 229 436
Izixhobo zeekhompyutha	115 915	37 591	(2 502)	(45 089)	-	105 915
	5 149 545	**26 867 153**	**(10 425)**	**(1 451 640)**	**(4 297 944)**	**26 256 689**

Izixa zingokweRandi	2025	2024

9. Ipropati, iplanti kunye nezixhobo (ziyaqhuba)

Ezinikezelwe njengokhuseleko

Akukho nanye kwezi ziyipropati, iplanti kunye nezixhobo ezithe zanikezelwa njengesiqinisekiso kumatyala.

Imbuyekezo efumaneke ngenxa yeelahleko kwipropati, iplanti nezixhobo – ezibandakanye kwingeniso yokusebenza.

IBhodi ayifumenanga nayiphi na imbuyekezo kumanye amahlakani ngezinto ezyipropati, iplanti kunye nezixhobo ebezithe zonakala, zalahleka okanye zancanywa.

Ukuvavanywa kwexabiso

Umhlaba neZakhiwo zavavanyelwa ixabiso ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2024 nguMvavsnyi wamaXabiso ngokwemigaqo yecandelo 20(2)(a) leProperty Valuers Profession Act, ka2000.

Ixabiso lemakethe loMhlaba neZakhiwo lamiselwa ngokuthi kusetyenziswe amaxabiso asebenzayo emakethe. Isetyenzisiwe iNkqubo yokuthelekelelwa kweXabiso ngenjongo yokumisela ixabiso lepropati.

Kwenziwe ke ukumiselwa kwamaxabiso nezi ntelekelelo zilandelayo:
- Ipropati imiselwe ixabiso simahla kungekho naziphi na okanye zonke iimeko zokuthinjwa okanye uxanduva.
- Akukho miqathango ifihliweyo okanye engacacanga ngale propati, umhlaba ongaphantsi, okanye ngezimo eziyenza eibe nexabiso.
- Ithe athotyelwa yonke imimiselo esebenzayo yokwahlulahlula neyokusetyenziswa kwakunye nezithintelo.
- Ukusetyenziswa komhlaba kwakunye nokuphuculwa kwawo phakathi kwemida okanye ke icacisiwe nemigca yale propati yaye akukho kungenelela nakunqunmla.

Umhlaba nezakhiwo zivavanyelwa amaxabiso ngokuzimeleyo rhoqo kwisithuba seminyaka emithathu.

Ezinye iinkcukacha

1. Akubangakho zimbopheleleko zezibhambathiso zingako eziphathelele kwipropati, iiplanti kunye nezixhobo ekupheleni konyaka.
2. Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, iiasethi ezinexabiso elingamaR765 791 lilonke zathi zaphelelwa kukuba lulutho kobomi ehlelwa ngamaxabiso ngokugqibeleleyo. Isine kwezi asethi, ezinexabiso elihlangeneyo elingamaR566 790, zimele iiseva zakwaIBM ezithe zasusw kwafakwa ezinye kulo nyak sikuwo. Noxa zazicetyelwe ukulahlwa, isebe leICT lithe lalathisa ngelithi ziya kugcina njengezinye ezikhoyo eziya kusetyenziselwa iinjongo zovavanyo.

Ipropati, iplanti kunye nezixhobo ezikwinkqubo yolwakhiwo okanye yokuqulunqwa

Kwesi sithuba sexesha silihlalutyo, iBhodi ayibanga napropati, planti nasixhobo sikwinkqubo yolwakhiwo okanye yokuphuhliswa.

Inkcitho ethe yenziwa ngenjongo yokulngisa kwanokugcina ipropati, iplanti kunye nezixhobo

Inkcitho ethe yenziwa ukuungisa ipropati, iplanti kunye nezixhobo idandalaziswa kwinowuthi 32 ehlonyelwe kwiingxelo zemali.

Isigunyaziso sobunini esinesithintelo

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, iBhodi ayibanga napropati, planti nazixhobo zinesigunyaziso sobunini sithe saba nezithintelo.

Izixa zingokweRandi	2025	2024

9. Ipropati, iplanti kunye nezixhobo (ziyaqhuba)

Iilahleko zomonakalo obonakalayo - ku2024

Njengoko kudandalazisiwe ekuthungelanisweni kwepropati, iplanti kunye nezixhobo, iBhodi inakane ilahleko yomonakalo eziR4 297 944 iyonke kwinkalo yomhlaba nezakhiwo. Ilahleko yomonakalo ethe yavela ibangelwe kukumiselwa kwexabiso lesakhiwo. IBhodi isithenge esi sakhiwo ngelona xabiso liphezulu; ze ngaphezu koku, iBhodi yahlawula iiRhafu zeNtengo ezingabuyekezwayo ezifikelela kwiR3 300 000. Njengoko iBhodi le ingeloshishini lihlawula iVAT, ezirhafu zingabuyiyo azibuyiseki kwiBhodi yaye ke oko kukhokelele ekwenyukeni kwelahleko ebangelwe ngumonakalo ngesi sakhiwo. UMhlaba neZakhiwo ziiasethi ezingenzi mali njengoko iBhodi izigcine ezi asethi ngeenjongo zezolawulo.

Isixa senkonzo esibuyisekayo somhlaba nezakhiwo lixabiso elihle ngaphandle kweendleko zokusithenga. Njengoko kudandalazisiwe phantsi kwesihloko esithi “Ukumiselwa kwamaxabiso”, kusetyenziswe ummiseli wamaxabiso ozimeleyo ngenjongo yokufumanis isixa senkonzo esinokubuyiseka.

10. Iiasethi ezingaphathekiyo

	2025			2024		
	Indleko / Ukumiselwa kwexabiso	Ukwehla kwamaxabiso okuqokeleleneyo kunye nomonakalo oqokeleleneyo	Ixabiso eliphathekayo	Indleko / Ukumiselwa kwexabiso	Ukwehla kwamaxabiso okuqokeleleneyo kunye nomonakalo oqokeleleneyo	Ixabiso eliphathekayo
Isoftweri yekhmpyutha	133 287	(108 335)	24 952	133 287	(101 396)	31 891
Isoftweri yekhomyutha ebunjwe ngaphakathi	6 169 364	(1 954 591)	4 214 773	5 738 574	(1 561 383)	4 177 191
Total	**6 302 651**	**(2 062 926)**	**4 239 725**	**5 871 861**	**(1 662 779)**	**4 209 082**

Uthungelwaniso lweeasethi ezingaphathekiyo - ku2025

	Ibhalansi yokuvula	Izongezo	Ukuhlawula ngokugqibeleleyo	Itotali
Isoftweri yekhompyutha	31 891	-	(6 939)	24 952
Isoftweri yekhomyutha ebunjwe ngaphakathi	4 177 191	430 790	(393 208)	4 214 773
	4 209 082	**430 790**	**(400 148)**	**4 239 725**

Uthungelwaniso lweeasethi ezingaphathekiy - ku2024

	Ibhalansi yokuvula	Ukuhlawula ngokugqibeleleyo	Itotali
Isoftweri yekhompyutha	38 830	(6 939)	31 891
Isoftweri yekhomyutha ebunjwe ngaphakathi	4 559 763	(382 572)	4 177 191
	4 598 593	**(389 511)**	**4 209 082**

Izixa zingokweRandi	2025	2024

10. Iiasethi ezingaphathekiyo (ziyaqhuba)

Ezinikezelwe njengokhuseleko

Akukho ziasethi zingahathekiyo ezithe zanikezelwa njngesiqinisekiso kumatyala.

Iiasethi eziqulunqelwe lo nyaka sikuwo

Isoftweri yekhomyutha, ebunjwe ngaphakathi	430 790	-

Izongezo zalo nyaka ziquka ukwakhiwa kweNkqubo yezoBuchwepheshe yokuGcwaliswa kweZicelo ebize amaR47 840, ndawonye nezinye izilungios kwiasethi yeBhodi ekhoyo nebunjwe ngaphakathi, uProject Genesis, obize amaR382 950.

Iiasethi ezingaphathekiyo ezikwinkqubo yolwakhiwo okanye yokuqulunqwa

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, iBhodi ayibanga naziasethi zingaphathekiyo ezikwinkqubo yokuqulunqwa

Inkcitho yezophando nophuhliso

INkqubo yezoBuchwepheshe yokuGcwaliswa kweZicelo	11 960	-

IBhodi ichithe imali kwezophando nophuhliso ebe ngamaR11 960 ephathelele kuphuhluso kwiNkqubo yezoBuchwepheshe yokuGcwaliswa kweZicelo. Ezi mali zichithwe apha zibandakanyiwe phantsi kweentlawulo zeengcali nezezazi zangaphandle ezikwiNowuthi 23 ehlonyelwe kwiingxelo zemali.

Isigunyaziso sobunini esinezithintelo

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, iBhodi ayibnga naziasethi zingaphathekiyo ezinesigunyaziso sobunini esineithintelo.

Iiasethi ezingaphathekiyo ngobunye bazo

IPhulo loKuzenzekela kweeLayisenisi yiasethi ezimeleyo enefuthe kwiingxelo zemali zeBhodi.

Ixabiso eliphathekayo leendleko ezenziwe iasethi lePhulo loKuzenzekela kweeLayisenisi lifikelele kwiR4 214 773 ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025 (ngowama31 kweyoKwindla ka2024: ibiziR4 177 191).

Elinye ixesha lokuhlawulwa ngokugqibeleleyo kwePhulo loKuzenzela kweeLayisenisi liyiminyaka elithoba.

Ezinye iinkukacha

Ukuya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025, iBhodi ayibanga nazo naziphi na iimbopheleleko zezibhambathiso ekuthengweni kweeasethi ezingaphathekiyo.

11. Iintlawulo ezisusela kwiintengiselwano zonaniselwano

Iintlawulo zorhwebo	2 080 216	1 331 200

12. Iirhafu kunye neentlawulo eziindelekileyo

INgxowamali yeNgeniso yePhondo (bona inowuthi 27)	96 089 796	110 060 510
IMidyarho yaseKenilworth (iNtlawulo yokuBheja)	3 038 584	2 835 108
	99 128 380	**112 895 618**

Izixa zingokweRandi	2025	2024

13. Imimiselo

Uthungelwaniso lwemimiselo - ku2025

	Ibhalansi yokuvula	Izongezo	Esetyenziswe kulo nyaka	Ebuyiselwe kulo nyaka	Itotali
Iinkqqubo zomthetho	682 117	-	(427 509)	(254 608)	-

Uthungelwaniso lwemimiselo - ku2024

	Ibhalansi yokuvula	Izongezo	Esetyenziswe kulo nyaka	Ebuyiselwe kulo nyaka	Itotali
Iinkqubo zomthethp	600 000	682 117	(356 900)	(243 100)	682 117

Abanini beelayisenisi abathathu baqalise iinkqubo zohlalutyo ngomhla wama22 kweyeNkanga ka2017. Abafakisicelo aba bafake isicelo kwiNkundkla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni, ebichophe eKapa, beyibongoza ukuba ihlalutye, ibekele bucala ze imisele njengesingenkho mthethweni nesingaphiliyo isigqibo seBhodi esinyanzelisa imiqathango yeBBBEE kubanini beelayisenisi wilayisenisi zaba baFakisicelo njengabanini beelayisenisi. Ngapha koko, ukuba iNkundla inyanzelisa ukuhlawulwa kweendeko zomthetho kuye nabani na ophikisana nesi Sicelo. Isigwebo sawiswa ngomhla weshumi elinanye kweyoMnga ka2019, kugwetywa ngakwicala leBhodi. Abanini zilayisenisi bafaka isicelo seMvume yokuBhena kwiNkundla ePhakamileyo yeZibheno, ngomhla wama30 kweyoMqungu ka2020. Imvume yabafakisicelo yokubhena yanikezelwa ngomhla we15 kweyoMnga ka2020. Umba lo waxoxwa kwiNkundla ePhakamileyo yeZibheno ngomhla wama24 kwekaCanzibe ka2022. Isigwebo sawiswa ngomhla wama24 kweyeSilimela ka2022. Isibheno savunywa neendleko ze umyalelo weNkundla engaphambili sabekelwa bucal. Iindleko zomthetho ezaifikelela kumaR427 509 zahlawulwa kubafakisicelo kulo nyaka siwushukuxayo. Ngaphambi kwalo mba, intelekelelo yeendleko zomthetho zabafakisicelo yayimi kumaR682 117. Kulandela ukuqosheliswa kweli tyala, awukho omnye ummisele oosaseleyo.

14. Iinzuzo zabasebenzi

IiNzuzo zaBasebenzi

Amatyala aNgoku	5 465 727	4 706 432
Amatyala aNgengowangoku	5 547 000	4 520 000
	11 012 727	**9 226 432**

Amatyala aNgoku – iiNzuzo zaBasebenzi

Ukuqokelelana kwentlawulo yekhefu	3 972 586	3 258 469
Ukuqokelelana kwebhonasi	538 238	510 154
Itotali encinci	4 510 824	3 768 623
Ingxenye yaNgoku yeNkonzo yoNcedo loNyngo yaseMva koMhlalaphantsi	87 000	88 000
Ingxeny yaNgoku yamaWonga eNkonzo eNde	311 000	196 000
Isiboneloe sezindlu: iILSF	556 903	653 809
	5 465 727	**4 706 432**

Izixa zingokweRandi	2025	2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

IiNzuzo zaBasebenzi eziNgezozangoku

Amawonga eNkonzo eNde	725 000	786 000
INkonzo yoNcedo loNyango yaseMva koMhlalaphantsi	5 220 000	4 018 000
Itotali encinci	5 945 000	4 804 000
Nganeno: iTyala laNgoku	(398 000)	(284 000)
	5 547 000	**4 520 000**

Amawonga enkonzo ende

IBhodi inika abasebenziz amaWonga eNkonzo eNde rhoqo begqiba ishumi (10) leminyaka engaqhawulwanga beyisebenzela, ukususela kwishumi leminyaka ukuya kwengamashumi amane (40) besenzela, nayo ikho.

Le theybhile ingezantsi apha idandalazisa umgaqonkqubo wamaWonga eNkonzo eNde:

INkonzo eQoshelisiweyo (ngokweminyaka)	Abaqashwe ngaphambi kowama23 kweyoKwindla ka2017	Abaqashwe emva kowama23 kweyoKwindla ka2017
Iminyaka eli10	Sisixa semali elingana neenzuzo zomvuzo wenyanga womqashwa lowo xa isisikhumbuzo sakhe sokugqiba ishumi leminyaka	Abekho
Iminyaka engama20	R 10 899	R 10 899
Iminyaka engama30	R 21 797	R 21 797
Iminyaka engama40	R 29 064	R 29 064

Ukumiselwa kwamaxabiso kwiiasethi

Ityala lamawonga enkonzo ende kwiBhodi liyabonelelwa nalo. Noxa kunjalo, akukho ziasethi zimiselweyo zither zabekelwa bucala ukuze zibe nokumelana neli tyala.

Isicwangciso senkonzo yoncedo lonyango yasemva komhlalaphantsi

Abasebenziz beBhodi bathabatha inxaxheba kwiskimi sezonyango abazikhethelayo. IBhodi iya kuqhuba ke nokunikezela inkxasomali yoncedo lwenkonzo yonyango ekumyinge wama75% eso skimu sezonyango ukuba umsebenzi:

- Abayishiyileyo okanye abashiya inkonzo kule Bhodi ngenxa yomhlalaphantsi (kuquka nokuthatyathwa komhlalaphantsi ngaphambi kwexesha), ukufa okanye ukugxothwa ngenxa yokungabi nakusebenza kuba inkenenkene impilo enkenenkene okanye ngenxa yomonzakalo;
- Ufikile ubuncinci kumashumi amahlanu (50) eminyaka ubudala;
- Okokoko elilungu eliphambili leskimu sezonyango isithubs seminyaka elishumi elinambini (12) leenyanga ngaphambi nje kosuku aphumayo ekusebenzeleni iBhodi;
- Ukuba umsebenzi okanye umntu owayesakuba ngumsebenzi uthi sutywe kukufa iqabane lakhe liba iungu eliphambili leskimu esibhalisiweyo senkonzo yezonyango, ze iabane elo libe nenyhweba yokufumana e nkxasomali.

Le nkxasomali ukuya kuthi ga ngomhla wokuqala kweyoMqungu ka2025 ibingamaR3 836 ngenyanga (amaR3 620 ngenyanga ukususela ngomhla wokuqala kweyoMqungu ka2024) yaye kulindeleke ukuba yenyuke ngomyinge we8.93% ngomhla wokuqaa kweyoMqungu ka2026..

Izixa zingokweRandi	2025	2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

Iinguqu kwixabiso langoku lezigunyaziso ezimiselweyo zimi ngou hlobo:

Ibhalansi yokuvula	4 804 000	5 143 000
Inkcitho epheleleyo enakanwe kwingxelo yentsebenzo ngokwemali	1 141 000	(339 000)
	5 945 000	**4 804 000**

Amatyala aQokeleleneyo

Amawonga eNkonzo eNde		
Ityala langoku	311 000	196 000
Ityala eingelolangoku	414 000	590 000
INkonzo yeNcedo loNyango lwaseMva koMhlalaphantsi		
Ityala langoku	87 0000	88 000
Ityala eingelolangoku	5 133 000	3 930 000
	5 945 000	**4 804 000**

Inkcitho iyonke enakanwe kwingxelo yentsebenzo ngokwemali imi ngolu hlobo:

Indleko yabasebenzi yangoku: Amawonga eNkonzo eNde*	71 000	81 000
Indleko yabasebenzi yangoku: iNzuzo yeNkonzo yoNcedo loNyango*	180 000	204 000
Indleko yenzala: Amawonga eNkonzo eNde *	76 000	75 000
Indleko yenzala: iNzuzo yeNkonzo yoNcedo loNyango *	627 000	597 000
Iinzuzo ezihlawulweyo: iNzuzo yeNkonzo yoNcedo loNyango *	(119 698)	(177 482)
Iinzuzo ezihlawulweyo: iNzuzo yeNkonzo yoNcedo loNyango *	(66 132)	(57 641)
Ilahleko/(inzuzo) yeeaskshwari ngenxa yeentelekelelo kwiinguqu zamanani abemi: Amawonga eNkonzo eNde	(93 302)	482
Ilahleko/(inzuzo) yeeaskshwari ngenxa yeentelekelelo kwiinguqu zeemali: Amawonga eNkonzo eNde	5 000	(22 000)
Ilahleko/(inzuzo) yeeaskshwari ngenxa yeentelekelelo kwiinguqu zamanani abemi: iNzuzo yeNkonzo yoNcedo loNyango	287 132	(717 359)
Ilahleko/(inzuzo) yeeaskshwari ngenxa yeentelekelelo kwiinguqu zeemali: iNzuzo yeNkonzo yoNcedo loNyango	174 000	(322 000)
	1 141 000	**(339 000)**

*Ezi zinto zibandakabyiwe njengenxalenye yeenkcukcha ezidizwe kwiNowuthi 22 ehlonyelwe kwiingxelo zemali (inkonzo yoncedo lonyango – igalelo lenkampani kunye namawonga enkonzo ende).

Izixa zingokweRandi

2025	2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

Iintelekelelo eziphambili ezisetyenzisiweyo

Iintelekelelo ezisetyenziswe ngomhla wokunikezelwa kwengxelo:

Amawonga eNkonde eNde	31 kweyoKwindla ka2025	31 kweyoKwindla ka2024
Izinga lesaphulelo	8.95%	9.98%
iCPI (uKwenyuka kwaMaxabiso aBathengi)	4.46%	5.27%
Izinga eliQhelekileyo lokweNyuswa koMvuzo	5.46%	6.27%
Izinga eliPheleleyo neliSebenzayo leSaphulelo	3.32%	3.49%
Izinga lempilo yangaphambi komhlalaphantsi	SA 85 90 (ekhaphukaphu)	SA 85 90 (ekhaphukaphu)

Inkonzo yoNcedo loNyango yaseMva koMhlalaphantsi	31 kweyoKwindla ka2025	31 kweyoKwindla ka2024
Izinga lesaphulelo	13.34%	15.26%
iCPI yezoNyango (uKwenyuka kwaMaxabiso aBathengi)	7.93%	9.58%
Ukwenyuka kwaMaxabio eGalelo kwiNkonzo yoNyango	8.93%	10.58%
Izinga eliPheleleyo neliSebenzayo leSaphulelo	4.05%	4.23%

Iintelekelelo ezingaManani aBemi	31 kweyoKwindla ka2025	31 kweyoKwindla ka2024
Impilo yaNgaphambi koMhlalaphantsi	SA 85 90 (light)	SA 85 90 (light)
Impilo yaseMva koMhlalaphantsi	iPA (90) kwizinga eliphantsi ngeminyaka emibini kunye ne1% kumyinge wokuphucuka ngonyaka ukususela ngo2006	iPA (90) kwizinga eliphantsi ngeminyaka emibini kunye ne1% kumyinge wokuphucuka ngonyaka ukususela ngo2006 (iPRMA)
Iminyaka yomhlalaphantsi obuqhelekileyo	65	65
Intelekiso neqabane ngokuxhomekeke kumhlalaphantsi	85%	85%
Ukuqhuba kobulungu ekuthatyathweni komhlalaphantsi	70%	80%

Izixa zingokweRandi	2025	2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

Yiya kwitheybhile engezantsi ngeenkcukacha ezigthe vetshe mlunga neentelekelelo eziphambili:

Izinga leSaphulelo	IGRAP 25 ichaza ukumiselwa kwentelekelelo yezinga leSaphulelo esiza kusetyenziswa ngokolu hlobo lulandelayo: Izinga lesaphulelo elibonakalisa ixabiso lemali elihamba nexesha lithelekelelwa ngcono kakhulu ngokwalathisi kwimiyinge yeemakethe ngomhla wokunikezelwa kwengxelo ngeebhondi zikrhulumente. Apho kungekho makethe ingene nzulu kwiibhondi zikarhulumente ezinexesha elide ngokwaneleyo lokukhula ukuze zithungelane nentelekelelo yokukhula yazo zonke iintlawulo zeenzuzo, iqumrhu lisebenzisa amazing emakethe exesha elifanelekileyo ukuze kube nokufakwa isaphulelo iintlawulo zexesh elifutshane ze kuthelekelelwe izinga lesaphulelo kumaxesha amade ngokuthi kolulwe amazing exesha langoku leemakethe kwigophe leenzuzo
Izinga eliQhelekileyo lokweNyuswa koMvuzo	Izinga elikhoyo lexesha elisezayo lesalathiso sokwenyuka kwamaxabiso abathengi he (ukwenyuka kweCPI) kwakuthatyathwe kubudlelane obuphakathi (obusekelwe kwigophe leenzuzo) Izinga eliQhelekileyo leBhondi (elisekelwe kwigophe leenzuzo) iBhondi eyaYanyaniswe nokwenyuka kwamaxabiso kwelo xesha lidizwe lithuba elivakala kumsebenzi wokumisela ixabiso. Izinga elithelekelelwayo lokwenyuswa komvuzo lalimiselwe njengexsbiso elithelekelelwayo leCPI kunye ne1%.
Ukwenyuka kweNkonzo yoNcedo loNyango	Izinga loKwenyuka kweGalelo kwiNkonzo yoNyango lalimiselwe ngesalathiso kubudlelane bangaphambili obabuphakathi (obusekelwe kwigophe leenzuzo) kweZinga leSaphulelo kwixesha ngalinye elichaphazelekayo kwakunye (elisekelwe kwigophe leenzuzo) noKwenyuka kweGalelo kwiNkonzo yoNyango kwixesha ngalinye elichaphazelekayo. UMzantsi Afrika ufumene ukwenyuka kakhulu kwamaxabiso ononophelo lonyango kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo. Amazinga amiselwa onyuswe kakhulu onyaka kwisithuba seshumi leminyaka edulileyo abonisa ukuba ukwenyuka kwamaxabiso egalelo kwizikimu ezibhalisiweyo zonyango edlule lee kwiCPI ephangaleleyo ngomyinge ophantse ufikelele kwi3% nyaka nanyaka. Ezi meko zokwenyuka azithatyathwa njengezinozinzo yaye bekuthelekelelwe ukuba ukwentuka kwegalelo kwizikimu zonyango kuza kwedlula lee kwizinga eliphangaleleyo lokwenyuka kwamaxabiso nge1% ngonyaka kwisithuba sekamva elibonakalayo.
Iminyaka yoMhlalaphantsi eQhelekileyo	Iminyaka esele iqhelekile yokuthatyathwa komhlalaphantsi kubo bonke abasebenzi abasempilweni ngama65 eminyaka. Le ntelekelelo ikwathi ivumele nokuthatyathwa komhlalaphantsi ngenxa yobunkenenkene bempilo kwakunye nomhlalaphantsi wangaphambi kwexesha.
Amazinga eMpilo	Ukuphila ngaphambi komhlalaphantsi kuye kwasekelwa kwiiitheybhile zokuphil eziguSA 85 90. Ezi ke zezona zisetyenziswa kakhulu kweli candela loshishino. Ukuphila emva kokuyeka ukusebenza (kwabo bakumhlalaphantsi) bekusoloko kusekelwe kwiitheybhile zokugqibela zokuphila eziguPA (90). Akukho ntelekelelo ivakala ngokukodwa ethe yenziwa ngempilo eyongezelelekileyo okanye ngeendleko zononophelo lwempilo ngenxa kaGawulayo.

Izixa zingokweRandi | 2025 | 2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

Amazinga okuVuselela okweNyuswa kweMivuzo

Kuthe kwenziwa ezi zenyuselo zemivuzo zokuvuselela zilandelayo:

Ibakala loBudala	Isenyuso sokuVuselela
20 24	5%
25 29	4%
30 34	3%
35 39	2%
40 44	1%
45 and over	0%

Ukuncipha ngenxa yokuRhoxa: Amawonga eNkonzo eNde

Kuthe kwavulelwa imvume yokurhoxa ngokusekelwe kubudala, njengoko kushwankathelwe kwitheybhile engezantsi:

Ibakala loBudala	Izinga lokuRhoxa kuMadoda	Izinga lokuRhoxa kuManina
20 – 24	16%	24%
25 – 29	12%	18%
30 – 34	10%	15%
35 – 39	8%	10%
40 – 44	6%	6%
45 – 49	4%	4%
50 – 54	2%	2%
55 – 59	1%	1%
60+	0%	0%

Ukuncipha ngenxa yokuRhoxa: Inkonzo yoNcedo loNyango yaseMva koMhlalaphantsi

Kuthe kwavulelwa imvume yokurhoxa ngokusekelwe kubudala, njengoko kushwankathelwe kwitheybhile engezantsi:

Ibakala loBudala	Izinga lokuRhoxa kuMadoda	Izinga lokuRhoxa kuManina
20 24	15%	15%
25 29	10%	10%
30 34	7%	7%
35 39	4%	4%
40 44	2%	2%
45 +	0%	0%

Izixa zingokweRandi	2025	2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

UMhlalaphantsi wangaPhambi kweThuba: Amawonga eNkonde eNde

Amazinga athelekelelweyo omhlalaphantsi wangaphambi kwexesh adizwe ngezantsi apha:

Ibakala loBudala	Ukuncipha kuMadoda NRA 65	Ukuncipha kuManina NRA 65
20 – 54	0%	0%
55 – 59	5%	10%
60 – 64	5%	10%
65	100%	100%

Uhllutyo lwemvakalelo

Iziphumo zomsebenzi wokumiselwa kwamaxabiso zixhomekeke kwiintelekelelo ezisetyenzisiweyo. Ezi theybhile zingezanti apha zidanalazisa okokuqala ukuba lichaphazeleke njani ityala eliqokelelene de kwaya kuthi ga ngomhla wama31 kweyoKwindla ka2025 ziinguqu ezikwezi ntelekelelo ze okwesibini indlela iinkcitho ezikwingxelo yengeniso (inzala kwakunye nendleko yeenkonzo) ezichaphazeleke ngayo ziinguqu ezikwiintelekelelo.

Inkonzo yoNcedo loNyango yaseMva koMhlalaphantsi

Izinga lokuPhila

Iimeko zokutenxa kwinqanaba elithelekelelweyo lamava okuphila abasebenzi abakhoyo kwakunye nabasebenzi abaqhubekayo (abathathe umhlalaphantsi) ziya kuba nefuthe elikhulu kweyona ndleko kweli qumrhu. Ukuba awona mazinga okuphula aba ngentla kunamazinga akwisiseko sokumiselwa kwamaxabiso, indleko kwiqumrhu ngoweenkxasomali iya kwehla ze kube njalo nakwelinye eicala.

Le theybhile ingezantsi apha ibonakalisa ifuthe lamazinga aphezulu naphantsi okuphula ngokuthi kwehlize ze kwenyuswe amazing okuphila ngomyinge ongama20%. Ifuthe linje ngoku kulandelayo:

	Izinga lokuPhila elikuma 20%	Intelekelelo yeXabiso	Izinga lokuPhila elikuma 20%
Ityala eliQokeleleneyo liLonke	R 5 656 000	R 5 220 000	R 4 849 000
INdleko yeNzala	R 779 000	R 718 000	R 666 000
INdleko yeNkonzo	R 270 000	R 247 000	R 227 000

Ukwenyuka kwaMaxabiso eNkonzo yoNcedo loNyango

Indleko yenkxasomali emva komhlalaphantsi ixhomekeke kumagalelo esikumi senkonzo yoncedo lonyango ngaphambi nasemva komhlalaphantsi. Izinga enyuka ngayo la magalelo liya kuba nefuthe elithe ngqo kumatyala abantu abaseza kuthabatha umhlalaphantsi.

Le theybhile ingezantsi apha ibonakalisa ifuthe elikumyinge osi1% ngonyaka ngokwenguqu kwizinga lentelekelelo y lokwenyuka kwamaxabisos enkonzo yoncedo lonyango. Ifuthe lingolu hlobo lulandelayo:

	Umyinge ongu-1% wokwenyuka kwamaxabiso enkonzo yoncedo lonyango	Intelekelelo yeXabiso	Umyinge ongu+1% wokwenyuka kwamaxabiso enkonzo yoncedo lonyango
Ityala eliQokeleleneyo liLonke	R 4 938 000	R 5 220 000	R 5 367 000
INdleko yeNzala	R 678 000	R 718 000	R 738 000
INdleko yeNkonzo	R 231 000	R 247 000	R 254 000

Izixa zingokweRandi

2025	2024

14. Iinzuzo zabasebenzi (ziyaqhuba)

Izinga lesaphulelo

Ixabiso letyala lixhomekeke ngokuthe ngqo kwinqanaba lezinga lesaphulelo elisetyenzisiweyi ukwaphulela imali ekulindeleke ukuba iseza kungena. Ukuba izinga lesaphulelo liphezulu, ixabiso langoku letyala elo liya kuba phantsi kwanangenye indlela.

Le theybhile ingezantsi apha ibonakalisa ifuthe lenguqu ekumyinge we1% kwizinga lentelekelelo yesaphulelo. Ifuthe lingokolu hlobo lulandelayo:

Ityala eliQokeleleneyo liLonke	Umyinge ongu 1% wesaphulelo	Intelekelelo yeXabiso	Umyinge ongu+1% wesaphulelo
Total Accrued Liability	R 6 156 000	R 5 220 000	R 4 469 000
Interest Cost	R 850 000	R 718 000	R 612 000
Service Cost	R 301 000	R 247 000	R 204 000

Amawonga eNkonzo eNde

Izinga lokurhoxa

